I have now gotten into a habit of sneaking out of my home to visit my new dad in Galeshewe. I normally pretend to be visiting my aunt and uncle – my mother's younger siblings – who now work there. They know all about it but have, since inception, made it clear they did not want to be involved.

I am now stuck, with a deadly secret, two dads and no mother.

And so, tragically, I am no blood relation of the lovely man who has been my dad for the past fourteen years, neither of his mother, who herself spoils me like crazy.

But my mother didn't do it on purpose, I swear.

I still love my sweet dad though. His love for me keeps him alive, he tells me. I love him too, but, like my mother, I will keep the secret from him... to the grave.

A GIFT

I swung sideways without balance as the train rushed through the Cape Flats, picking up and spitting out commuters on the way.

We were about seven stations away when the train slowed down and came to a standstill somewhere between Langa and Pinelands. It was packed and stuffy. I could barely see Nosiseko. People were on their way to work.

Leaning against the metal pillar in the middle of the carriage, with my suitcase in between my legs, I was on MiXit, texting my friend Amish.

Amish: Hey *chom*, cnt bliv you lvin me *sad face*

Me: it's only gna be a month *chom maan*, please dnt b sad

Amish: m gna mic u 2 much *sana*.

Me: Mi 2 gal, but will keep in touch, I prm

Amish: Nwaes, hv a grt trip my f, lv u lots, like jelly tots

Me: Later gal, lv u 2! *teary*

Finally, the train moved again and, despite the twenty-minute delay, we arrived at Cape Town Station at 06h27, a full hour and thirty minutes earlier. Nosiseko dragged the suitcase down all the way to the queue at the TransLux counter, where she checked me in. I lagged behind with the backpack and the big *scarftin* containing my *padkos*.

We sat talking and talking in the waiting area until departure time. Nosiseko shed a few drops as the bus made out. I kept waving.

The big mama seated next to me wasted no time, she immediately fell asleep and snored *moertoe!* Luckily, I had the latest Drum magazine issue as a companion. On cover was my role model, Katlego Danke, Generations' Dineo. I read, slept, woke up and read again.

At long last, twenty one hours later, we got to Lady Frere. Tata, *makhulu* and my three cousins Coceka, Nobathembu and Sivuyile were there to welcome me. They were happy to be reunited

with me, after seven full years of slum life in KTC, a section of the greater Nyanga township. Laying her frail eyes on me, I saw that *makhulu* was crying. She was truly appeased.

I too was happy to be back. We drove home in tata's Isuzu bakkie. I sat with the cousins on the mattress in the back. We chatted and chatted and hugged and kissed.

On the way, I realised that Nonjoli, my village, place of birth; had not changed. Not a bit. It looked duller though. There were still no traffic lights, no tarred roads. Not even in town. There were now a few cement houses but most were still made of mud, falling and broken.

While offloading at home, I thought of my friends. Fezeka, in particular. I cannot even describe the shock that overwhelmed me when Coceka told me my friend had gotten married a year before and now lived in Njwanxa with her husband and new-born. But she was still young, my age, I thought.

A few days later, I found out that girls my age and older were no longer swimming at Nxarhuni. They now went to the river to fetch water and to wash clothes. The river, I later learnt, was a great hang-out place for adolescent boys and girls. A few metres away, boys would sit on rocks discussing their crushes and latest catches.

The holidays were filled with festivities and trips to the Eastern beach in East London.

Like any other girl my age, I was expected to go to the fields for wood and to the river for water. Aunty Queeny took care of laundry.

I had just filled the enamel bucket with water at the river, struggling to load it onto my head when Nobathembu alerted me to the three old men calling me, a few metres away. I ignored them. I had never seen them before. With the bucket on my head, I walked home.

But then, only a few steps away, a heavy blow struck the lower back of my head and sent me down to the ground. I became unconscious. Dizzy and confused, I attempted getting up when the men drew closer. I was crying out loud, begging for mercy. Two of them pulled me onto my still shaky feet and dragged me along the ground. I resisted, crying out while assuring them it was not me they were looking for. I had done nothing wrong, I told them. But they would hear none of it. One of them was pushing me from behind.

I saw Nobathembu running home. I urged her to do it quickly. “Go call tata”, I cried out. I could not believe it when other girls stood there smiling, watching my ordeal. How cruel of them!

Up on a hill, far away from the houses, I was put down on the kikuyu grass. One of them held my hands together across my head, the other down-pressing my legs apart while the third one drew up my dress and undid my panties. I was out of breath and could cry no more. I watched him as he undid his pants and shoes.

I begged for mercy as he held his erect, big and hairy penis in one hand and then kneeled down in between my thighs, further stretching them apart. I felt a burning sensation as he forcibly penetrated me, thereby tearing my insides. I burned with pain as he continued forcing himself into me. In and out and in and out while giving no heed to my cries. By this time, I was bleeding. He did not stop. My whole body turned numb and stiff. I was weak, hopeless and held down tightly.

Roaring and moaning like a lion, he then pressed even harder, in and out. *Aaah-aaah-aaah!* He seemed pleased. Kneeling up again, he stretched his hand to receive the snow white towel from the one holding my hands. He was bloodied himself. He wiped the blood off himself, then off me.

The two had been holding me now shoved the panties back up my legs and dropped my dress, while pulling me onto my feet. I was weak and couldn't stand on my own.

“Uxolo. I'm sorry, bhuti.” I begged. But none of them said anything.

There was not even a smell of tata. I was all on my own with these evil strangers.

The two men walked beside me, holding my arms, while their friend walked ahead, stretching his excited legs forward, with the bloodied towel hanging carelessly in his right hand. They were not taking me home. We were getting deeper into Ngcabasa, the neighbouring village, across the mealie plantations.

I had already given up on pleading when we reached houses while descending the hill. At the gate to one of the houses, I heard voices of women. As soon as they saw the man waving the towel, the mamas stood up with excitement and ululated. They were responding to the towel.

As I learnt later, the blood told them that prior to being violated; I had never been with a man. It symbolised my purity, my virginity. The man had bagged himself purity in its most natural form. One of them burst out, ululating:

Yehaaa ... yeahaaa!

Yiyo ... yiyo yintoombi

Yintombi ntoo, bafazi

Yiyiyiyiyiii!

About six mamas came to welcome us. They too were waving cloths and towels. Clean towels. One of them took the bloodied one and waved it up in the air.

I was seated down. The three men disappeared into a compound next to the house. In the midst of all the frightening confusion, a bath tub with warm water was brought before me. With another clean, white bath towel, I was made to take off my panties and cleanse myself.

I was congratulated for my purity in the face of today's teenage sex. I did not know what to say. They often referred to me as *makoti*.

The mama I later found out was a mother to the man who had violated me ordered that I be taken to the car outside – a white Yaris. She took me to the Ngcabasa Community Health Care Centre, where a nurse ordered me onto a bed, opened wide my legs and, using bluish plastic gloves and some odd tools, uncomfortably played with my vagina. A few minutes later, she talked to the mama, declaring me healthy and out of any risk. We drove back to her house.

She told me I would sleep with her and promised to take me back home first thing the following morning.

At about eight the following morning, some old man came in and, without greeting, told the mama he was ready. The three men who had abducted me came in. I jumped out of my chair. The mama assured me nothing was to happen.

The four men got into the back seat and I sat in the front with the driver. I was being taken home, they said. She drove straight to my home, but I had not told them where I stayed. A few metres

away, I was ordered out with all the men. The mama just dropped us off and left. The old man was holding my hand.

At the entrance into my house, mama was there, she jumped to me, “*Usana lwam!* Oh, my poor child, are you ok, *sisi?*” My father jumped up from his chair. He ordered mama to the kitchen. Greeting the men back, he turned to me for interrogation. He asked if I was going back with the man and I just shook my head. He then asked if I was as pure and I told him the truth.

Before releasing me into mama hands in the kitchen, tata told the men that they heard for themselves that I was refusing marriage to their family, but that because they had already taken away my innocence and purity, custom dictated, as they themselves were aware; that they pay the damages. They made arrangements for the delivery of a cow. And that’s how much my life was worth, a four-legged ox.

Mama was crying. She told me we were going back to Cape Town the following morning. It was still a week before Christmas. Two weeks into Cape Town, I developed sicknesses, often feeling dizzy and vomiting. Mama took me to the clinic and I was declared pregnant.

Mama was sure we would terminate the pregnancy but Aunty Lungiswa went on and on about how much of a heavenly gift a child was. She warned mama that aborting could expose me to the possibility of never being able to conceive again.

So, a full nine months later, on the day when my mother was supposed to have been throwing a birthday party for me, as per the norm; I gave birth to a healthy baby boy my mother named Siphso, a Gift.

I PRAY HE BURNS IN HELL!

As usual, the Cape Town Station is busy; people are bumping into each other while running into their respective platforms to all direction. It is time to go home.

I have only less than four minutes to reach platform 22. With my handbag clinging tightly on my right shoulder and on a tight a grip from my left hand and the brown A-4 envelope on my left hand, I do my best speeding past the hordes and reach the first third class carriage just in time. It is packed already, yeses!

But this is nothing new so, ja, no stress. With the help from two other hands from inside, I pull myself in. there are others pulling themselves in after me. The whistle goes off, the train starts moving and two passengers hold on tightly to the doors so they don't close, for there are still more people coming in. Inside, it is uncomfortably stuffed-up, smelly and noisy.

While others are complaining about the rising levels of violent crime in their communities and their *stout* children, others are going on about how lucky Kaizer Chiefs were over the weekend in the Carling Black Label Cup match that doubled as the Soweto Derby: for the first time since the Cup's inception, Amakhosi lifted the trophy.

Uncomfortable as it already is, passengers keep squeezing in at every station we go past, and I keep getting pressed even tighter. I can't even see the people; all I hear is voices and the competing bodily smells.

I regret not having left immediately after finishing my business in town, more than two hours before. But I had thought I should delay my journey back to the boring Khayelitsha.

Thanks God the envelope they are pushing against in my hand has only a Career Times copy. I distributed all of the eight copies of my CV, the motivating letters and the ID copies to the restaurants and retailers around town. One place I hope to hear from soon is the Fire & Ice hotel. They need more hands for their bar and restaurant and offer quite a package. Pick 'n Pay is another great option. They have medical cover and offer free transport to staff, I hear.

The day has been a long one. I will especially never forget the temptation the Congolese guy I met while having my lunch at the Company Gardens put me through when he showed me a

lump-sum he promised would be mine if I agreed to assist. Out of nowhere, he just pitched and sat next to me without even asking if I was cool with it.

He asked that I agree to staging a marriage with him in exchange for R4000 so he could get a citizenship and be free from police harassments. He was no criminal, he assured me.

I refused it and respectfully asked him to please leave me alone. I felt like telling him off with a *fuck you* when he insisted, telling me I would need the money when I have “nothing to eat in a cold shack in Khayelitsha”. But I know better. Damn, who does he think he is, the bloody refugee!

I am having it hard yes, but I am a God-fearing Christian and a law-abiding citizen with morals. When my turn comes, I know I will earn money, the correct way. You should have seen the look on his face told me that he just couldn't understand how a girl who couldn't even afford a can of Coke for her dry lunch could resist the temptation.

Passengers continue squeezing and I am hard pressed yes but hey, I am especially not appreciative of the distance between the waist of the person standing behind me and my bum. He or she is so tightly pressed, or pressing, against my bum that it creates a discomforting sense of awareness. Even worse, I can't even turn my head to look at him, or her. Everyone is complaining about being hard-pressed against and it's all in vain, so there's no point in me adding. Even if it were to be a woman, I'd still not like it.

And, all along, my waist keeps swinging helplessly sideways, out of shape as the train tosses and turns left-and-right, with people constantly almost falling on each other. But I find it quite funny and can't help thinking it is a well calculated affair that the perpetrator waist rides with my bum in every direction. It doesn't budge. For balance, I try holding on tightly to the plastic rope hanging on the ceiling but it's still in vain.

The waist feels uncomfortably warm and intrusive. I keep trying to lower my skirt down. This pushes me to the brim. I am extremely annoyed. When I get a job I swear, I would make sure I close my eyes and buy the R365 monthly ticket that sis' Nomnikelo says she pays for her comfortable, leather-seat first class ride. Sis' Nomni says they each get a newspaper and a cup of

coffee every morning and have at least two guards manning the carriage at any given time. Khayelitsha Express, they call it. Oh what peace of mind that must be!

But hey, this waist behind me, it is irritating. *No man*, I feel like crying out. It is still tightly pressed against my bum. I can't wait to get off.

After what seems like forever, the train finally gets to Nonkqubela, my home station in Site B. A sigh of relief ... oh what a journey! A big number of us get off. I rush through the platform.

"*Siiies!*" an exaggerated cry of disgust from someone behind, I hear. But I don't turn to see. I need to be home, it's been a long day.

"*Sisi, sisi ... hey lady!*" A boy walking besides me pats on my shoulder and points me to the people behind. With a disgusted face, a mid-aged woman points at my behind. "Hey lady, for your own good, you might wanna look just there and I hope it's not what I suspect it is."

Damn! This attracts everyone's eyes ... to my bum. I turn my skirt around to look. "oh *Jerre!*", again, they exclaim.

"These men have lost their sense of respect, shame. They are disgusting!" declares a girl probably my age. They deserve to be yanked by their dirty penises and pushed into running trains and just die."

Sperms, it is. Yeses! I feel humiliated. I am disgusted. I feel dirty. Now I get it. So the waist was a man and he had the nerve, and courage, to take out of his pants his perverted penis, onto my bum.

He has degraded me. With twisted faces, people offer tissues for me to wipe it off, but I don't accept them. I run for the gate where I hope my brother is waiting for me. I hate the bastard and pray he burns in hell.

Isikhumba Sikaxam

This is **Part Two** of a thesis submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of

Master of Arts in Creative Writing

of

Rhodes University

by

Fundile Majola

November 2013

This thesis is presented in two parts: English and isiXhosa, in separate manuscripts

Isishwankathelo

Amabali am asekelwe ezilokishini yaye ahambelana neemeko ezimaxongo zokuphila zasezilokishini apho yaye amanye asukela kwixesha lengcinezelo yesizwe esimnyama. Imiba echatshazelwa kula mabali iquka intlupheko, intiyo kwakunye nokuphilisana koluntu ezilokishini, phantsi kwezo meko. Amabali la ndizame ukuwenza alandele indlela yokubalisa yhenkwenkwana enguSkhumba, ethi ibone iqwalasele iimeko zokuphila zabantu bohlanga lwayo. Inqokelela esisiqendu sokuqala yona ibhalwe ze yangeniswa ngesiNgesi.

Abstract

My stories are set in the townships, and move with the vigorous rhythms and jagged structures of township life. Some of them are written in English and others in isiXhosa. Some of the dialogue is township slang, a mixture of languages; and pure isiXhosa. The stories follow no particular pattern and are arranged according to any form of chronology, since the characters are not related each story perfectly stands for itself. Some of the stories hark back to the days of apartheid and are seen through the eyes of a child confused by the humiliations of his elders.

IZIQULATHO

Isidlo Sokugqibela	1
Ubiziwe	5
Ukuduka Kwemali Yamathumbu	9
Usuku Lwam Lokuqala Emsebenzini	13
Usuku Lokubuyela Kwam Esikolweni	19
Imali Yokutya Komntwana	23
Into kaMamkhumbeni Inoboya, Caba	27
Akukho Nzwana Ingenasiphako	30
USandile Noninalume	34
Ingqeqesho Iqala Ekhaya	36
Ikhoba	40
Usenzile Kodwa Umama kaPilityi	44
Iholide Zam Kwamakhulu	48
Isiphelo	52
Isibhlivane Sam	56
Ibali likabhut' Matyumza	59
Isipili sikaMakheswa	61
Imini Endingasokuze Ndiyilibale	64
Indiphathele Indumasi Iwotshi Yam	68
Umthathi Uyawuzala Umlatha	72
Mabahambe	77

ISIDLO SOKUGQIBELA

Yintsasa yoMvulo, mna nomntakwethu asiyanga esikolweni kuba izulu lilibi. Sidlala ngezinto zethu zokudlala kwigumbi lethu lokulala. Emva kokuba ese umama emsebenzini ngesithuthi, utata ubuye waphindela ezingubeni. USkhixi ukhalela isithuthi sam sokudlala, uyangxola. Sithi sakulilisana asingxolise esithi siyangxola uzama ukulala. Umninawa uyaphikelela ekhalela isithuthi sam, ndiyamnika, athule.

Kuthi ke emva kwemizuzu engephi simbone utata ephuma egumbini lakhe esiza kuthi afike athi usiqumbele ngoba thina siyamngxolela xa efuna ukulala. USkhixi utyholo mna esithi ndidlala kakubi. Utata uphethe iglasi enamazinyo akhe emboleko. Uyaphuma aye kuwahlamba empompeni. Siyamlandela. Ufika apho kukho ummelwane umama kaNtobeko. Bayabulisana kuncokolwe ngolwaluko lukaNtobeko oluzakuba kwisithuba seenyanga ezimbini ezizayo. Utata uthi akugqiba ukuhlamba amazinyo akhe, awafake emlonyeni abuyele endlwini, siyamlandela kwakho.

Kwesi sithuba sele ithe qabu imvula, kulokho ekwazi nje ukusithuma ibhokisi yamaqanda amathandathu, isonka, iitumato kunye nobisi, ze athi maze sizithengele nathi izinto zokumungunya. Siyakhawuleza sibuye ke, kwenziwe ukutya, kuphakwe, ndithunywe ukuba ndiye kunika uBra Suz okwakhe epozini lakhe. Ndifika esalele, ndimvuse, athi mandikubeke etafileni. Ndibuyela ekhitshini ndonwabele ukutya nomntakwethu notata, kuncokolwe, kuhlekwe.

Uye ahlambe izitya utata emva koko, ngelixa thina sichola-chola amaphepha nezinye izinto ezimdaka ngaphandle. Uthi akugqiba utata akhuphe imoto yakhe ngapha kwamasango ukuze ayihlambe. Simncedisa emavilini. Sithi sakugqiba athi masikhwele axelele uBra Suz ukuba uyabuya usaya kulanda umama emsebenzini, kuba ebethe uzakusebenza de kube yintsimbi yeshumi elinambini. Siqala egaraji apho afika ongeze amafutha esithuthi esi, ze sisingise ngasedolophini. Sifika edolophini singene kwa-OK apho athenga khona izinto zokutya, asithengele nathi amashwamshwam ze sibuyele esithuthini kuyiwe emsebenzini kamama.

Sifika sele esilindile umama, angene esithuthini aphuze utata, eze kuSkhixi, ze agqibelise ngam. Umama ukhalaza ngentloko ebuhlungu arhanela ukuba ingumvuka wokungenwa kwakhe ngumkhuhlane. Uye athi uza kufika endlwini alale, ze notata athi akayi ndawo tu namhlanje, uzakuhlala endlwini. Sithi sifika endlwini umama asicele ukuba siye kudlala ngaphandle kwela gumbi kuphekelwa kulo ukuze singamngxoleli. Utata yena ufika aye

epozini kuBra Suz, bahlale bancokole. Kuthi ke kwisithuba esifana neeyure ezimbini sidlala angene utata apha ekhitshini afike achube imifuno, aqhole inyama, abase isitovu apheke. Sesiman' ukuncokola naye ke ngoku, simncedisa kwiintwana-ntwanana. Kuyahlekwa kumnandi.

Uthi utata akugqiba ukupheka asimisele amanzi asihlambe nomntakwethu, ze ahlambe naye. Siyahlala emva koko kubukelwe *uSokhetye Inkawu Yelitye* kumabonakude. Utata yena uzifundela iphepha-ndaba. Kuthi emva kweyure umninawa abiwe bubuthongo, ze utata amfunqule aye kumbeka emandlalweni ecaleni komama esekobentlombe. Utata ufaka isandla kwibhulukhwe ebeyinxibe ngezolo akhuphe imali eziinkozo athi mandimkhape siye kuthenga isiselo evenkileni. Undibeke emagxeni ke sihamba nje, sincokola kumnandi. Sifika kuloPinkboy utata ancokole notata kaPinkboy ngelixa mna ndibukele uPinkboy edlala ngenqwelo-ntaka yakhe, eyiphethe ngesandla, eyihambisa phezulu. Ndicela andidlalise, kodwa ale esithi akafuni. Utata uyasunikwa isiselo ze avalelise sihambe sibuyele ekhaya.

Kuthi emva koko athi mandiye kuxelela uBra Suz ukuba eze endlwini ngoba uzakuphaka ngoku. uBra Suz uye athi uziva enentloko ebuhlungu yena angazikhathazi utata kodwa, angamphakela nje, uzakutya akufumana isiqabu. Ndibuyela endlwini sele evukile umama, exukuxa. Utata uyaphaka acele umama ukuba avuse umninawa aze kutya. Umama yena uye acele ayekwe umntwana ngoba udiniwe, abe ke ngoko umninawa noBra Suz abatyi nathi. Kodwa ke sithi sisatya njalo kuvakale isithonga sokuwa kukamninawa, abe sele esitsho nesikhalo. Umama uyabaleka aye kumthatha amthuthuzele, amthathe embeke phezu kwakhe ngelixa asetafileni, amtyise. Sithi xa kanye sigqiba ukutya, utata elungiselela ukusigalelela isiselo, kukhale umnxeba egumbini, aye kuwuphendula.

Ubuya achazele umama ukuba ibisisihlobo sakhe ubhut' Kototo, uthi usendlwini yesinye isihlobo sabo kwiSitalato iSangotsha esikufutshane nesi sethu; yaye ucela ukumbona ngokukhawuleza yaye akayi kumlibazisa. Umama uyakhalaza akhumbuze utata ukuba kaloku bebethembisene ukuba akayi ndawo namhlanje, sekutheni ngoku ehamba nje. Utata uye azame ukucacisa ukuba makube mhlawumbi ngumba obalulekileyo nongxamiseke kakhulu lo afuna ukumbonela wona umhlobo wakhe, yaye naye ke uyathembisa, akayi kuhlala. Uyala umama. "Nisenakho kaloku, Mzwandile, ukubonana nangomso, kuselithuba tyhini?" Utata uphinda azame ukucenga ebonisa umama ukuba kusenokwenzeka ukuba umhlobo wakhe udinga uncedo olukhawulezileyo, watsho esithi ukumqinisekisa ukuba akayi kuhlala apho, uzakusishiya isithuthi. Uye athule umama, kubonakala mhlophe ukuba akaxolanga

nakancinci. Kodwa ke utata uye aphinde amcenge esithi makamkhulule, ze umama ke, noxa engekaxoli, athi makahambe. Utata uye aphuze umama ebunzi aphinde abulele ngokumkhulula, aphinde futhi athembise ukuba akasayi kuba mde kumhlobo wakhe. “Ndiyabuya ngoku, bafana bam.” Uthembisa atsho nakuthi. “*Sure*, tata.” Iphendula itsho le ingumninawa.

Uyaphuma ke utata, avale umnyango, sisale thina nomama sibukele umabonakude. Kuthi emva kwesithuba esifikelela kwiiyure ezimbini, engekabuyi utata; umama athi masiye kulala ngoba siya esikolweni ngentsasa elandelayo. Singena emandlalweni singekathandi ke ngoba asikozeli, futhi ke nomboniso wethu esiwuthandayo kumabonakude awukaqali. Kodwa ke siyazi, umama akathethi kabini, ngoko ke, senza ngokwemiyalelo. Andazi ukuba ngubani ophela elala kuqala kodwa ndiyarhana ndim ngoba bendidiniwe.

Kuthi ngentseni elandelayo sivuswe sisikhalo esikrakrayo sikamama, ezibethekisa naseludongeni, ekhwaza igama likatata. Sithi sisesebuthongweni njalo, sifumanise ukuba kukho nabanye abantu apha endlini, abaquka oobhuti ababini esingabaziyo kunye nomama notata kaNtobeko, abamelwane bethu. Omnye waba bhuti singabaziyo uye eze apha kuthi emandlalweni, athi:

“Vukani, vukani, makwedini, utata wenu ufile.”

Asikayazi ncam ke thina indaba yokuba uthetha ukuthini xa athi umntu ufile, ngoko ke siye singazi nomntakwethu ukuba sithini ukuphendula kule nto ithethwa ngulo bhuti. Ngaphandle kokubhideka zizililo zikamama, asikabi nazimvakalelo zizizo. Umama ukhala akayeki, abamelwane baya besanda ngoku endlwini, beze kuthuthuzela umama. Siyababona basijonga ngokusisizela, kodwa ke asazi nathi ukuba sithini. Iyaqhuba ke imini kuman’ ukungena abamelwane beze kumama, bafike basange nathi, basixelele ukuba singakhathazeki ngoba utata wethu uye ezulwini, siyakuhlangu naye thina khona apho. Ikwa ngabamelwane abasenzela ipapa ukuze site, umama akekho mandleni.

Kwisithuba seentsuku ezilandelayo, kuqhuba imithandazo rhoqo ngorhatya, kuculwe kufundwe neBhayibhile. Umama ngoku uthanda ukunxiba iqhiya, yaye usoloko ekhala. Kuya kugcwala apha ekhaya, izizalwane ziza kuhlala, nathi ngoku siphele singenandawo yokuhlala. Andiyithandisisi le meko. Umama akasasihoyi kakuhle, yaye usoloko engathi ukhathazekile. Utata yena kuthiwa ufile, yaye akutshiwo ukuba uza kubuya nini ekufeni, siyamkhumbula thina. Kwisithuba seveki, ngomnye uMgqibelo, umakazi uNonzolo usixelela

ukuba kuyafihlwa yaye mna nomntakwethu sithengelwe iisuti ezintsha. Ndiva kuculwa la ngoma sidla ngokuyicula esikolweni ndingxole ndichazele umninawa, “Skhixi, nantsi le ngoma le sidla ngokuyicula esikolweni!” Umama uyandikhalimela athi mandingangxoli.

Kwiintsukwana ezimbalwa emva koku, uBra Suz uthe vram yaye ubonakala ekhathazekile, ekwanomsindo ngaxesha-nye, uyathukisa ngelixa alilayo. Uthetha nomama: “Uyabona, Nomvuzo, ukuba ndingambamba ngezi zam la Kototo, uyakuzisola. Njani abulale utata uMzwandile esazi ukuba uzakushiya iintwana zakhe? Uthi mazithini ezi ntwana ngoku?” umama akaphenduli, uthule, kodwa ubonakala ekude ngeengcinga.

Siba ke ngolo hlobo isidlo esasisiphekelwe ngutata ngala Mvulo, sisidlo sethu sokugqibela naye.

UBIZIWE

Kuthi ke ngenye imini, kwisithuba seeveki ezimbini emva kokuba efihliwe utata, avuke umama asibambe nomntakwethu njengesiqhelo, ze naye ahlambe elungiselela ukuya emsebenzini. Usishiya sisatya ipapa ke thina, kuba noko thina sifunda kwalapha kufutshane, siwela nje indlela sibe sesingaphakathi kwamasango esikolo.

Apha ekhayeni azikahambi zonke ke izizalwane ebezise kusikhunga ekushiyweni kwethu ngutata, yaye ezi zizalwane ziquka umakazi wootata kunye nodade botata uNomayeye; esimteketisa ngokumbiza 'dabs'. Udabs ke yena uze nontondo wakhe oseyimveku uNoraysi kunye nela geza lentwana linguSandile. Kumnandi ke ngoba siyatefiswa ngoku, sibukwa ngumntu wonke, yaye nomama akasakwazi kusingxolisa nakusibetha, uyanqandwa kuthiwe ayikho le nto ayenza ebantwaneni. Siyayithanda le meko nomntakwethu. Akumnandanga kaloku ukusoloko unqandwa xa ungumntwana, yaye abazali abayiqondi eyokuba sukuba sizonwabela ezi zinto basinqanda kuzo; futhi ke kuthi kuba ngathi abafuni sonwabe.

Simkile ke nathi saya esikolweni njengesiqhelo, sabuya sakhulula impahla yesikolo, satya saya kudlala nabanye abantwana esitalatweni. Kuthe ke emva kwemini udabs wasibiza ukuba singene ngaphakathi endlwini ukuze sigcine uSandile noNoraysi ngoba yena nomakazi wakhe kukho indawo abasaya kuyo ngokukhawuleza. UBra Suz yena ke ebesahambe ezakhe iindawo, ze wathi akubuya samxelela ukuba oodabs bathe bazakubuya kungekudala basasukela into engxamisekileyo. Uthe akukhala uNoraysi ndamcingela ngoko nangoko ukuba ulambile ze ndenza njengoko ebeyalele udabs, ndamfudumezela ibhotile yobisi lwakhe emanzini ashushu ze ndamseza. Uthe akungathuli ndaxakwa ke ngoku, ze uBra Suz wacingela ukuba makube udinga ukutshintshwa inapkeni.

Ndiye egumbini ndafumana elinye ekhabhathini ze ndafika ndamkhulula uNoraysi, kwathi kanti eneneni uzenzele; ndamtshintsha. Ndithathe elo linqongo ndalifaka ebhakethini ukuze lihlanjwe ngudabs akubuya, ze ndaphinda ndamfaka ibhotile yakhe yobisi esafudumeleyo, kwathi kanti ibiyileyo ingxaki. Akaphindanga asihluphe, sihleli nje sonke kwamnandi sidlalisana njalo.

Kuthe kanye xa kuqala ukurhatyela, bafika oodabs, baxola ndakubaxelela ukuba akakhange asinike ngxaki umntwana ngaphandle kokuba ebekhe wafuna ukutshintshwa. Oodabs babize uBra Suz bavalelana bodwa egumbini ngelixa thina sibukele umabonakude. Bahleli apho isithuba eside de noNoraysi wakhala efuna umama wakhe. Uvulile udabs wamthatha

uNoraysi waphinda wawuvala ngoko nangoko umnyango. Kuthe ke emva kwethuba elide bephaya, wavakala uvuleka umnyango, baphuma bonke. UBra Suz uye wacela ndimqhuba ngesitulo ndimkhuphe aye kuphumla, wabe efixiza ke kodwa. Ndimbuzile ukuba kukho nto ingamphethanga kakuhle na okanye kukho ndawo ibuhlungu emzimbeni wakhe, wathi yintloko nje kodwa ke izakuphila, ndingakhathazeki ngoba sele ezifumene iipilisi, uzakuphumla egumbini lakhe ngoku ukuze avuke engcono.

Udabs uye wabiza mna nomntakwethu bahlala nathi ze basixelela ukuba umama akazi kubuya namhlanje kukho into encinci eyenzekileyo, kodwa ke singakhathazeki kuza kulunga. Sileli ngalo mhla engekho umama, okokuqala ebomini bethu. Ngentsasa elandelayo sivuswe ngumnxeba obungxola ukhala egumbini. Ndiye udabs ewuphakamisa wabulisa ze kwisithutyana somzuzwana ndeva ngesijwili sakhe. Utsho esikrakra kangangokuba kuthe kungemzuzu kwabe sekungena umama kaNtobeko eze kusabela. Uthe engena nje umama kaNtobeko wabe ekhwaza igama likamama udabs, “Nomvuzo ...Nomvuzo!”

Umama kaNtobeko uzame ukumthomalalisa udabs, wamhlalisa phantsi, ngelixa umakazi wakhe yena enika mna umyalezo wokuba ndivuke ndinxibe ndiye kubiza utata kaSibusiso kwalapha ebumelwaneni. Ndifike kanye xa aphumayo esithi uyaphangela utata kaSibusiso, ndabulisa ndamxelela ukuba uyabizwa ekhaya, ubuzile ukuba kukho sehlo na, andayazi ke mna; waphuma nam saya ekhaya. Sifike apho sele kukho nabanye abamelwane.

Sifike apho ndaxelelwa mna nomntakwethu ukuba siye kuhlambela ngaphandle kwela gumbi kuphekelwa kulo kuba amanzi sele esilungele. Okunene ke siyile, sahlamba sithule kungekho uthetha nomnye. Sigqibe apho saya kunxiba endlwini, apho bekusekho abamelwane kusenziwa nomthandazo okhokelwa ngutata kaSibusiso. Silungisile ke sathi siphuma wathi uBra Suz akukho sizathu sakuya esikolweni masikhulule sinxibe impahla yethu. Kodwa ke abanye abantu bona balile, besithi kuyakulunga siye.

Siwelile ke sangena esikolweni, sisabhidekile. Ndothuke zazehlela emva kwemini akuthi utitshalakazi wethu emva komthandazwana abanye abantwana ze baze neesheleni ngomso ukuze kukhungwe isibini esindim nomntakwethu kuba siswelekelwe ngumama. Ndiye ndakhumbula ukuba ngokuya besixelelwa ukuba uswelekile utata, kuye kwathiwa asiphindi simbone, ndazibuza ukuba ingaba nomama asisayi kuphinda size simbone na. Utitshalakazi undikhuphele ngaphandle wandisa e-ofisini apho afike wandimbambazela wandenzela indubela esithi kuzakulunga umama uye ezulwini yaye uye kuphumla ngonaphakade notata.

Ndibuyele eklasini umntakwethu engekabi namvakalelo kuba eneneni ebengazi ukuba makathini, engekayazi ingxaki esikuyo. Sithe sakubuya esikolweni emva kwemini wasibiza waphuma nathi uBra Suz, wasixelela ukuba umama wethu akabuyanga ngezolo emsebenzini ngoba uye waphathwa lihlaba ze abelungu bakhe bambalekisola esibhedlele. Esibhedlele ke caba ufike sele efe isiqaqqa, kodwa ke kwakho amathemba okuba uyakuvuka kwakhona. Ngokuya oodabs bebeleqisa izolo, bebetsalelwe emsebenzini kamama besaziswa ukuba ubalekiselwa esibhedlele. UBra Suz ke usixelele ukuba oodabs bafike umama esaphila kodwa engekaqabuki, bamshiya esenjalo, ze bafumana ke umnxeba ekuseni obaxelele ukuba uye wohluleka wabe uyanduluka emhlabeni.

Usithembisile ke uBra Suz ukuba akayi kuza asilahle nokuba sekutheni na ngoba ukuba ngabantwana bomntakwabo kuthetha ukuba singabantwana bakhe naye, nto leyo ithi uzinika uxanduva lokusikhulisa asihoye. Ndichiphi-chiphizile ke, ze wathi nomntakwethu ngokubhideka, wazama ukukopa kum, zehla nakuye. Ndiphawule ukuba noBra Suz ke akakwazanga kuzibamba, sema phandle apho sibambene sithuthuzelana silila sonke. Ufike udabs wamngxolisa uBra Suz esithi kuyini na ukukhala ebukelwe ngabantwana, uthi mabathini na bona. Uzamile ukuziqinisa uBra Suz esosula ezo nyembezi zingayekiyo ukumpompoza, ngelixa acela uxolo kudabs.

Udabs ukhuphe isheleni wayinika mna ze enye wayinika umntakwethu wathi masiye kuzithengela amashwamshwam. Siyile ke kuloLulama safika samkelwa ngutatomkhulu wakhe othe akusibona wasibiza ukuze sisondele kuye wasanga. Utsho umthandazo omfutshane ze wasixelele ukuba sizakuba ngamadoda yaye ke kufuneka somelelele ukuze sibe ngamadoda amakhulu. Sikhuphe iimali ezo sathenga amashwamshwam, wasinika wasongezelela neelekelele wala esithi masiyigcine kuthi imali yethu, uyasipha ezo zimungumenye.

Xa siphuma uthe ze sazi ukuba umama akashishiyanga nto nje ubiziwe, kodwa ke yena notata bayakusikhusela apho bakhoyo ngoku, futhi baye kusilungiselele nendawo esifaneleyo. “Ubiziwe bantabam, ningamsoli,” uqwele ngelitshoyo. Siphume sabuyela ekhaya apho sifike udabs wathi kuzakufuneka siye kuhlala eLimba kwamakhulu ithutyana, kusekho izinto bona bantu badala abasazilungisayo. Udabs uqokelele iintwanana zempahla yethu wazifaka kunompotwana ze wacela ubhut’ Yhoyhoma ukuba asise kwamakhulu. Sikhwele uduladula saya kufika apho xa kuhlwayo, safika umakhulu esilinde ngezibele ezikhulu, ebhake namaqebengwane akhe amnandi.

Sihleli ke apho kumnandi nomakhulu nomalume wethu ubhut' Ndoda, umakhulu esibhakela amaqebengwane nesonka sombhako esimnandi. Yena ubhut' Ndoda ebesigcina ngamabali akhe amnandi.

Usixelele ke umakhulu sizakukhe singayi eikolweni ithutyana njengokuba abantu abadala phaya ekhaya kusekho izinto abasazama ukuzilungisa. Naye ke umakhulu uthe umama kunye notata babizwe phezulu yaye bebenganakwala, kodwa ke thina simele ukuba sivuye ngoba baye kusilungiselela indawo apho bakhoyo ukuze sifike sihlani sonke silusapho kamnandi nangoxolo. Uthe emva koko wathi masiguqe sithandaze. Siphakame apho saya kulala.

UKUDUKA KWEMALI YAMATHUMBU

Kuthi ke ngenye imini sibuya esikolweni nomntakwethu sicelewe nguBra Suz ukuba sigxabhagxabhise ukutya oku ukuze sileqise kwaMakoti siye kufuna inyama. Sithi sisakhe amacephe mabini-mathathu kuloo mngqusho umnandi nangqumbululu kunene wangezolo, sicengwe ukuba masingabi sagqibezela sakubuya ngako ukutya ngoba ikhawuleza iphele inyama elalini ebomvu kwaMakoti apho. Sihamba singaxolanga ke ngoba besingekakhi macephe abheke ndawo kula mngqusho.

Inyama le thina siye kuyithenga yeyangaphakathi, amathumbu ke futhi. Ingxowa enye yala mathumbu ibiza amashumi asixhenxe eesenti kwaMakoti yaye aphakwa ngathi umntu uyagxothwa. Akho ke nakwaMawila amathumbu, futhi ke ebiza ngaphantsi ngamashumi amabini onke eesenti kunala akwaMakoti, nto nje abantu abawathandi lawo bathi ayavinjwa, mancinci ke ukutsho.

Siphuma endlwini ke siphethe iimali zemizi emibini, eyasekhaya nekamama kaPilityi, lo unxuse emva phaya ekhaya. Sithi ke naxa siphuma asikhumbuze uBra Suz ukuba singahambi sidlala ngoba akhawuleza aphele amathumbu kwaMakoti. “Ke, *gents*, nikhawuleze *maan please* nhe?” sivumile ke nathi sabonakala siqala kwangoko ukwelula imilenze sibaleka. Nathi kaloku siyayifuna le nyama.

Sithi ke ekuhambeni sincokole ngendlela esikhutshwe ngayo kakubi ekutyeni kwethu sisakulambele nendlela esisalambe ngayo kunangoku. Siye sincokole ke nangokuthi ukuba besinayo imadlana besiyakudlula apho kwaMawila sithenge iikota zesonka ezifakwe ibhotolo nepoloni. Uthi akuthetha ngolo hlobo umntakwethu uSkhixi ndirhale nangakumbi ke ngoku. Sithi xa sidlula kwaMawila sibone ukuba mbalwa kwabantu abalinde inyama, ndibe nacebo elindivelelayo, endiye ndikholelwe ukuba lingasebenzela mna nomntakwethu kunye nabantu abadala abo basithumileyo.

Kuye kuvele iqhinga lokuba singema kunye naba bantu bambalwa balinde inyama kwaMawila, sithenge khona amathumbu ngamashumi amahlanu eesenti ingxowa, ze sifumane ezi kota zesonka sizirhalelayo. Ndithi ndakubajonga abantu ndibone ukuba singangabeshumi thina ukuba sinokungena nathi silinde. Ndiye ndiliveze ke eli qhinga kumninawa, ndimbekele ayibone icace gca nembuyekezo ngakuye. Uthi emva kwemizuzwana engathi uyacinga, ndimve ebuza ukuba ndiqinisekile kuqala ukuba siyakuyifumana na inyama apho, ndithi mna xa singabeshumi emgceni, ngokuqinisekileyo.

“Hayi ke ukuba kunjalo singahamba nelo cebo lakho, mkhuluwa,” uvuma atsho umntakwethu.

Ndingena ngaphakathi ndiye kuthenga ikota ibe nye enebhotolo nepoloni leyo, ze ngetshintshi ndifumane iilekese ezimbini; ngelixa yena umntakwethu ndithe makabe esima emgceni ukuze singaphulukani nokuba kwindawo yeshumi. Ndibuyela kumntakwethu siqhekezelane sitye isonka, ze sithobe ngeelekese. Kuthi kwisithuba semizuzwana emva kokuba sisigqibile isonka, ndimjonge ngamehlo athethayo umntakwethu, ndincumile. “Yintoni, ucinga ntoni mntakwethu, wancuma nje?”

“Mninawa, ingathi ijikele emqolo le kota *maan*. Phofu ke ibingenakungajikeli mqolo sohlulelene ngenye kuphela nje thina. Kaloku sesiqhele ukufumana ikota umntu ngamnye thina, ibiyimfeketho ke le.” Uye ahleke emva koku umninawa ze andibuze ukuba ndigqiba ekubeni masithini ke, nditsho ke nam ukuba sele icacile, iyaphinda ikota ekleva, njengoko siyiteketisa ke. Ndibuyela ngaphakathi, ndibuye kwangoko, ndiphinde ndabe isonka, sidle nomntakwethu, ze siphinde sifumane iilekese. Ngalo lonke ke eli xesha ayikafiki inyama kwaMawila apha, kusalindiwe.

Kuthi ke emva kwesithuba ezingaziiyure ezimbini sifikile kuloo mgca sigaleleke isigadla senyama kwaMawila, ze ngoko nangoko sibone kufika abantu beze kungena emgceni. Uninzi lwaba bantu ke lufika lungene phakathi kwabanye abantu ngaphambi kwethu. Sithi sakubuza ukuba kutheni kusenziwa njalo nje, kuthiwe hayi bebefike bema apho kwakuqala singekafiki thina, ze bashiya beyalezile ebantwini ukuba bayabuya. Ndithi ke ngoku ndakujonga ndifike mna nomntakwethu singabamashumi amathathu emgceni, ndoyike ngoko nangoko. Kodwa ke usisi omi emva kwethu uye athi hayi noko inokuba naye uyakufumana ngoba inyama yalapha idla ngokubanela abantu abangamashumi amahlanu emgceni. Kuye kundithobe amaxhala ke oko, ndikholelwe ukuba siyakuyifumana inyama. Uyahamba umgca ke, bathengiselwe abantu, baphume bephethe imimbumbutho yeepasile ngantathu ngane umntu. Kuye kukhalazwe ke ngabanye abantu abasemgceni kuthiwe ngumkhuba ombi lo wokuba ivenkile le ivume ukuthengisela abantu abanikelweyo ngoba kaloku umntu nomntu bekumele ukuba uyazimela emgceni. Abazihoyi ezi zikhalazo aba sisi bathengiselayo, bayasebenza qha. Uyahamba umgca, athengiselwe umama ophambi kwethu, ze kuthi xa isithi kuphume umpoposho othi mabahambe abantu iphelile inyama yaye akukho nenjani.

Yho! Yintoni esizakuyithini ke ngoku le nomntakwethu siyityile nje ke ngoku imali? Eyona nto ibuhlungu nangakumbi ke ngoku kukuba sele kurhatyela, futhi ke siyazi kakuhle ukuba

akulindwa kwaMakoti, umntu uma emgcezi athengiselwe inyama ahambe, akube kulindwa sigadla. Ethembeni lecebo, siyajonga-jongana, kodwa kucace ukuba kome nakum lo wembala, igqubusha elikhulu. Sithabatha amanyathelo okuqala sisingise ngasendlwini, kungekho uthetha nomnye, siwazi kakuhle nomsindo esiyakufikela kuwo apho.

Ndiye ndiqaphele ukuba umntakwethu uyalila. Ziyazehlela iinyembezi. Ngokudikwa, ndiye ndimbuze ukuba yintoni ngoku le ayikhalelayo endaweni yokuba andincedise size necebo elizakusisindisa ekungonjweni nguBra Suz.

“Ayikho le nto uyenzileyo ... uzakusibethisa ngoku!” uphendula atsho. Uyandicaphukisa. Akatshongo ngokuya besisitya iikota kumnandi ehlahlana into engapheliyo. Kukundingcatsha ngoku oku eza nako, ingakumbi xa elilahlela kum lonke ityala. Ndiye ndizibambe sendifuna ukumkhalimela ndimkhumbuze nokuba nezeminyaka na, azingeze zafeza nto, ndibuye ndizingande ndithi mandizame indlela yokumthomalalisa ukuze alamkele icebo endizakuza nalo. Ndiye ndimchazele ukuba into eyakusisindisa ngoku kukuza necebo eliphilileyo, ngoko ke makeme kancinci ngeenyembezi ngoba ndizithembile ndizakuphinda ndimonyule kule ntlekele azibhaqa ekuyo ngenxa yamaqhinga am.

“Lithini ke icebo, yiza nalo ngoku kaloku, Skhumba,” nguye lowo. Ndithi ndisamchazela ukuba siyakuthi ekhaya sileqise kwaMakoti kwangoko ukuphuma kwethu endlwini ze kwathi kuba besibaleka sagilana zawa zombini *iithubhobho* ebesiziphathisiwe, kwasala *iifivebhobho* zodwa; suke ndibone phaya ezantsi uBra Suz eqhutywa ngumhlobo wakhe ubhut’ Yhoyhoma. Lutsho kwangoko ukungongoza uvalo, kodwa ndizame ukuzibamba.

Ndiye ndigxabhagxabhise ke ndithi kumninawa azangaphumi kweli qhinga ndize nalo ukuze sibe sithetha into enye, zeke ngoko sisinde ekubethweni.

Kuthi emzuzwini sive ngobhuti Yhoyhoma esithi “Nazi, Bra Suz ezi ntwana, nivela phi, makwedini? Kunini sinibhuqa?” Ndiye ndithi ndisapitiliza ndizama ukuchaza ukuba sivela kwaMakoti, angenelele uBra Suz esithi masihambeni sizakuhlangana kakuhle ukufika kwethu endlwini. Sijika nabo sisoyika sinjalo ke. Sithi singena nje endlwini abe esonda ngam uBra Suz, atsho ngempama endibuza ukuba kwenzekeni besithunywe inyama nje. Ndiyachaza ke nam, ndimi kwa kwela bali lam, ukuba sifike kwaMakoti sele zingasekho iithubhobho ngenxa yokuba mhlawumbi sigilene kokwa kubaleka, zawa. Ngoku ke asakhawuleza sibuye ngoba

siqale sabuya sazikhangelala, asazifumana. Soyika ke nokubuya kwangoko kuba sicingela ukuba sizakubethwa.

Ngoko nangoko, uBra Suz ujike isitulo sakhe wangena kuSkhixi ngothotho lwemivumba emzimbeni nasentloko. Ibe licebo eliphilileyo eli ngoba uyayazi le incinci iyakoyika ukubethwa yaye ke ngoko ikhawuleze iyithethe ngokukhawuleza inyaniso kwakuba ngathi ingabethwa, okanye xa ithe yabethwa, njengangoku. Ube ngathi ubotshwe emnweni umntakwethu *ukumpimpa* oku kwakhe, wayibeka ngobunjalo bayo yonke. uBra Suz uphinde wajika wangena kum engandiyeki. Ndiphume apho ngokungenelela kukamama kaNtobeko wasebumelwaneni, naye ke phofu esithi usikwe yinimba akuva isikhalo sam esikrakra.

Undingxolisile kodwa naye umama kaNtobeko esithi akayikhuthazi tu into endiyenzileyo, ingakumbi xa exelelwa nguBra Suz ukuba thina simke endlwini apho ukuya kuthenga inyama izisu zibomvu ngumngqusho.

Emva koko ke kuye kwathiwa mandiye kuzixela kumama kaPilityi ukuba ndiyityile imali yakhe. Ndiye apho ndisagxigxiza, ndisopha kukutswetywa ezindlebeni, imilenze yona ibhonte zizivubeko. Ndifike kumama kaPilityi ndema ndisalila, wasuka waxhuma esihlalweni sakhe waza kundanga ebuza ukuba ndenzakaliswe ngubani na. Ndithe ndakungaphenduli waya ngqo kuBra Suz ethukisa esithi makungabonwa singasematata namama, yena usekho njengomthetheleli wethu, akayithandisisi konke-konke eyokuba siphathwe kakubi olo hlobo. Uthe uBra Suz akuphendula esithi undohlwayele ukutya imali yenyama, waphendula kwakhona umama kaPilityi esithi besiyakuthini ukungayityi sivinjwe ukutya sizibuyela esikolweni nje. Akazange waxakwa olwa hlobo uBra Suz.

USUKU LWAM LOKUQALA EMSEBENZINI

Andisavuyi nje yini, intliziyo idada emafutheni! Kaloku ndigqiba kuqinisekiswa nguBra Coks ukuba eneneni ndisifumene isithuba sengqesho sokuba ngumthengisi kwishishini lakhe. UBra Coks lo ke ngusomashishini ophume izandla kule lokishi yam iyiNew Brighton, eBhayi apha; ekwanguye futhi ke nomlindi eBen Sinuka Lower Primary, esisikolo endandisakuba ngumfundi kuso kwisithuba seminyaka emibini edlulileyo.

Eli ke iza kuba lithuba lokuqala njengomsebenzi ofumana umvuzo, okokoko ndathi ndawubeka umcondo wam kulo umagad' amdaka. Ndichulumancile.

Kodwa ke bendingazelanga olu dliwano-ndlebe ndifikele kulo nobawo uCoks apha evenkileni kwaFudumele, koko bendithunywe nguBra Suz ibhokisi yecuba.

Kaloku kwisithuba semizuzu engamibini-mithathu edlulileyo, bendikhwaza kwaba sisi bathengiselayo apha, ndicela ukuhoywa. Ndithe ndisakhwaza ndinjalo, ndeva ilizwi likaBra Coks eligudileyo nelimnandi lindibulisa.

“Tyhini bhota, Skhumba, mfo wam. Kusaphileka phofu?”

“Ewe-ewe, Bra Coks, siphilile, akukho nto, enkosi. Niyaphila nani phofu, Bra Coks?”

“Hay akukho nto mfo wam, sivukile nathi. Khawutsho, Skhumba kakade, uyakwazi ukubala?”

“Ewe, Bra Coks, ndiyakwazi,” ndivumile.

“Khawutsho ke, ukuba umntu unokuza kuwe ephethe iponti, efuna izinto ezimbini ezibiziza iisheleni ezintlanu inye, ingayimalini itshintshi yakhe?”

“Yirandi, Bra Coks.”

“Tyhini, ukrelekrele, Skhumba *mos* ukuba kuphelel' apho? Xa ke enokuza ephethe ishumi leerandi ethenga into exabisa iponti, exabisa irandi kunye nexabisa amashumi amathandathu eesheleni, kungafuneka afumane malini etshintshini?”

“Kungafuneka afumane iirandi ezintandathu namashumi amane eesheleni”, ndiphinde ndaphendula kwisithuba semizuzwana nje engafikanga kwisithathu.

“Yho, hayi ndikuncamile nyana kaMzwandile, ukrelekrele.” andincume ke ngelo xesha, ndivathe olukakrebe uncumo, intloko ndiyijongise ezantsi kukuvuya, ungafunga uthi ndivutyiselwe kwitsheyimba yeslamsi, yona ndirhanela ukuba igcwele zizinongo eziphuma kwiziqholo zokutya azifaka rhoqo kwizidlo zawo amaslamsi.

Uye andincome ngezibalo ezisemanqwanqweni kwanangokukhawuleza ukuza nempendulo, atsho ebuza ubudala bam kunye nebanga endikulo esikolweni.

“Ndiza kuba neminyaka esibhozo ngenyanga kaCanzibe, Bra Coks. Andikabikho sikolweni okwangoku.”

“Oh, ndiyakuva, nyana.” Akabonalisi kukhwankqiswa kukungabikho sikolweni kwam. Eneneni ke, mfundi, andizikhumbuli ndibuyela edesikeni emva kokufihlwa kukabawo ondizalayo kwisithuba seminyaka emibini edlulileyo, ngexa ndandisaqala isikolo, ndisenza u-A bhaxa.

Ngoko ke uBra Coks uye athi ucela ze ndibe kwakhe ngentsimbi yesixhenxe ngentseni yangomso, uMgqibelo. Undishiya ndikolo chulumanco ke uBra Coks, apho kwabawo uFudumele. Kwisithuba semizuzu emithathu emva koku, ndiye ndiyifumane ibhokisi yecuba, ndibuyele ekhaya ndigcobile.

Ndithi ndingena nje andingxolele uBra Suz endingxolisa, ebuza ukuba ndihlelени ebendiyale ukuba ze ndikhawuleze nje. Ndiye ndingxengxeze ngelixa ndichaza iindaba ezimnandi. Uye avuye ke noBra Suz kukufumana kwam isingxungxo, esithi ndizakuncedakala ndiyeke ukuhiliza le mizi ndingayazi into endiyifunayo.

Ndingene kumandlalo wam ngobo busuku kwangathi akusahlwi ndizokuya kuthengisa edolophini noBra Coks. Ndivuke ngentsasa elandelayo ndabetha nje ngenkwenkwe endim ukungawaxabisi amanzi, ndosula ubuso nentloko ndahlamba namazinyo, ze ndangena endleleni.

Ndifikele kwaBra Coks apho koogxa bam abangamakhwenkwana aziintanga zam kwanamadadlana, makhwenkwana lawo ndiwaziyo ekuhlaleni: uBholo, umninawe wakhe uManyiki, uXolani, uThemba, uNdabazakhe nomkhuluwa wakhe uSkhonkwane, uNqabhebhe, uPhindile, uNcuzayi, unyana kaBra Coks uNquveve kunye noKwanele.

Ndinxibe eza teki zeNorth Star zide zalilaphu ukukrazuka oku, ibe ndim ndodwa emakhawenkweni onxibe nto ezinyaweni. Phofu ke izihlangu yayingeyonto ibalulekileyo

ayifunayo umqeshi kubasebenzi bakhe. Amakhwenkwe ke ngeli xesha azinika kwisonka esiqatywe ibhotolo yamandongomane, iyileyo iphethe intaba yayo. Khumbula kaloku, mfundi, uBra Coks lo bendithe ngumlindi kwisikolo samabanga aphantsi, ngoko ke isonka esi nebhotoo zigcinwa nguye, zezabafundi apho.

“Bafana bam, bafana bam ... masiyeni, lixhatshwe yinja.” NguBra Coks lowo, otsho enika inkwenkwe nganye imichwe yethamsanqa eqhunywiso ukuze iqhole ikhaya ze igxotho nemishologu, ebizwa iilucky stix ngesilungu; imitya yezibane esikwe kuhle, iikama, amacici kunye neeprika. Uye awagxininise ke amaxabiso uBra Coks ze asikhuthaze ukuba singadlali, sisebenze.

Sikhwela ibhasi sonke, iye kusibeka kwindawo ephithizelayo ebizwa iBayview eKorsten, apho afika asahlula-hlule sisebenze ngambini. Mna ndibekwa ngakumnyango wevenkile uRamco, kude kufuphi nesikhululo seebhasi. Kwalapho kukho iqela loobhuti abasibhozo abacula umculo wesicathamiya. Yho, bacula kamnandi yaye kugcwele ngabathandi bomculo. Ngelixa ugxa wam uManyiki ekhwazela phezulu ethengisa, mna ndiye ndithabatheke, ndisondele ndonwabele iingoma endizazela kwiqela iLadysmith Black Mambazo.

Kuthi kusemnandi kunjalo, ndilibele ngebendikuzele eKorsten, ndive ngenkuntsela yempama efumana onke amalungu obuso bam inditsho ndigxadazele ndiye kuwa ngaphambi komnyango wezindlu zangasese zabasetyhini. NguBra Coks, uyafufutheka ngumsindo, engayekanga nokuthukisa. Ngomothuko, omnye umama obephuma kwindlu yangasese uyothuka angxole:

“Yhu ... umntwana! Yinkohlakalo oyithatha phi le tatandini?”

Akamnanzi uBra Coks. Usuka aye kuManyiki, amnike ezinye izinto zokuthengisa kuba noko sele egabadele yena ekuthengiseni. Ngalo lonke eli xesha, uManyiki yena akakwazi nokuzibamba yintsini, ude ahle nala mikhwinya yakhe ingqindilili iluhlaza kukonwaba, uhleka mna.

Ngenxa yemfesane, kubonakala futhi ukuba uva buhlungu, omnye umama uye andinike itshefu lakhe ndesule igazi eliphuma ngaphakathi emlonyeni kunye nasemilebeni yam ekrazukileyo. Uye andinike ne-apile ukuba nditye, ze andithuthuzele. Ndizibona ndenziwe intlekisa yaye nentliziyo ilihlwili, kodwa ke andinawo amandla nexesha endinokulichitha ekuzisizeleni, kuloko ndilinganisa uManyiki kwangoko, ndikhwazele phezulu nam:

“Ziisheleni ezimbini umtya wesibane...

Ziisheleni ezine ilucky stix...

Ziisheleni ezintathu ikama...

Ziisheleni ezine amacici!”

Ndiyayiphinda-phinda le mikhwazo ze ndikope nendikuva kugxa wam, ndivakale nam ndisithi:

“Ungalal’ ebumnyameni, mama, yiyo le imitya yezibane ziisheleni zimbini kuphela!”

Kuthi ekuhambeni kwexesha ndibone abantu besiza kuthenga nalapha kum, ngambini ngantathu, bambi behleka le ndlela ndikhwaza ngayo besithi iyahlekisa. Kuthi kwisithuba seeyure ezimbini abuye uBra Coks aze kusijonga ukuba siquba njani. Uthi akufika izinto zokuthengisa zisiya ekupheleni, ancume andimbambazele emagxeni endincoma esithi ebesazi ukuba ndiyakwazi ukuthengisa, bendisenziwa yimfeketho nje ngokuya. Ndiye ndingaluvezi lonke uncumo lwam kuba ndisakhumbula ukuba kwisithuba seeyure ezimbini ebekhe wandihlaza. Uye andinike ikota yesonka ehlohlwe intlanzi eqhotsiweyo kunye nebhotilana enesiselo esixutywe namanzi, andishiye. Ndiye nditye ke ngelixa ndikhwazayo.

Kuthi xa kuba semini-maqanda, ajikele kwakhona uBra Coks, ngeli thuba ke uhamba namanye amakhwenkwe, uthi makuhanjweni eKorsten kuyiwe eDassie, apho siyakuqhubekeka khona sithengise. Sihamba ngeenyawo ke, siqhubekeke sikhwaza, kuthengwe kwabanye, kungathengwa kwabanye.

Ukufika kwethu eDassie siye singene kwimityangampo yabantu abalinde iiteksi nooduladula abagodukayo, singxole sithengisa. Kuthi emva kwesithuba seeyure ezimbini aphinde asihlanganise uBra Coks esithi kuyagodukwa. Uncuma kakhulu akufumanisa ukuba ndithengise ngaphezu kwabo gxa bam banamava bemthengisela, ancume, aphinde ancome. Siye singene kuduladula ogodukayo ke sisingise kwakhe, apho sifika siphinde sizinike kula bhotolo nesonka sabafundi. Kuthi kungekudala aphinde uB ra Coks asibize asinike ezinye izinto zokuthengisa ukuze singena-ngene iilokishi zeBhayi.

Olu ke lukwalusuku lwam lokuqala ukuthi cakathi le micondwana yam eSoweto, eyilokishi enkulu yoogobityholo nedume kakhulu kweli Bhayi ngamabali ahlasimlisa umzimba. ESoweto apho ke siya kuba silukuhlwa nguKwanele, kuba enethemba lokubona umama wakhe kunye nobhuti Isaac ahlalisana naye apho.

Abantu baseSoweto badume ngokuba phambili kumzabalazo wokukhululwa kwesizwe esimnyama kumakhamandela ongcikivo nengcinezelo karhulumente wabantu abamhlophe. Elinye lala mabali lihambisa lithi kukho ijoni lomlungu elehla emva kwisigadla kule lokishi ze lathulula irhuluwa kuye wonke elimbonayo. Yaba yiloo nyhikityha ke, abantu bezezo zigede. Kodwa ke, liqhuba litsho ibali, ijoni eli laye, ngempazamo, lashiya apho ngugxa walo owayeqhuba, engabonanga ukuba alibuyangelanga kwisigadla. Kuthiwa ke lathi lizama ukuboyikisa abantu lisenza ngathi umbayimbayi walo useneembumbululu, kwathi kanti abantu balibhaqile ukuba liphelelwe, bonda ngalo ke ngoko, bekhwaza besithi makuyiwe.

Kuthiwa lafunyanwa ngembokotho enqentsu ze laya kuthi tywa emlotheni, ze balingena abahlali. Kuthiwa ke kodwa alizange lonzakaliswe, nto nje abahlali bavumelana ekubeni linyanzeliswe litye ligqibe ibhakethi lelindle labo. Kuthiwa okunene bayenza ke loo nto, belibetha xa lingafuni, ze balikhulula ukuba ligoduke lakugqiba. Kuthiwa ke laphinda lalandwa kwasesa sigadla kunye nezinye, sele kuthululwa irhuluwa nje, kunye nala rhasi ityabula umzimba namehlo. Abaziyo ke bathi elo joni lafika kwalo lazixhoma, labe ke ngoko liyabhubha. Maninzi ke amanye amabali aseSoweto, kodwa ke andiyi kuwagqiba apha.

Siyingenile ke iSoweto, sithengisa, saya kudlula nakumama kwaKwanele, osiphe iisentana ukuba sifumane izimuncu-muncu endleleni yethu. Kuthe xa kuqala ukurhatyela, sabuyela kwaBra Coks, apho sifike sanikezela imali nezinye izinto zokuthengisa eziseleyo.

Ungene nazo e-ofisini yakhe uBra Coks, ofisi leyo ikwa ligumbi lakhe lokulala, wabala wahlanganisa; ze emva kwesithuba semizuzu engamashumi amathathu, wasibiza ngamnye-ngamnye ukuze size kwamkela imirholo.

Ndithe ndakungena kwelam ithuba, ndafika ubawo uCoks evathe olukaBlankethe uncumo, wandamkela endinika isihlalo. Uthathe ebhedini, apho kugcwele yimali eziinkozo nengamaphepha, iponti wayidlulisela kum, esancume njalo.

“Nangamso, mfana wam. Ungalibali ke, ndisakufuna nangomso,” utshilo.

Ndiphume apho ndingalikholelwa elingako lona ithamsanqa, ndasingisa ekhaya. Lube ke ngolo hlobo lufikelela esiphelweni usuku lwam lokuqala emsebenzini.

USUKU LOKUBUYELA KWAM ESIKOLWENI

“Skhumba, vukani kaloku, sekusile tyhini!”

Elo lilizwi likadade bobawo uNomayeye, usivusela ukuba siphakame silungiselele ukuba sendleleni eya kwiholo lelokishi, apho siyakulanda khona ukutya okuziikofu, iisuphu, amagwele, ityiwa, iziqhamo nemifuno kwanenyama yentlanzi ekhonkxiweyo, kunye namaxamba aquka eleswekile, elomgubo wombona, elokubhaka, elerayisi kunye nelomngqusho.

Le nyhweba ke ifunyanwa ngamakhaya amnyama ahlelelekileyo. Ikhaya ngalinye kufuneka likhuphe umntu omnye onesazisi aye kulilandela ezi zidlo. Kodwa ke kuyile mihla nje abantu abasanyanisekanga, yaye phantse wonke umntu omdala unayo incwadana yakhe yesazisi, nto leyo ke eyenza kuphume abantu de babe sisixhenxe kwikhaya elinye, bafike apho babhalise iidilesi ezahlukeneyo nezingezizo ukuze bonke baphume bexhakazela. Isiphumo salo mkhuba ke iba kukungafumani kwazo zonke iintsapho, ze zithi ezo zifumene kakhulu ngenxa yalo mkhonyovu, zizithengisele ezo zingafumenanga. Ukungcola okungako.

Mna ke ndiyakuncedisa ngokuthwala amaxamba lawo, ze umntakwethu uSkhixi yena asale nekhaya encedisana noBra Suz ekujongeni iintsana. Kaloku ngale intsasa sivuka kunye noManqonqo, oyintombi yendodakazi kadade bobawo lo wam. UManqonqo uze kufuna isikolo apha eBhayi, ukuze aqale iBanga Lokuqala. Ebesoloko efunda kokwabo eNjwaxa, eyenye ke yeelali eziPhonoshono kweNciba. Mna naye siziintanga.

Sithe sisagxabhagxabhisa sikhuma isonka sethu, wavakala udabs esixhesha esithi limkile ixesha masigqibezele ukutya. Okunene siphumile ke, emva kokuba kushiye imiyalelo kumntakwethu. UManqonqo unxibe impahla yesikolo esitsha aya kuso, intsha rhaca, ukuqala eluzwaneni kuye kuma ngeqhina entanyeni. Mna ndinxibe la blukhwana yam igqabhuke ngaphantsi nehemphe yam emabalabala, andinxibanga zihlangu. Sithe xa sizakuyigqiba iGunguluza esisitalato sethu, wakhumbula udabs ukuba ulibele iimpepha zokukhululwa kukaManqonqo sisikolo abekuso eNjwaxa, wacela ke ngoko ukuba ndileqise ndiye kuwalanda. Yho, akothukanga ngako umninawa akundibona ndigaleleka endlwini ndingabhungisanga. Uphantse wophula naloo kopi ebezibele iswekile wenzela indubela kuyo. Ndimqinisekisile kodwa ke ukuba andiyi kumxela, ndathi makandiphe nam, ndagongqoza ndathatha iimpepha ndangena endleleni.

Ndibafumene oodabs xa kanye bengena kwibala lebhola ekhatywayo elikwisitalato iKota, sele behamba nomama kaNtobeko, umakhelwane wethu. Ndibulisile kumama kaNtobeko, wavuma, baqhubekeka ngencoko yabadala, ze sathi xa siphakathi kwamangcwaba angasesikolweni iDavid Vuku, wohlukana nathi umama kaNtobeko, esithi uyakuhlangana nathi kwakhona eholweni. Siqhubile ke sisiya kwisango lesikolo, apho sibone sisengaphandle ukuba kugcwele ngumlisela nomthinjana, konwatywe kudlalwa zonke iindidi zemidlalo ekhoyo. Kuyahlekwa, kuyalilwa. Bambi bayajubalaza abafuni kungena esikolweni kodwa bayanzelwa ngabazali babo, kubi kuyiloo nto. Yimpithizelo nje. Ndiyanqwena nam ukuba kuthi kanti bendingomnye wabo bonwabileyo, okanye kuthi kanti bekuze kubhaliswa mna.

Ndimbhaqa ezibuka encumile uManqonqo, ingathi uzakukuthanda ukuba lapha.

Uyafaniselana nabantwana besi sikolo ngempahla. Sithi singena nje esangweni sibe sigangwa ngobubele ngutitshalakazi oye azichaze kudabs njengoMiss Mngxuma. UMiss Mngxuma ke uye athi akufumanisa ukuba ziphelele iimpepha zokubhaliswa asithumele kwi-ofisi yenqununu apho athi siyakuncedakala khona kakuhle. Uye angasithembisi kodwa ukuba isekho indawo. Okunene ke siyile kwi-ofisi leyo, safika kukho umama osele ekhulile, onempandlakazi emshiye engenanwele kukhakhayi nasenqentsu, enxibe izibuko. Sifike esaxakekile ke ekhumsha emnxebeni. Ndimjonge ndamoyika. Sinkqonkqozile, ze, engayekanga ukuthetha emnxebeni, wasalathisa indawo yokuchopha. Sihleli apho isithuba semizuzu efikelela kwisihlanu phambi kokuba ibuye ithethe nathi inqununu. Ithobe intloko, yenyusa amehlo ukuze isibone ngaphaya kwezibuko ezo, yabulisa.

“Molweni, ninjani namhlanje?”

“Molo, *Prinsipali*. Siyavuka wethu akukho nto nakuthi. Nivuka njani kodwa nina, mama?” uphendule watsho udabs.

“Hayi akukho nto sisi, sivukile, nto nje, njengoko nibona nani, simaxhaphetshu.

Ndingumama uBekwa ke mna sisi, inqununu yesi sikolo, ndinganinceda ngantoni?”

“Oh, siyabulela, *Prinsipali*. Eneneni kunjalo, nixakekile, ndiyabona. Lo, *Prinsipali*, nguManqonqo Soldati, oyintombi yasemzini wam, ize kukhangela isikolo kweli cala. Ebefunda ezilalini. Ndithe ke kuba ndisazi indlela esifundisa kakuhle ngayo esi sikolo, ndamzisa apha.”

“Uziphetha iimpepha?”

“Ewe, *Prinsipali*, nazi,” watsho udabs esolula isandla enikezela kwinqununu iimpepha ezo.

Iye yachitha umzuzu iqwalasele ezi mpepha, ze yathabatha incwadi yayo enkulu yakhuphela kuyo iinkcukacha ezikwezi mpepha. Ithe emva koko yalula isandla inqununu, isithi ayiboni kuya kuba yingxaki ukwamkela intombi le njengomfundi kwisikolo sayo kuba kuzicacele kwakwiimpepha ezi ukuba ingumntu ozimiseleyo esikolweni, yaye ke nempahla yesikolo epheleleyo sele enayo uManqonqo.

Inqununu yalathise udabs igumbi aza kufundela kulo uManqonqo ze yamchazela nokuba umntu oyakube emhlohla kulo nyaka ngutitshalakazi uNtoninzi. Imkhuthazile ukuba udabs amshiye kwanamhlanje uManqonqo ukuze aze kuqhelana nabanye abafundi, aziswe nakutitshalakazi wakhe. Emva kokubulela kukadabs, engawuvali bubuntu bukamama uBekwa, savalelisa sasingisa kwigumbi lokufunda likaManqonqo. Sithe singekathathi namanyathelo amathathu, yaphinda yasibiza inqununu ukuba sisondele. Iqwalasele kum ze yabuza kudabs ukuba mna ndiyafunda na, walandula udabs.

Iphindile inqununu yabhekisa kwakudabs, imbuza ukuba ndingafundi ndakugqiba ukuba mncinci kangaka, ze yalekelisa ngothi andingethandi na mna kufunda njengabanye abantwana. Kwesi sihlandlo udabs uye wema nematha, eshwantshwatha into engavakaliyo ze wabhekisa kum, ebuza:

“Skhumba, uyafuna ukufunda?”

“Ewe, dabawo, ndiyafuna,” ndiphendule ndatsho, ndingazi nokuba akazi kundikhalimela na. kaloku asiyanga esikolweni nomntakwenu kule minyaka mithathu idlulileyo kuba udabs noBra Suz bekhala ngokungabikho kwemali. Okokoko wathi wasishiya engabhungisanga ubawo osizalayo esingise kwelemimoya, asizange siphinde singene kumasango esikolo nomntakwethu. Ngoku ke, ndimphendula nje udabs andazi nokuba akazi kundiphoxa na athi ndiyazi ukuba akukho mali. Ndiphendule ke kodwa.

“Unayo impahla yesikolo ke?” ibhekise kwakum inqununu.

“Hayi, mama, andinayo.”

Inqununu iye yabhekisa kudabs, yathi ukuba akakwazi kundithengela mpahla yesikolo, aze aqinisekise ukuba impahla endinayo iyahlanjwa ukuze ndize esikolweni ngosuku olulandelayo. Uthe engekaphenduli udabs, ndangenelela ndisithi ukhona nomntakwethu ekhaya yaye ndiqinisekile naye angakuthakazelela ukubuyela esikolweni. Inqununu

isibuyisele e-ofisini yayo ingasancumanga, yathatha la newadi yayo yabhala amagama am. Ayikhuzanga ngako ukuva ukuba ndineshumi lonke leminyaka ubudala kodwa andiyi sikolweni. Imkhalimele udabs isithi udlala ngekamva labantwana, ngoba akukho sipho sidlule imfundo emntwaneni, yona ingenakwehluthwa, yona iyakuliqaqambisa ngokuqinisekileyo ikamva lakhe.

Ndiyinike negama lomntakwethu ukuze abhaliswe naye, ndatsho ndisithi ndiqinisekile naye uyakusithakazelela isikolo. Ikhali mile inqununu ndakuyinika uBillyboy njengegama lomntakwethu, isithi mandingafekethi ifuna igama lakhe lokwenene. Sijongene nodabs, kwathi kwakungatsitsi nto, wamthiya kwalapho esithi nguSkhixi. Mna nomntakwethu sizakuba seklasini enye, kwigumbi lesibini, phantsi kotitshalakazi uMpini.

Sihambe apho saya kushiya uManqonqo eklasini yakhe ze sadlulela eholweni eCentenary. bendingasachulumance nje mna, ndingulowo uyakufana neentanga zam elokishini, nam ndivuke ndihlambe mihla le, ndisiya esikolweni. Sifike abantu beyimityangampo emide, bedwelele ukutya, bambi sele begqibile, besindwa ngamaxamba nezitya ezikhulu zeplastiki ezinezinye izidlo. Sime apho isithuba esifikelela kwiiyure ezine ze, ekugqibeleni, nathi safikelela ngaphambili, sanikwa ezethu iipasile, saxwaya sayindlela.

Sihambisene nabanye abantu ke endleleni, kuncokolwa ngabantu abadala. Ngalo lonke eli xesha mna ndonwabe ngaphakathi, ndingxamile, ingathi andisafiki ekhaya ndize kuphakela umntakwethu iindaba ezikhe zamnandi kuthi kwisithuba sexesha elide. Sithe sisathi siyavela esitalatweni, ndambona umntakwethu emi esangweni noBra Suz, ndamkhwaza ndizele yimincili. Ubalekile weza, ndathi akufika ndaziphokoza iindaba ebezingasayi kulalwa mbethe kakade. Ndibeke phantsi amaxamba lawo sangana sivuya, sabe ke ngoko sizakubuyela esikolweni okokuqala emva kweminyaka emithathu.

IMALI YOKUTYA KOMNTWANA

Kuthi ke ngolunye usuku Lwesibini evekini, ndizidlalela ekhaya nomntakwethu ndive ndikhwazwa ngudabs. Endlini uhleli nesihlobokazi sakhe usis' Nomeysi. Uye andithume ukuba ndiye kumyeni wakhe kokwabo ndifike ndithi ufuna imali yokutya komntwana. Uyabonakala ukuba akatyhilekanga ebusweni.

“Jonga, Skhumba, yiya kuMbhobho uthi ndithi ndifuna imali yokutya komntwana!”

Okunene ke ndiyaphuma ndileqise apho kwiSitalato iNozewu. Kaloku udabs lo ungumdezana osancancisayo, intwazanana yabo entle nethandeka kakhulu uNoraysi ikwisithuba seenyanga ezine ezelwe. Belapha ekhaya nje udabs nosana lwakhe kukuba uye wagqiba ekubeni agoduke akoyiswa zezomendo, kodwa ke isizathu asibekayo yena ukuthi kukungabi nakunyamzela ukugezelwa ngamadodakazi nangunina-zala.

Ndibaleke okomntwana ke ndaya kufika kulobhuti Mbhobho, ndamfumana enkcenkceshela ingca, ndabulisa, ndathi ndingekayiphenduli nale andibuza yona yokuba ndiyaphila na, wabe endibuza ukuba undithumeni na udabs. Ndimxelele ke ukuba udabs uthi mandize kulanda imali yokutya komntwana. Ubonakele edikwe kwangoko wathi ingaba udabs uthi uyithatha phi na imali emazi nje ukuba akakarholi.

“Hayi *maan*, Skhumba kwedini ufeketha ngam udabawo wakho, uthi ndiyithatha phi imali esazi nje ukuba andikarholi? Mxelele ke ukuba ndithi andinayo, futhi andizukuyitsitsa ndawo de ndibe ndiyahlawulwa ngoLwesihlanu. Mna kuqala andazi ukuba ndizakulala ndidleni ngokuhlwa nje.” Ndivumile ke ndaphinda ndabuyela ekhaya kudabs neendaba ezingentlanga kuyaphi.

Ndifike ndayilungisa kodwa intetho, andayitsho yonke enye imfitshi-mfitshi ayithethileyo ebangwa ngumsindo, ndathi kudabs uthi utata kaNoraysi ucela acenge sekukufutshane ngoLwesihlanu, yena akanayo nemdaka ngoku, uyakuba nakho ukumnika ukuphela kweveki leyo. Yhu, umothuko endibe nawo yindlela ayithathe ngayo le mpendulo udabs. Usuke waqhushumba watswina esithi mandibuyele kumyeni wakhe ndithi angamgezeli ngoba yena uyakumsombulula ngokwakhe ukuba akabhadlanga. Uye wasebenzisa namagama arhabaxa, esithi:

“Jong’ apha, Skhumba, yithi kuMbhubho ndithi andinike la mali ukuba akafuni ndiye ngokwam phaya.”

Ndiphinde ndaleqisa ke nakulo umyalezo. Ndifike esankcenkceshela utata kaNoraysi, ndathi ndingena nje esangweni wabe esithi:

“Kowu, iyawa yintoni ngoku, kwedini Skhumba, uthini udabawo wakho?”

Ndimchazele ke ukuba unomsindo yaye uthi uzakuza ngokwakhe apho makamnike imali yokutya komntwana ngoba abananto nabo, uthi bazakuyithatha phi. Kwesi sihlandlo uthe mandithi uzakuya ngokwakhe aye kumchazela kungekudala, ngoko ke makamlinde. Ndibuyele endlwini ndibaleka ndathi ndingekangeni nasemnyango wabe endingxolela udabs ebuza ukuba uthini utata kaNoraysi. Ndigqibe ukuyithetha sele esisifu ngoku, sele engena nakum ngoku, endichazela ngendlela endinyabe nendisisiphukuphuku ngayo, elila. Kuthe kwakuba nje usisi Nomeysi obesoloko ethule ngalo lonke eli xesha, wangenelela esithi hayi noko makandixolele udabs. Yho, udabs ujonge kusi’ Nomeysi wamgxotha ngoko nangoko esithi makagoduke ngoba akafuni mntu ungenelelayo yena xa ezama ukulungisa izinto zomzi wakhe.

“Jong’ apha wena, Skhumba, yithi kuMbhubho andithathanga lo bhontsi ndawufaka apha kum ngaphantsi ndazikhwela ukuze kuvele lo mntwana uyandiva?”

Kwesi sithuba usisi’ Nomeysi uye wakhuzwa engawukholelwa lo myalezo awuva unikwa umntwana, amehlo ethe gqa kukothuka, isandla sisemlonyeni. Uphindile udabs wathukisa ebhekisa kusi’ Nomeysi esithi:

“*Fokof wena!*” akakhuphanga nelimdaka usisi wabantu, wathatha inxili yakhe watsiba umgubasi wangena endleleni esingise kokwabo.

“Hey-hey ... undimamale wena sibhanxa,” utshilo udabs ebuyela kum ... “undivile ukuba ndithini?” ndishwantshwathe u-ewe nam, ndisonqena ukuba udabs andingene emzimbeni, ngoba bese kucaca ngoku ukuba akakudanga apho.

“Yithini ndithi kula mnqundu uMbhubho bekumnandi ngokuya ebendigwencela esenza umntwana kodwa ngoku akafuni kuthabatha xanduva ... hamba, sibhanxa!”

Ndithe xa ndigqiba kutsiba umgubasi waphinda udabs wandikhwaza esithi ndizakuthini na kutata kaNoraysi, ndithe ndisashwantshwatha into endingayivayo nam, wavakala ephinda

egxininisa ekubeni sisiphukuphuku kwam, watsho egxininisa ukuba ze ndithi yena akazikhwelanga ngomnwe ukuze kuphume la mntwana, ze emva koko esafutha ngumsindo, wabuza ukuba ndimvile na, ndavuma nam.

Ndiphume ndabaleka apho ndibuyela kutata kaNoraysi, othe akafuna kwakuyiva le nto ndiza nayo wathi mandingabuyeli kudabs ndisuke ndiye kudlala nabanye abantwana qha mna ngoba udlala ngam. Ndivumile kodwa ndazi ukuba andisoze ndiyizame nakancinci leyo ukuba ndiyakwazi okundilungeleyo, ingakumbi xa udabs ekulowa umoya, angandosela ngezandla nje zodwa. Yiyo ke le nto ndigqibe ekubeni ndibuyele kuye ndithi uthi utata kaNoraysi kulungile ke uzakuyizisa ngokwakhe imali kungaphelanga thuba lide. Uphindile udabs wathukisa esithi maze ndimxelele utata kaNoraysi ukuba angabhanxi ngaye ngoba sele ivela phi ngoku imali ebesandula ukuthi akanayo nje. Kangangendlela anomnsindo ngayo udabs ude agibisele edongeni nemagi abexubela kuyo ubisi lomntwana, ekhala esithi yena akasiso isibhanxa yaye ke uyakumenza kakubi utata kaNoraysi. Ngalo loke ke eli xesha uNoraysi ukhala isithukuthezi sento engapheliyo, uyajubalaza. Ndithi ndisamamele udabs ethukisa, eshiya angalaziyo kuphela, ndive kwangaye endibuza ukuba ndimeleni na ndingahambi.

Ndiphumile kwakhona, kodwa ke ndazinqanda ngeli ithuba ndisithi noko ngudamtiriri lo, nam ndiyakube ndifeketha ngomzimba nengqondo yam ukuba ndikwenzile oko. Kaloku besendisoyika nengqumbo katata kaNoraysi, khumbula kaloku mfundi, ukuba ebethe mandihambe ndiye kudlala nabanye abantwana ngoba kufekethwa ngam ngudabs. Ndiphume ke ndaya kuncathama isithuba semizuzu efikelela kwishumi ngasemangcwabeni kude kufuphi ngakulotata kaNoraysi, ukuze ndibuyele kudabs njengosuka apho. Ndiphinde ndabuyela endlwini, ndathi kanye xa ndisondelayo ndeva ilizwi likadabs, engxola ethukisa esithi yena akasosibhanxa.

Ndithe xa ndisondelayo ndeva ukuba ubhekisa kutata kaNoraysi emnyanzela ukuba uyayifuna imali yokutya komntwana, ndimvile ke naye utata wabantu ezithethelela esithi akukho apho azakuyifumana khona ngaphambi kokuba arhole emsebenzini. Ndibuyele umva ndaqonda ukuba mandingangeni hleze kuphinde kungenwe kum ngobuphukuphuku, ndasuka ndaya ezitshomini ndaya kudlala nam. Ndithe ndingekabi kude ndeva udabs ekhwaza igama lam, kanti undibhaqile ngoku ndijikayo, wandibuza ukuba kanti ebengandithumanga na, ndathi xa ndizama ukuphendula wasuka wandinika imali esithi mandiyokuthenga itoti yobisi

lomntwana neebhotilana zokutya kwakhe evenkileni. Kuye kwathi ke kanti uyitsitsile utata kaNoraysi imali, ngaloo ndlela yaziwa nguye nodabs.

INTO KAMAMKUMBENI INOBOYA, CABA

Kuthiwa ziyachetywa kule mihla siphila kuyo, zingabi naboya, andazi njani, futhi ke ndingenakwa mdla wokuyibona ingenabo; ngoba kaloku, njengoko ecula atsho amaSgumfete, imel' ukuba iyahlekisa xa injalo.

Kwesi sihlandlo, mfundi, sifumana abamelwane basekhaya usis' Nomahlabi nesiinqanda-mathe sakhe ubhuti Vuyo. Abamelwane aba bahlalisana kwindlu yesithathu ukusuka kule yasekhaya yaye balulutsha oluzityela izinto zalo amaxesha amaninzi. Kukhe kuliwe kuthukwane kugxothwane nasendlwini ke ngamanye amaxesha, kuphinde kuxolelwane kulandwane, kubuyelwe ekhaya zakubuya iingqondo. Kodwa ke ixesha elide isibini esi siphilisana kamnandi yaye ndicinga ukuba indlu yabo yiyo yodwa ekhokelwa ngabantu abasebatsha, uninzi kaloku lukhokelwa ngamaxhego namaxhegokazi. Abamelwane bethu aba ke bazihlalela bobabini kuphela, abanabo abantwana.

Caba ke kuthi ezinzulwini zobunye ubusuku kwalapha kule nyanga yeNkanga sisazirhonela isibini esi, usisi aphazanyiswe kokunye ukurhona okumenzela isithukuthezi. Wazi kakuhle ukuba umntu wakhe ubhut' Vuyo akangomntu urhonayo, ide ibe nguye okhe adlikidlwe esebuthongweni kusithiwa uyarhona. Uphaphama nje kube kanye afumane isithandwa sakhe sileli zole kwelinye icala lomandlalo, kube kusekho kodwa okunye ukurhona okungaqhelekanga, okuvakala ngathi kukugquma kwengonyama.

Uthi eve ke futhi usisi ukuba le ngxolo isukela ngakwigumbi labo lokuphumla, agqibe ekubeni achwechwe aye kukroba. Ukhanyisa umnxeba wakhe kancinci ukuze angakhawulezi aqapheleke okanye abhaqwe, ajonge ndawo zonke egumbini kodwa angafumani nto. Uye athi kanye xa acinga ukuba makube mhlawumbi akukhange kubekho kwanto, mhlawumbi nguye ebesesebuthongweni ngoko, xa kanye azakubuyela ezingubeni; aphinde awuve umgqumo athi akholwe kwangoko ukuba awunguwo konke-konke owomntu yaye usuka ngaphandle. Uchwechwile kwakhona waya efestileni, wafika wavula kancinci umdiyadiya. Uthe akukroba ngasesituphini somnyango wabo, wothuka woma akubona kuhleli ingwanzilili yesilo esifukufuku buboya. Uzitswikile apha ethangeni ngenjongo yokufumanisa ukuba akaphuphi na, ze wathi akuva intlungu waphinda wahlikhla amehlo akhe ukuze aqiniseke ukuba ubona kakuhle. Afike amehlo kweso situphu aphinda abona kwala

ngwanzilili yesilo. Uthe akuqwalaselisisa wafumanisa ukuba kukho ukuyelelana kwaso emntwini, noxa eqinisekile nje ukuba asimntu sona. Sibe sisikhulu kakhulu kunomntu, sibulingana nendlovu ngobukhulu. Ebepphantse waqinisekisa ke ukuba yiyo indlovu kodwa waphinda wazilungisa kwangokwakhe esithi ayinaboya indlovu koko inesikhumba esirhabaxa.

Besingenzi nto ke esi silo estuphini apho, siziphumlele nje, futhi ke sikhangeleka ngathi sizicingela iinto zaso; sifake intloko phakathi kwemilenze, ngokunga sikhathazekile.

Kuba ke esoyika, futhi engafuni kuviwa ukuba uhleli, usis' Hlubi uye kukrweca isgqamama sakhe: "Vuyo, Vuyo, vuka nas' isgebenga sihleli emnyango, mfondini. Ungangxoli." Yho, ngoko nangoko, waphaphama uVuyo, wajonga ixesha, wafika lisithi ilishumi linesithathu imizuzu emva kwentsimbi yesibini. Ulandele usis' Nomahlubi bechwechwa njalo, baya kufika efestileni, bakroba. Okunene ke naye ufike sisahleli apho isilo. Uthe esabambe ongezantsi, sabonakala sishukuma isilo, sazikrwempa idywantsi lasekunene, satsho isandi saphinda sagragrama... gro-gro-gro-gro!

Kuthe kusenjalo, savakala sisenza omnye umgqumo obe ngathi kukubhodla, nako kuphuma umoya ungena endlwini yabo ngaphantsi komnyango ungumphunga omhlophe ofana nqwa nelifu, babaleka ngoko nangoko bayakuzivalela egumbini lokulala, besoyika. Kuvakale apho egumbini kunuka into engathi lilindle, wabonakala ungena nala mphunga bawubaleke kwelinye igumbi, ngoko nangoko barhawuzelelwa yimizimba neembuso. Ngalo lonke eli xesha ke kuyangcangcazelwa sisibini, akukho waziyo ukuba iyakuphelela phi na imeko abazibhaqa bekuyo.

Benze umthandazo omncinci, becela uSomandla abonyule kule ngxuba kaxaka, besithi ukuba ngumntu lo uthumele esi silo ukuze bona bafumaneke zizinto zakhe ezimdaka, maze abaphindezelele ngokusibuyisela kuye sonke isingcolo asicingayo nasenzayo kubo.

Bamkhumbuzile ke uQamata ukuba bona bamthembe ngako konke abanakho ebomini, yiyo kenale nto besiza kuye kwakuba nje. Kuthe emva koko bahlala phezu komandlalo kwakhona, ethembeni lommangaliso oyakuvela phezulu. Bahleli apho besahlebeza benjalo, ze kwisithuba seyure emva kokuba bebaleke la mphunga, usisi wathuma ubhuti ukuba aye kukroba ukuba akukabikho zinguqu na.

Ubhuti ufike efestileni xa kanye simi ngeenyawo sizolula isilo. Umothuko ongako akubona ukuba siphantse silingane nendlu ngokwayo ubude. Sizulazuleiyadi, ze saphuma ngesango sawela umgaqo sisingisa kwiSitalato iBekwa, sihamba ngamacala oku kotsotsi. Usisi ucinge ukuba makube mhlawumbi siya ngasemangcwabeni. Ubhuti ubize usisi ngoko nangoko esithi makeze nekhamera ngoba siyemka, ufuna ukusifota. Uzile nayo usisi ikhamera, bazama ukusifota kaninzi-ninzi isilo noxa sibafulathele nje. Bakhawuleze bangena egumbini ngenjongo yokuya kujonga imifanekiso, bafika kubonakala ivenkile yaseBhongweni ebesidlula kuyo isilo, singekho sona. Baqonde kwangoko ukuba ukho umkhonyovu apho.

Babuyele ezingubeni besoyika njalo, kodwa ke bafumana ukubiwa bubuthongo balala. Ekuvukeni kwabo ekuseni, ubhuti wothuswe sisikhalo sikasisi, wavuka ngoko nangoko. Uleqise kwigumbi lokuhlambela apho afike ezibhenca-bhenca ubuso obubhutyu-bhutyu ngamaqhakuva amakhulu. Kuthe kanti naye ubhuti unawo. Bagqibe ekubeni lishwangusha elize nala mphunga ubusuka kwesa silo. Bavumelene ukuba bazakuya kubona isanuse abasithembileyo, uMakheswa, kodwa ke bebeve kusithiwa uye kulanda amayeza eSwazini.

Kuthe ke kuba isibini esi besimenywe emgidini kwalapha ekuhlaleni, sahlamba salungiselela ukuya khona kwangoko. Baphumile ke kwayiwa emgidini apho. Bathe bengena apho bagangwa nguMamkhumbeni, omnye umakhulu wakwalapha ebumelwaneni omnyama kakhulu ngebala; nothe ebona nje wabe eabuza impilo nokuba kulelwe njani na. Uthe akuyitsala uMamkhumbene impilo, ebuza ukuba akukabikho zintsha noko, wadibanisa ngoko nangoko usisi, ze wawakala esithi:

“Hay-hay yima, yintoni ngoku wena Mamkhumbeni? Sekutheni ndadibana nawe sewundileqa ngetoti enomchamo nje? Wakhe wandibulisa okanye wandibuza impilo ngaphambili, kutheni unditsibela ngokuba ndileli njani nje, he? Jonga, andifun’ ukuphinda ndisibone esa silo sakho sinoboya pha kwam uyandiva?”

Uthe esafing’ iintshiyi uMamkhumbeni kubonakala ukuba uxakiwe futhi wothukile, sabe sibekwa isithebe senyama yoomama, baphazanyiswa nayingoma, wabe ke ngoko akakwazi kuzithethelela uMamkhumbeni. Umshiye kwangoko usisi uMamkhumbeni waya kuzimanya nabanye oomama, wasala apho uMamkhumbeni esakhwankqisekile.

AKUKHO NZWANA INGENASIPHAKO

Apha ke bafundi bam siboniswa uSkhixi, inzwana yasemaKhomazini esaze ngobuso ezweni, iphantsi kwelifu elimnyama thsu, emva kokushiywa kwesinomhlwa sisihlobo sayo esisenyongweni uKrwempeza. USkhixi ke lo bafundi ngulo mfanyana nimazi njengalowo ndamshiyela ibele.

Umntakwethu lo uchithe ixesha elide ke ehlobene noKrwempeza lo, befunda kunye, bedlala kunye ibhola ekhatywayo, baqala ukubona-bona iintombi kunye; bathandana neentombi ezizizihlobo, nto leyo ibuqinise nangakumbi ubuhlobo. UKrwempeza lo ebesele engathi ngomnye wabaninawe bam apha ekhaya ngoba bekungekho nto angayenzelwayo, kungekho gumbi angalingeniyo, nqwa nomntakwethu ke kuloKrwempeza, bekukwanjalo.

UKrwempeza usutywa kukufa esedolophini, endleleni evela kuzithengela urhacaza wesihlangu iCarvella, ngokuthi atshayiswe yilori esihambisa isonka ebesiphephetheka ukubaleka oku.Uvakele ke umphanga ekuhlaleni, savakala isandi sokuwa kwaloo mfanyana ebengafanelwe nakancinci lingcwaba, kangangendlela ebelinene ngayo. Ihexile ilokishi ke sesi sehlo, ngoba uKrwempeza ebeseziwa sisimelwane sonke njengomntwana onembeko, othumekayo nonenkathalo. Enye into ebimthandisa kakhulu kukuthanda kwakhe isikolo nebhola ekhatywayo, engazimanyi noninzi lweentanga zakhe, ebesezingenwe yimikhuba yokusela kakubi utywala lusebenzise gwenxa nezinye iziyobisi.

Kangangendlela abebethandana ngayo umntakwethu noKrwempeza lo ubungeva abantu xa ndihlangana nabo esitalatweni bendibuza ukuba unjani na umntakwethu ukukhubeka, besithi bayavelana naye, ngoba bayayazi indlela eyakumthwaxa ngayo emoyeni le lahleko. Ndibaqinisekisile ke ukuba noko uchacha kuhle endlwini yaye nathi senza unakho-nakho ukumthuthuzela, futhi nathi silahlekelwe lilungu losapho.

Iqalile ke imithandazo, ngokokulindeleka, wabonakala umntakwethu eququzela kuloKrwempeza, ethi elapha abe ephaya. Ngamanye amaxesha ibiye ibe nguye nowamkela *isosala* yeminikelo, emele ikhaya ngombulelo, ze anikezele nezaziso zemihla ngemihla. Bekuthi ke xa uqukunjelwa umthandazo wangorhatya, lisitsho elingasozelilibaleke iculo elithi “Oku kutya sikutyayo...,” abonakale echwechwa umntakwethu kwigumbi ekulungiselelwa kulo abo baze kukhunga. Ebetsiba nje ngaphandle umninawe abe aphinde

avele sele ephethe ingqoko yamaqebengwane neziselo kwesinye isandla. Bathathe ke abantu badle, sele kuncokolelwa phezulu ke ngoku, kubukwana lulutsha, kubaliswa nangendlela ayakukhumbuleka nayakuhlala esezintliziyweni ngayo uKrwempeza.

Ndithe ke kuba ndimazi ukusuka nokuhlala umntakwethu, ndaqaphela ukuba idyasi yakhe ikhukhumele ngendlela engaqhelekanga apha ngasemacaleni esinqe. Ndimncome ukutyeba ke ndatsho ndisithi bendisoloko ndimoyikisela kule meko yokushiywa nguKrwempeza, ndibe ndimcingela ukuba hleze ehle emzimbeni, kuba ndisazi ukuba uyakhawuleza ukukhathazeka, futhi loo nto amaxesha amaninzi ibonakala kuye emzimbeni. Uncomile ke naye esithi uyazama, futhi ebengazilindelanga ukuba uyakuba esalinganwa yimpahla yakhe kangangendlela emkhubekise ngayo le lahleko emphefumleni. Bakhona ke nabanye abantu abebencedisa ukuhambisa izidlo. Ndiqaphele ukuba umntakwethu uye acele kubo bonke esithi akakafumani ngoba okokoko encedisa ekunikeneni abanye abantu.

Uye waman' ukutsiba nakwindlwana yangasese ke umninawe kuba etshiswa ngumchamo, abuye noko engathi uya encipha apha ebhatyini. Ndiye kwangoko xa ndithi mandiqwalaselisise ndafumanisa ukuba apha ezimpokothweni kukho imbuqe yamaqhekezana amaqebengwane abewahambisa, wabe naye ke eman' ukubuya apho exhaphe nangakumbi apha ezindeveni. Uqhubile ke nokuman' ecela kwaba mama bahambisa iziselo, kuthethwa nje ngabantu, kuncediswana nangezitulo netafile ekufuneka ibuyele ngaphakathi yena unkabi uyahlafuna akayeki.

Ndimve ngelinye ithuba ecela iqebengwane nerostile kuba esithi ufuna ukugqibezela isiselo sakhe ngazo. Ndiphinde ndamva ecela kwakhona, kodwa ke kwesi sithuba ecela isiselo, esithi ufuna ukugqibezela iqebengwane nerostile abesandula ukuzifumana komnye umama. Ndiqwalasele ukuba hayi noko ngoku umntakwethu uthuthela ngaphakathi mpela, yaye akayeki. Uqhubile ke nalo mkhwa wokucela enye ukuze agqibezele enye, andabhobhisa mna, kodwa ke uthe akubhaqwa ngomnye usisi obedikwe mpela, ndambona edana umntakwethu. Usisi lowo uye wahlebeza into endlebeni kuye, ze ndambona etshintsha ebusweni, enikezela naloo glasi uKhomaz' ongangxengwanga.

Zihambile ke iintsuku, zaya zisondela iintsuku kuMgqibelo ongaliyo, obulusuku ebelucwangciselwe ukuya kubekwa kwikhaya layo lokugqibela inzwana yaseNtakwendeni. Uqhubile nomfihlo, kakuhle futhi; umkhulu kunjanjoku, indlu imi ngeembambo

kukuphuphumala. Zikhuphisene iikwayala, eyeqela lebhola, eyokuhlala, eyasenkonzweni, neyesikolo; iintombi nabafana beqhafuqhafu beyiloo nto ubuhle. Nabefundisi bagadlele ke, beshiya abangalaziyo ukutyibela elo nene lingumzekelo wendlela yokuziphatha kolutsha ingafanelwe ngcwaba. Litshilo ke nelizwi ukuba abantu maze bayeke ukumlilela uKrwempeza, balilele bona, ngoba yena ulufezile olwakhe ugqatso yaye kungoku nje uthe ngcu ngasekunene koYise onamandla onke, uMdali weZulu nomhlaba, ebotshwa amanxeba nezivubeko zomhlaba. Kubhekiswe nakumntakwethu, enikwa amazwi okomelela ngokulahlekelwa ngumlingane.

Kuyiwe emafihlweni iselelo linye lokuwongwa kwenzwana ngokuziphatha kakuhle, kwabuyelwa ekhayeni layo, apho abazili bebelindwe bubukhazi-khazi bezidlo ezimibala-bala neziselo ezihwahlwazayo, sele kubukwana kwakhona luluntu iyiloo nto. Nalapha uye wazigqamisa ke umntakwethu, ebonakala ekhuthela, esisinqininqini esingazibandeziyo emsebenzini. Ephatha kuncedisa ekuzisweni kwezidlo aphinde abekho nasezimalini ezingumkhonto esangweni. Ndiye ndaman' ukumbona ke umntakwethu ephethe isitya esinokutyana okuncinci, mhlawumbi kukho iqathana nje lenyama, ndamcingela ndithi kowu bethu umntwana kamama, akanalo nethuba lokutya kangangendlela axakeke ngayo ehoyana neendwalutho ezize kukhunga; ndimazi ngokuyithanda ke into esiwa phantsi kwempumlo. Ndiye ndamvela usizi kodwa ndabehle ndathi luyakuthi luqina usuku abe noko sele ezinzile, ekwazi nokuphumla afumane isixhaso. Ndiye kwangaye sele esiza nompoposho umntakwethu ekhumbuza abantu ukuba kaloku ayilotheko elo, kuziliwe yaye kufuneka bayamkele inyaniso yokuba iphelile inyama, bakutye ukutya nokuba komile.

Ndothuswe kule apho lilizwi lomnye umama ethukisa esithi yini le, nanku umfana eze kugqiba ukudla komngcwabo amandwendwe engekafumani. Ndithe xa ndithi ndiyajonga, ndafumanisa ukuba kanti ubhekisa kumntakwethu. Ndiye kwangalo mama esithi yakhe yaviwa phi into yokuba umntu afake inyama engako ezimpokothweni zebhatyi ze angabi nazintlani ukuxelela abantu ukuba ayilotheko elo, kodwa uyigcinele yena yonke le nyama. Kuye kwee wayi-wayi ke ngoku, basondela abantu befuna ukuzivela bazibonele nalo kubhekiswa kuye. Umama utshilo ke ukuba kudala embukele iveki le yonke egqiba ukutya ekufaka nasezimpokothweni. Undigqibe ngokuthi fanel' ukuba umntakwethu uyavuya kukubhubha kukaKrwempeza ngoba naku kaloku yena uzakuba ngunyana kaSambhuntsuntsu kukutyeba, atsho futhi ngonyaka woshiywa kosapho lwakaSimayile

ngunyana wabo oyintanda, yena wonwaba watyeba wayihagu. Ugqibelise ngelithi: “Iintloni ziyamakha umntu ke bhuti. Sibhujelwe thina apha, sisentlungwini, wena usisenga nje! Yhu kunini mntwan’ omntu ndikubukele ugqiba ukutya kwalapha?” Umama wabantu.

Ndibehle ndaqonda nam ukuba eneneni makube unyanisile lo mama, ngoba bezingafani ngemibala eza zitya bendisoloko ndizibona ziphethwe nguSkhixi. Ngalo lonke eli xesha umntakwethu yena ubambelele kongezantsi uzenza ingelosi emsulwa, ngendlela ekhanyelayo, uphethe intaba yokutya endingaziyo ukuba yeyesingaphi. Uvakele ethethela phantsi, ebudana unkabi esithi:

“Hayi kodwa mna okokoko ndisebenza, ndiyaqala ukukhe ndise into phantsi kwempumlo ngale, andimazi lo mama endisukela engandazi nokundazi nje. Yhu hayi makube mna ndishwatyulelwe ke ebomini ukuba kuphelele apho.”

Kwesi sithuba kuphume utata kaKrwempeza wasondela kuSkhixi wathi, “Sikhwelele mfo wam, ndiyakucela, kungenjalo uzakonzala.”

Noxa bekubonakala nje ukuba uyakhanuka ukuphosa ambalwa ezithethelela umninawe, uye wazithenga, wazithanda waphuma waqhweb’ itha edlula kuloo nginginya imjonge ngokumbeka ityala.

Uthe akuba ngaphaya kwamasango eli khaya, wakhwaza eshwabula, “Niqhayisa ngokufa ingathi nini nodwa abanokufelwa, sonke ke singabantu. Umakhulu kamzala wam uSongezo usweleke izolo, ndinijongile nonke, andifuni kunibona phaya. Kusekhaya yaye ndim ozakube *eshay’* isgingci ezimbizeni!”

Uphinde wajika wajongisa umbombo ekhayeni, esachiphi-chiphiza yintlungu yokuhlambalazwa esidlangalaleni, wanyantsula njalo ke wagoduka ehluthi. Ndiphume apho nam ndamlandela ke, ndidlula kwabo bantu bamehlo athi “nesa sisu sakhe singakaya senziwa kukuba ebuthelwe ukutya ngula mntakwabo ngempokotho yebhatyi.” Ndaphuma ndagoduka ndingakhuphanga nelimdaka.

Nditsh’ ukuthi ke, mfundi, eneneni liyinyaniso elithi akukho nzwana ingenasiphako, ngoba naku negqibelo likabawo lisifaka kwezinjalo zona iintloni.

USANDILE NONINALUME

Sihleli kamnandi ekhaya sibuka utatomncinci uZigweqe, ongulume ke kule nkewana kadabs inguSandile. Utatomncinci kaloku sele waba ngummi waseGoli ukususela singekazalwa nokuzalwa thina. USandile uvana kakhulu noninalume ke, basoloko bebukana njalo. Kuba noko engumntu ongelotshipa utatomncinci, bayazana noSandile lo, ominyaka sele ifikelela kwisihlanu ngoku ubudala.

Udabs ke akazibeki maxhala nantoni yile nto katatomncinci yokusoloko ehamba noSandile, equqa naye ezindaweni zakhe mihla le, uyazi kakuhle indlela abavana ngayo, yaye ke engafuni nokuphelisa ubumnandi bomntwana wakhe. Ngoko ke engumntu obavulayo nje.

Kuthi ke ngalo mva kwemini, emva kokuba bebuye ezindaweni zabo, utatomncinci noSandile bafike endlwini babukwe ibe yiloo nto benzelwe into esiwa phantsi kwempumlo ngudabs. Emva koko ke kudlalwa imidlalo yamakhasi, konwatywe ngabantu, abe uSandile yena ethe ngcu emathangeni kuninalume, kubonakala mhlophe ukuba umnandelwe. USandile ke sele eyintwana apha esele ifuna ukwenza yonke into noninalume xa ekho, nokutya oku.

Bendikhe ndayiva ngenye intsasa kusityiwa isidlo sasekuseni isitya noninalume esityeni esinye, isithi kunina, “Mama, awuzoty apha wena, kutya amakhwenkwe odwa.” Ihlekiwe ke le mfeketho ngoba kuye kwacaca ukuba unkabi akakayiqondi indaba yokuba uninalume ngumntu omdala yaye akaseyonkwenkwe njengaye. Mhlawumbi ke phofu ebengazi nomahluko phakathi kwendoda nenkwenkwe, ukuchama simile nokunganxibi zilokhwe kuye kuthetha ukuba abantu ngamakhwenkwe, njengaye lo.

Kuthe ke xa aphumayo emdlalweni uninalume, etyiwe, waya kwindlwana esiya kubetha amanzi. Umlandele ngoko nangoko uSandile, njengesiqhelo ke phofu. Akuhlalwanga ke apho, kwabuywa kwaza kuhlalwa nabanye abantu kwabukelwa umdlalo. Kodwa ke ekubuyeni, ndiqaphele ukuba uSandile okokoko esenza into enye, ekhuza. Ubeman’ ukuphinda-phinda isikhuzo esithi “Yhu-yhu-yhu!” besimhleka ke thina singabanye ngoba siyazi ukuba wenziwa nje yimfeketho yokuba engumntwana. Uthe yena akudikwa udabs yile mfeketho wavakala engxola esithi yintoni na le idikayo ikhuzwa nguSandile kangaka, watsho esithi aphume ukuba waliwa yimbeko ngokungxolela abantu abadala.

Kodwa uSandile usothuse ngempendulo yakhe ethe, “Yhu, mama, ayinkulu ipipi kamalume, inoboya!” kunge ndingawucela umhlaba uvuleke ukuze ndibe nokuzifihla ngongako umothuko ogutyungelwe ziintloni ezingummangaliso. Uguqukile udabs wabhekisa kumntakwabo esithi, “Fezile, he wena Fezile, ziintoni ezi zinkulu uzibonisa abantwana? Uyawubona ke ngoku umonakalo ondenzela wona kwingqeqesho yam?” othukile naye utatomncinci wam, uzame epitiliza esitsho ukuba ebengamqondanga uSandile ukuba kuthe kanti ebemkrobile ngelixa achamayo, uthe ucinge ukuba uzifihlile.

Akakholwanga yena umama esithi bekuqalele phi kakade ukuba ade caba uzakuya kuchama nomntwana omncinci. Umnukuneze ngokungabi nangqeqesho watsho esithi mkhulu umdla wakhe wokufuna ukwazi ukuba ingaba ubaqeqesha aphele ndawoni na abakhe, ukuba uyabaqeqesha phofu. Umngene nangobutshivela abufunde kwela Rhawuti, watsho esithi akasamazi ngoku okokoko wathi waya kula dolophu, wonakele. Akayekanga utatomncinci yena ukucacisa ukuba eneneni ebengakhange amcingele tu umtshana wakhe ukuba kanti esiya kuchama naye nje ebeseqhingeni lokumkroba ukuze abe nokuza kubuthi paha esidlangalaleni ubungakanani belungu lakhe langasese

Kuthe kusenjalo, esafufutheka umama, suka sanga singacela umhlaba uvuleke singene ke ngoku xa esangeza ngokunga akayiboni le ngxwabangxwaba umfanyana, esithi: “Yho, mama, ayinayo futhi la ndawo ingaphambili.” Kwesi sithuba sive ngotatomncinci esithi “Tyhini, mtshana, yintoni ngoku?” wabe sele ephendula enyelisa nodabs, esithi “mnyana-mnyana ntoni, uze kundonakalisela abantwana ndizama ukuzikhulisela ndiziqeqeshele mna kweli Bhayi, hamba, Fezile ubuyele eRhawutini lakho, apho wenza khona ezi zinto nabantwana ungaphikiswa, ungaboniswa, ungangxoliswa mntu. Hamba mntakamama, yini le!”

Kwangelo xesha udabs uthathe uSandile wamngena kanobom ngeenzipho apha kanye emiphakathweni. Akabhonganga umntwana yeha, ecela amaxolo ethembisa nokungaphindi ajonge izinto ezinkulu, ngelizxa unina engamhoyanga, emosela ngozipho qha. Luphele ke olo suku sele eqoqoshe konke ke okwakhe wabuyela kwiRhawuti lakhe lebhongo utatomncinci wam endimthandayo, sabe sisala sodwa kwakhona kwezo holide.

INGQEQESHO IQALA EKHAYA

Kuthe emva kwesithuba seenyanga udabs ehlala nathi apha ekhaya kweza nentombi yakhe egama linguNomqhafazo, umzala endandivana kakhulu naye. Ndikhumbula kakuhle usuku awaqala ngalo ukuhlala apho ekhayeni, weza elila esithi akukho kutya endlwini yaye uyise uthi akanamali. Udabs ke wathi makasele elala ngolo rhatya, wafumana isidlo sangokuhlwa nathi, sadlala sibukana kumnandi, kanti ke oko kukuqala ukuhlala nathi umphelo kwakhe.

Sihleli ke nodadethu kungekho ziguruguru nazingxabano ngoba ebesithanda nomntakwethu, esoloko esithethelela nasesitalatweni xa kukho amakhwenkwe asintlontayo, kuba kaloku noko yena ebesele noko emdadlana kuthi ngeminyaka efikelela kwisihlanu sonke.

Ebesiphekela, asihambe ngamanye amaxesha, xa udabs emvumela. Kaloku ebengavumi udabs amaxesha amaninzi kuba esithi asiyi kufunda ukuzenzela ukuba uNomqhafazo uthe gqolo ukusenzela izinto ezifana nokusihlambela impahla. Enye yeemfundiso awayezibethelela kuthi ke udabs kukuba ekhayeni akukho msebenzi wantombi, akukho msebenzi wankwenkwe. Yiyo le nto besizibona sicoca indlu, sihlambe izitya ekho uQhafi ngamanye amaxesha, gama elo sasisele simteketisa ngalo xa simbiza.

Elona bali ndiza kulo ke mfundi wam lelolunye urhatya olwaluphole kamnandi, apho udabs wasithuma khona ibhotile *yeparafini* kuloPinkboy. Eneneni ke mfundi ngumsebenzi wethu makhwenkwe lo wokubaleka sisiya ezivenkileni sileqa oononi nooni abafana neparafini le, nto nje uNomqhafazo uye wanyanzelisa esithi uza kuyifuna ngokwakhe ngolu usuku kuba thina sizakuhamba sidlala futhi ke yena ukungxamele ukupheka. Wamvumela ke udabs ukuba aleqe.

Kukufutshane kakhulu ke kuloPinkboy ukusuka ekhaya kodwa ndithi mna laqengqelesa ixesha, kwada kwasondela neyure yonke, de udabs wathi mandiyi kumkhangela uNomqhafazo. Ndiqale kuloPinkboy apho, andamfumana kusithiwa akakhange afike khona, ndadlulela kuloNonceba, nalapho ndifike ikho iparafini kodwa kusithiwa akakhange abonwe yena. Ndidlulele kwiiivenkile eziselalini ebomvu ke, ndaqala kwaWillows, ndadlulela kwaXhego ze ndagqibelisa ngoSkyman, ndingamfumani kuzo zonke.

Ndibuyile ndaya kudabs sele ndinkwanya mna kuqala kuba ndicinga ukuba mhlawumbi wabuya kudala uNomqhafazo, futhi ke nam ndizakungxoliselwa ukuhlala. Ndifike endlwini engekafiki uNomqhafazo, sele ekhathazekile ke ngoku udabs kuba kaloku kuleli xesha kudume ngalo imoto eba abantwana babulawe kuthengiswe amalungu emizimba yabo. Udabs

uye wacela ukuba ndiye kubiza ubhuti Mzwakhe kokwabo eLamani ndimxelele okwenzekileyo ukuze andincedise sikhangele uNomqhafazo. Ndiyile kubhuti Mzwakhe, andamfumana, kusithiwa uphangele, ndabuyela endlini. Ndibuyele ekhaya, apho ndingene ngaxesha-nye nomninawa, yena evela kuthenga la bhotile yeparafini ibithunywe uNomqhafazo, eyiphethe.

Sothukile sakuva ilizwi likaNomqhafazo ukungena kwethu, ethetha nodabs egumbini lokuphekela. Ukungena kwethu sifike sele ekho uNomqhafazo, ikho neparafini ebhotileni.

Uyamngcambazisa udabs:

“Ngoku ke uye phi wakungayifumani kuloPinkboy, mntwanam?”

“Ndidlulele kuloNonceba ndaya ke nakwezi venkile ziselalini ebomvu. Bekusithiwa inqabile kwasemva iparafini. Ndiphele ndiyifumana kwaSali ezantsi e-Avenue A. nyan sisi, ndinyanisile.” Uzithethelele watsho usisiza.

“Ngoku ke, Nomqhafazo, mntwanam ingena phi le yokugqibela? Kutheni undiqinisekisa usithi “nyani” nje? Ingaba ucinga ukuba andikukholelwa?” uyathula uNomqhafazo angaphenduli. Kodwa ke uyamqinisekisa udabs ukuba eneneni uyamkholelwa ukuba uthetha inyani, wathi angahlala phantsi uzakupheka ngokwakhe.

Uye waya kuhlala phantsi uNomqhafazo esofeni ebukele umabonakude. Sihleli ke apho sonwabele umboniso uSgudi Snaysi, sihleka iyiloo nto. Usondele udabs weza kuthi. Wenze ngathi uyahlala, seva ngesandi sebhanti kuNomqhafazo emqolo, wasitsho esofelweyo, wathi xa kanye atsibayo ezama ukuqhwesha, wamthi nka ukumbamba oku udabs, embuza ukuba kutheni engcolile nje. Uzamile ukucela uxolo uNomqhafazo esithi sobe aphinde, wabe yena ebuza ukuba soze aphinde enzeni. Uthe uNomqhafazo uyaxolisa akasobe aphinde afune ukuya kuyithenga ngokwakhe iparafini angathumi thina. Esambambile, udabs ubuzile ukuba bekutheni efune ukuyithenga ngokwakhe nje namhlanje, ebuza ukuba wakha waya kuyithenga ngokwakhe ngaphambili. Akabanga nampendulo uNomqhafazo, waqhayisa ngeenyembezi qha esithi uyaxolisa.

Umngenile kwakhona udabs uNomqhafazo ngebhanti emzimbeni wonke, engayekanga ukuba kukungcola awayekuve ngabani na oko. Usana olunguNoraysi torhwana luyalila, aluyithandisizi le nto yenzekayo ekhay’ apha. Mna kwelinye icala ndiyangxolelwa ngudabs kuthiwa mandimfunqule ayeke ukukhala. Yho, umhambile udabs uNomqhafazo, emtsweba

nokumtsweba. Uthe kanye phambi kokuba amyeke, wamhlalisa phantsi wambuza ukuba uwafundiswe ngubani na amakhwenkwe. Indothusile ke le, ze noNomqhafazo we gqa amehlo esithi hayi yena akazani namakhwenkwe.

“Nomqhafazo mntwanam ndimdala kakhulu, andisosibhanxa futhi. Awuzenzi nakakuhle nezi zinto uzenzayo zimdaka phandl’ apha namakhwenkwe. Ulimenemene elisisibhanxa.” Watsho ephinda emngena ngekhonkco lebhanti emzimbeni wonke. Uthe kanye xa ebona ukumpompoza kwegazi entloko, nathi nomntakwethu ngoku sele silila, wamyeka. Kodwa akayekanga ukumngcambazisa. Uthe apho kanye wandibiza esithi mandisondele ndijonge uNomqhafazo ukuba unantoni na enqentsu. Ndifike udadethu enengca nokhula enqentsu nakwijezi emqolo, ndothuka. Ubuzile ukuba ndibona ntoni, ndamxelela, wabuza kuNomqhafazo ukuba ifunani ingca kuye entloko nasemqolo, wathi ebewile. Kuthe kwakubuzwa ukuba ebewe phi, wapitiliza esithi ebebaleka wakhubeka wawa ngakulobhuti Mzwakhe, waphendula nodabs esithi akukho ngca kule ndawo ayibalayo, ngumlotha nje kuphela, yaqalisa yalila kwakhona icela uxolo intombendala.

Esafutha njalo, udabs uye wathi kuNomqhafazo makagalele amanzi ahlambe igazi elo. Okunene uhlambile uQhafi, esenyembezana ke phofu. Ngeli xesha ahlambayo udabs uyathukisa uyafunga futhi ukuba akazukuva ukutya kwemali yakhe akugqiba ukungcola kangaka.

“Uzakutya ibona, gqwirhakazindini!” uthukisa atsho udabs. Ndiye ndathunywa into yokubopha amanxeba lawo, ze wathi akugqiba ukuhlamba uNomqhafazo, kwathiwa makazibophe. Ukugqiba kwakhe uye wambiza kwakhona udabs esithi ukuba akafuni ukuba amphambanele okanye amonzakalise nangakumbi, makamxelele inyaniso yokuba ngubani lo ebesenza amanyala naye, watsho egrogrisa nokuba uzakumxela nakutata wakhe amphinde ukuba akazi nanyani.

“Nomqhafazo, akasoze axoke umama kaPinkboy nomama kaNonceba bathi awukhange uye phaya. Ingaba bakuzondani ke mhlawumbi ukuba ubuyile?” wathula uNomqhafazo. Utsho esithi ke udabs uyamyala angambhanxi, aqale phantsi achaze konke okwenzekileyo , nendawo okwenzeke kuyo. Uqale ngokuphinda osule iinyembezi uNomqhafazo, esahlininika, ze udabs akafuna kuyingena leyo, wabonakala ephinda efutha ngumsindo ephakama esiya ebhantini lakhe. Uye ngoko nangoko uNomqhafazo wacela uxolo esithi uzakuthetha

iinyaniso zodwa. Udabs umyalile ke ukuba uphinde wabona ukuba kukho apho angamxeleli nyani khona, uyakusuka angaphulaphuli nanye into ayithethayo, amphinde ngebhanti.

UNomqhafazo uthembise ngokungaxoki ze waqala esithi ngokuya ebephuma ebesoyika uMthuzimele wakwabawo uChithibhunga obekudala ezama ukumnyanzela ukuba ahambe naye xa ebuya esikolweni, kodwa esala yena kuba engafuni, kodwa emoyika. Uthe akungafuni uzakumngomba, woyika naye, yiyo ke le nto aphele esenza icebo lokuba aphume aye kuye ngoba uye weza kubetha ikhwelo apha ngasekhaya phambi kokuba yena Nomqhafazo aphume esenza ngathi uya kufuna iparafini. Uphinde wamyalile ke udabs esithi akafuni kumkhokela, makazithethele, kwenzekani emva koko.

Uqhubile uNomqhafazo esithi uye wahamba noMthuzimele omse ngasemangcwabeni wafika phaya wamkhulula umthawuzo ze wamnyanzela ukuba alale ngomqolo engceni apho, wamenza amanyala yena engafuni, ekhala. Ubuzile udabs ukuba inxesha elingakanani isenzeka le nto, wathi uNomqhafazo ibiqala, wabuza ukuba kukaninzi kangaphi emnyanzela emgrogrisa uMthuzimele, wathi yinyanga yesibini le. Ufungile udabs ukuba uzakuxelela uBra Suz kunye notata kaNomqhafazo kuye kuxelwa loo mfana kokwabo ukuze angabhungci naye ekohlwayweni. Udabs ubuyele ezimbizeni, ndeva izitya zikhala, waphaka ndisiva ukuba usesemsindweni.

Uphakele mna nomntakwethu ze wathi kuNomqhafazo akazufumana kutya yena ngoba kaloku umxokisele wayokuzenza isisulu samakhwenkwe amdakana emangcwabeni, waqhubeka emnukuneza ngobumdaka. Uyaphakama udabs aye kuzivalela kwigumbi lakhe lokulala ze simve ekhupha elokugqibela esithi “ingqeqesho iqala ekhaya, sisi.”

IKHOBA

Dyulukudu-dyulukudu ... qhwinkilili ... kulandela izikhalo, “Yho-yho-yho!”

Ngubhut’ Vusumzi lo ubhongayo, uyaphephetheka ukuphuma epozini ahlalisana kuyo nosis’ Sizeka, isinqanda-mathe sakhe seminyaka, uman’ ukukhubeka nasematyeni aphephe neenyhunyhu ezibangwa kukugqabhuka kwemibhobho yelindle kwisitalato sabo iBekwa. Ubhut’ Vusumzi undigila ndiye kuwa pha kwamtyholi. Lithi nelo khoba bendiliphethe liwe lophuke. Usis’ Sizeka usemva kwakhe, uyaleqisa, umgibisela ngekhoba lebhiya nangamatye ngelixa athukisayo. Ndiphakama ngoko nangoko ze ndizame ukumela bucala ukuze ndingachatshazelwa. Ukwagxadazela ke ubhut’ Vusumzi ngoba kaloku noxa ingekaqini kuyaphi nje le mini yangeCawe, sele ezityele iinto zakhe, uthe vram.

“Uzakunya ... uzakunya Vusumzi, msun’ wakho. Rhaa ucing’ ‘b’ ungumntu wena, he? Udyolela mna?”

Ndiyaleqisa ndibalandele, kaloku ndithunywe nguBra Suz ndize kubhut’ Vusumzi amfakele ukuze athenge ibhiya ibenye yokuqabula. Kuthi xa kanye emqweqwedisela eGunguluza, sele ezakumfumana, suka kuvele isiphekepheke sesithuthi sigqayiwe, simphose ngozipho usis’ Sizeka. Uba ke ngolo hlobo uyabhungca ubhut’ Vusumzi, emkisela mpela. Uye aphumle phaya ekuqaleni kweGunguluza, ngakwaGqirha Ngema, esakhefuzela.

Abantu basabambe engezantsi ke kuba kaloku bebesele besithi simgqibile isithuthi usis’ Sizeka, kodwa ke, ngezikasibi, usindile. Akabonakalisi kothuka yena usisiza, usuka eme, aphinde kwakhona, ethukisa:

“Yiz’ apha wena Vusumzi, yiz’ apha, msun’ wakho!”

“Hayi maan *fokof* wena Sizeka, hlukana nam! Yintoni ngoku ndadibana nawe sewuzenza umam’ am nje, he? Uzakuziqhekezisa ngam wena, uyandiqhela nhe?”

Kwesi sihlandlo usis’ Sizeka uye atsho ngamandla, emtyibela ngazo zonke azaziyo ubhut’ Vusumzi, sele engena nakumama wakhe ngoku.

“Hayi andikuqheli ke bonanje, bhuti, qha ngaske uyazi ‘ba ndiyakuqhotsa. Rhaa ... khona, ude uthi ndizenza umam’ akho, *siesmaan*, ungade uqhayise ngela menemenekazi lingunyoko? Nangoku *mos* watyiwa nguye utatakho, uthi uphi kanti ... mkhangele *ewodrophini* mntakwethu!” uphoxisa atsho.

Ngalo lonke ke eli xesha usis' Sizeka usawaphethe ngazo zozibini amatye akhe, ulinde nje abe ngathi *uyalahla* ubhut' Vusumzi ukuze amosele. Kodwa ke uvundlile ubhuti, ngoba uyazi kakuhle indlela esikhohlakele ngayo isithandwa sakhe. Kukho umganyana phakathi kwabo, ubhut' Vusumzi umi ngaphaya kwesithuthi sikagqirha, usis' Sizeka yena umi ngapha kwendlela kude kufuphi nevenkile eBhongweni. Uyafuna ukumgibisela nto nje woyikisela ukusuka achane ngempazamo isithuthi sikagqirha.

Sekuthe wayi-wayi ke ngoku esitalatweni yaye nabahlali sele bemnandelwe, bakrobe ngeefestile, bambi bemi emasangweni emizi yabo, kubekho nabo ke bebezidlulela ngendlela ze bema, befuna ukubona ukuba yozala nkomo-ni na imbambano. Usis' Sizeka uhlohle ilokhwe ngaphantsi komthawuzo, kuloo madywantsi athe saa kamnandi, kubonakala ukuba usemdleni wawo lo mlo.

“Jonga ke sisi, uyakuzisola ukuba ufaka umama wam kwiingxabano zethu. Loo nto awunambulelo, Sizeka, unesibindi sokuthetha ngolu hlobo ngomama lo ukuphipha mihla le? Eyona nto ndandingakufuni ke mna qha uthandwa nguye, ubumel' ukuba uyambulela.”

“Rhaa, intoni ... uthi kutheni, Vusumzi? Ungandixeleli ngelo lokonya lingunyoko mna, eli lincumela bonke aba nondatshaza bangena kula ndlu.”

“Hey jonga wena Sizeka, bendithe hlukana nomama, uzakuzikhabisa ngam ndiyakuxelela,” umngxolisa atsho ubhut' Vusumzi.

Ndiqhele oomama mna sana hayi amalokonya,” uphinda ongeze atsho usis' Sizeka

“Hay' yima-yima sisi, phambi kokuba uqhubekeke uhlambalazana nomama esidlangalaleni ndicela uqale ukhulule izihlangu zemali yam ezo. Khulula ngoku futhi.” umenyisa atsho ubhut' Vusumzi.

“Rhaaa unganya! Unganya ujike ububuthe ubutye, bhuti, nditsho nangoku! Soze, wakugqiba ukundireya iminyaka emingaka? Awuzova zihlangu apha. Buyisa nawe iimpundu zam ezi kudala uzikhwela uzikhukhuza.”

“Sapha, khulula!” uphinda agxininise ubhut' Vusumzi.

“Loo nto, ude uthethe ngokuzithemba Vusumzi, ndakumenya kaloku mna: ingathi uyalibala ukuba ndakufumana ungakwazi nokuzeka, uzifundiswe ndim iimpundu kaloku wena, bhuti.

Wawusisishumane esingenathemba, ndakuqoqosha, ndakubonisa ukuba kuyahlanjwa, ngoku kwawena unyela kum!”

“Hey, Sizeka, Sizeka, hlukana nokungxola ngegama lam wena ‘va?’”

Kuthi kusathe chasi kunjalo, zisachophelene izithandani, suka kuvele ngase-Avenue A ubhut’ Mphumzi osisihlobo sikabhut’ Vusumzi, othuke akubona ukuba kanti kubukelwe izihlobo zakhe zihlambalazana esidlangalaleni, anqande ngoko nangoko, esithi abanakho ukwenzana olu hlobo.

“Nguloo usecaleni kwakho, bhut’ Mphumzi, uyandidyolela, ndakugqiba ukumphipha. Rhaa, ade agqemfeze khona ingathi ngumntu la *nondatshaza* amfumeneyo ... ngunotargane *mos* lowa, into engenayo nemali yokugoduka xa ibitakile! Soze undibeke *eskalini* esinye nesa sfebe mna sana ... uzundijonge kakuhle!” uzikhusele watsho uSizeka, kuvakala futhi ukuba noxa engazivezi nje, usabindekile. Bayanyuba abahlali.

Akabonakalisi kumnanza uMavusana uMphumzi, nto nje uqhubekeka ebhekisa kwintokazi yakhe: “Hey jong’ apha wena ... jong’ apha Sizeka, yeyam le ipipi, izakungena apho kufuna mna ‘va, hayi apho kufuna wena ... ndazalwa nayo. *And* jonga ke sisi, ndingaphindi ndikubone pha kula ndlu ‘va, ndigqibile mna ngawe.”

“Hayi rhaa Vusumzi, uthi yindlu khona ela tyotyombe, andithanga nqa mna, ndiqhele izindlu hayi amabobosi... *and* jonga ke, bhuti, for your *information*, ndithi mandikwazise ukuba ndisafunwa mna ekhaya, andilahlwanga.”

“Ubuhlala kwela tyotyombe iminyaka le ke ulinukuneza nje ngoku. Ungalibali ke sisi, bendithe ukhulule izihlangu zemali yam. *And* jonga ke sisi, ungalibali bendifune izihlangu zemali yam, *please!*” uqhuba atsho ubhut’ Vusumzi.

“Yiza, yizozithatha, nazi. Yiza bhuti, thatha nants’ imali yakho.” kutsho usis’ Sizeka, otsho ezikhulula izihlangu ezo, kucaca futhi nokuba ukwiqhinga lokumfumana engacingelanga ubhut’ Vusumzi ukuze amosele ngeza mbokotho. Kodwa ke kuba evundlile unkabi, uye athume ubhut’ Mphumzi azilande.

Uthi xa esacinga ukwala ubhut’ Mphumzi, ebonakala ukuba uyathandabuza; amqinisekise usis’ Sizeka ukuba makeze azifumane, aye ke naye, kodwa engayekanga ukuzicenga izihlobo zakhe ukuba ziyeke ukuvuyisa iintshaba. Uthe akufika ezihlangwini ubhut’ Mphumzi, wagoba wazithatha ze wathi xa aphakamayo, wanikelwa umyalezo oya kubhut’ Vusumzi:

“Jonga, TaMphura, ndicela uthi kwesa sirhama siyitshomi yakho ndithe ngumnqund’ wakhe kunye nokamam’ akhe ‘va?’”

Akaphendulanga ubhut’ Mphumzi, kubonakala mhlophe ukuba akaxolanga, wahamba ke ebuyela kwisihlobo sakhe. Uthe xa ekude-kufuphi nobhut’ Vusumzi, wavakala kwakhona usis’ Sizeka ekhwaza, “Jonga, TaMphura, ndonqen’ ingathi ndiyakuvimba *maan* bhuti, *so jonga ke ... nawe va? Ngumnqund’ wakho nowakanyoko nawe.*”

Yhu, ngoko nangoko, ujike waleqisa ubhut’ Mphumzi ebuyela kusus’ Sizeka ngomsindokazi, othe naye waqhwesha esiya kuzivalela ngapha kwamasango omzi kabawo uMji, ebalek’ umsind’ ozayo.

Kuthe ke kuba ebonakala oyame ngamasango lawo ubaw’ uMji, akabi nasibindi sakungena ubhut’ Mphumzi, kodwa kubonakala ukuba usenesingqala yaye ukulambeke ukumfundisa isifundo usis’ Sizeka.

“Yiza ... yiza, betha nje wena, ukhangele ‘ba awuzolala ubaliwe uvuke uchetyiwe na. Ndakubamb’ unye mna sana ... akukho ndoda ingaphakamis’ isandla kum ndingalali nayo mna. Rhaa!”

Ngalo lonke eli xesha ubaw’ uMji umjonge ngabomvu usis’ Sizeka, ozibone kufuneka ecacisile, ze wavakala esithi,

“Uxolo tata ka-Ayanda wethu, ngulo mnqundu lo ungena into engamfuniyo, ebefunani yena ezenza impelesi kwinto yabantu ababini?” nalapho akakhuphanga nelinye ubawo uMji, esaxakanisekile.

Mna ndijikile ndabuyela ekhaya kuBra Suz kuba ndibona ukuba andisayi kuze ndiyifumane le mali bendiyithunyiwe. Ndithe ndifika apho uBra Suz wandingxolisa ebuza ukuba ndihleli phi, efuna ibhiya yakhe. Ndithe ndizama ukucacisa ngendlela elife ngayo ikhoba nomlo ondilibazisileyo kabhut’ Vusumzi, akafuna kuva, wonda ngam, ndaqhwesha ke mna ndaya ezitshomini, ndishiya imali yakhe apho.

USENZILE KODWA UMAMA KAPILITYI

Kunanamhla nje mna nomntakwethu sisisigculelo sentlekisa kubantwana beklasi yethu, ngenxa kamama kaPilityi. Wonke umntu sele ebalisa ngathi nesibhivilvana esisuka ekhaya sisiya kutitshalakazi wethu.

Kaloku umama kaPilityi ngulo mama unxuse apha ekhaya nesiqanda-mathe sakhe – uBra Cat. UPilityi ke yena uhlala kulonina kwiSitalato iSingaphi, kodwa ke uxhaphakile kunina. Andiqiniseki kuphele ukuba uBra Cat lo nguyise, ngoba uthi mama kunina ze athi bhuti kuBra Cat.

Isibini esi ke singabantu abazityela iinto zabo ke, ubeve ngokuthukana bankulane esidlangalaleni xa sebetshovwe yiloo Vin-Coco naloo mqombothi bawuthanda kunene. Umama lo waziwa njengoNanini ngabahlali, kodwa ke andiqondi ukuba uyalazi yena eli gama; ngoba kaloku liyafihlwa kuye. Kaloku ungamva rhoqo xa ezityele iinto zakhe, elelo kholwa lifanelwe liZulu, lingqina ubukho boMfeli, licula lisithi:

“Naaniniii, naanini na

Naaninii, naanini na

uYes’ ukhona,

naanini na

Uyaqhubeka ke alitsho eli culo de ngamanye amaxesha kuse gede, ingakumbi xa uBra Cat engekho, ephangele ebusuku; okanye ‘de abiwe bubuthongo. Ngezinye iintsuku ude abe unqandwa nguBra Suz okanye ngabamelwane abafuna ukulala. Kanti ke ngamanye amaxesha ukhe anqandwe nanguBra Cat. Uyakucekisa ke kodwa ukunqandwa nguBra Cat, usuka athukise, umve ehoboloza esithi: “Jong’ apha wena, Kati, yindlu yam le. Ndim ohlawula irente apha ‘va? Uyakuthi *fokof* ngoku ubuyele kokwenu uyohlala nonyoko koba *burabishi* bala lali yakho ibomvu. Ndizakungaculi ngoku kuba ndisoyika wena, lo mhedeni lo? Utsho qho xa ndicula iingoma zecawe qha futhi, ndikuqwalasele. Jonga ke mntakwethu, ndikhuliselwe ecaweni mna, andifani nawe!”

Iyho! Ngobunye ubusuku uBra Cat wona ngokuphendula athi naloo nkonzakho akhuliselwe kuyo mos uyikhumbula xa enxilile qha. Wayemfuna esikhumbeni, emxelela iindaba zakhe esithi

uzakuphelela esihogweni, akasoze alibone izulu. Kwafuneka aqhweshe uBra Cat, wabe ke ngolo hlobo uyabhungca.

Akuba eqhweshile uBra Cat, umama kaPilityi waya kuBra Suz wamnyanzelisa ukuba agxothe uBra Cat phaya ngoba umphethe kakubi, watsho emkhumbuza futhi ke ukuba nguyeye na mama kaPilityi owaya kuye efuna indawo yokuhlala, wongeza ngelithi ikwanguye yedwa nohlawula irente.

“Jonga, Suziyeza, andizukugezelwa yindoda endiyiphiphayo mna. Ndicela ke *please* umgxothe kuse engasavuki apha!”

Waxakeka ke uBra Suz engazi ukuba athini ngoba wayemthanda uBra Cat, yaye wayesele elithemba lakhe xa yena engenanto yokutshaya okanye enxaniwe.

“Hay maan kaloku sis’ Pat, andizukwazi ukumgxotha uBra Cat ngoba nemvume yokuhlala apha akazange ayifumane kum, ndasuka ndambona sele ehlala nawe, andabi nangxaki. Nangoku ke iyakuba nguwe omgxothayo, xa ungasamfuni.”

Kodwa ke, mfundi, okubalulekileyo kukuba kwasa okungaliyo sele evuka apha ekhaya uBra Cat, kuteketiswana njengesiqhelo ke futhi zizithandani. Njengoko besenditshilo ngentla apha, ezi ngxabano yayingezozehlo zinqabileyo phakathi kwesi sibini. Kodwa ke amaxesha amaninzi uBra Cat akathandi ukuphikisana okanye axabane nowakwakhe, kuba ke ndiyabona, ecenge undolala-phi. Ngoko ke usuka azithulele.

Kumnandi ke kodwa ukuhlala nabo ngoba umama lo uphangelela amaNdiya eMalabar, yaye ubuya nezidlo ezimnandi nezikhakhazelayo ngezinye iintsuku, iintsalela zabaqeshi bakhe.

Kodwa ke, izolo oku, sithe mna nomntakwethu xa kanye sesinxibile silungele ukuya esikolweni, wasibiza umama kaPilityi ecela ukuba siye kumthengela umqombothi. Uthe masingayi apha kufutshane kwaMadlamini kuba esithi awusekho ngqumbululu umqombothi wakhona futhi ke awusanxilisi, uyalambisa qha. Uthe masiye kwamaMkhwemte elalini emhlophe. Ndithe ndizama ukumxelela ukuba lizakusishiya ixesha lesikolo, wathi mandingakhathazeki uzakusiphathisa umyalezo oya kutitshalakazi wethu. UBra Suz naye uvuke waya kwamkela inkamnkam yakhe namhlanje ngoku asinaye ke nomthetheleli onokuthi makasiyeke umama kaPilityi. Okunene ke siyile elalini emhlophe, safika asawufumana kuba kusithiwa kusesekuseni, awukalungi. Sibuyile samxelela umama kaPilityi, wathi masidlulele kwaMadlamini. Sithe kanye xa siphuma ekhaya sisiya

kwaMadlamini labe ixesha sele liyintsimbi yesibhozo, isikolo ke sona sibe singena ngecala emva kweyesixhenxe; oko ke kukuthi, mfundi wam, sibe sele sisemva ngesiqingatha sonke seyure.

Sibuye nawo kwaMadlamini, wabulela, ze wasilibazisa nangakumbi ngokusibhalela ncwadana ezakuchazela ootitshalakazi esikolweni ukuba bangasohlwayi besithunye nguye. Wasibuza igama likatitshalakazi wethu, ze wasinika incwadana leyo, saleqisa.

Kuba ke sinayo indawana engamthembanga kuyaphi apha kumzi watsha, sithe sisesendleleni sagqiba ekubeni siyivule siyifunde ingekafiki esikolweni. Indlela esothuke ngayo sakubona okubhalwe apho, sidane sanyaba nomntakwethu. Incwadana ke ibifundeka ngolu hlobo:

Molo Miss Mngxunya

Ndiphilile mna ngempilo, ndiyathemba uphilile nawe.

Hay wethu akho nto qha sendisonqena abantwana bafike emva kwexesha esikolweni kungekho nelizwi elisuka emzalini. Ndivuke ndinxanwe kakhulu namhlanje, kangangokuba andiyanga nasemsebenzini, ayandikhoboza kaloku la makula, yaye nala mali andinika yona ayibonakali, ngamantongomane. Ngoko ke, Miss, bendibathume esa skali singqumbululu sakwaMamKhwemte kwaFour elalini emhlophe.

Abasifumenanga ke kodwa kuba kaloku waba livila ngoku la mfazi kuba engenelwa yimali kakhulu, uhluthi ngoku ziimali zethu, uyapetsula. Baphele besifumana kwalapha kwaMadlamini eKwaza ke kodwa. Ungababethi wethu benziwe late ndim.

Ndim ngenene

Umama kaPilityi

Siye saphikisana ke nomninawa, ndisithi mna masingayisi, yena esithi asinalo elinye icebo, kuzakufuneka siyise. Mna ke bendisithi ndingayibhala incwadana leyo kodwa ke ndibeke isizathu esibambekayo, ndizenze yena okanye uBra Suz. Walile umninawa esithi iyaziwa indlela esibhala ngayo sobabini ngutitshalakazi, loo nto iyakusele isibizela ukuzibethisa nokuthatyathwa njengabantwana abanamaqhinga, abaxokayo. Nam ke ndiyile, noxa ndingaxolanga kuyaphi nje, ndavuma, ethembeni lokuba mhlawumbi soze isenze ntlekisa.

Sifike esikolweni phambi kwentsimbi yethoba, sisemva ezifundweni phantse ngeeyure ezimbini zonke. Sityhalene ukungena eklasini kuba sisoyika, ingulo efuna kungene omnye

kuqala. Sithe singena nje kwaqala kwakhuza abafundi, besithi “Yhu!” Sangqala etafileni katitshalakazi osijameleyo, saxolisa ngokuvovisa imizimba, sashwantshwatha nento engavakaliyo, sadlulisa incwadana leyo. Simi apho ecaleni kwakhe ngelixa ayifundayo, silinde imvume yokuya kuhlala phantsi. Kuthe ekuyifundeni, samva eman’ ukumumatha intsini, engafuni simbhaqe.

Kuthe ke emva kwemizuzu engephi, wancuma, wazama ukuhlekelala ngaphathi kodwa woyisakala. Uye wandithuma ukuba ndiye kubiza utitshalakazi uSomniso ngelixa le yasekhaya yona iyokubiziswa utitshalakazi uMafongosi, nabo ke abafike bayijonga banyuba. Ibe yiloo nto ke, kuman’ ukungena iititshalakazi, zifundiswe incwadana le, zigigitheke. Sibuzwe nje ukuba ngubani na lo ebeyibhala, sachaza, sabuzwa ukuba siyifundile na thina, sakhanyela, kwathiwa masihlale phantsi ngelixa owethu utitshalakazi enikina intloko, babe nabanye besondla amehlo abo ngathi, besiqwalasele, kubonakala futhi ukuba bazixina ngemibuzo engaphendulekiyo, bengayekanga nokunyubula.

Sithi sisiya edesikeni zethu, baqava ke nabafundi, befuna ukwazi ukuba kubhalweni na encwadini, sangabangayaziyo thina, kuba singafuni kuba yintlekisa kubantu abatwezeke olwa hlobo. Kodwa ke kuthe kanti asibhungisanga ngoba utitshalakazi wethu uye wayifundela iklasi yonke, ndingasazi ke isizathu, yahleka yonwaba iklasi iman’ ukolathisa ngathi naxa sesiphumile esikolweni.

IHOLIDE ZAM KWAMAKHULU

Ingathi andikakulungeli ukubuyela esikolweni, kaloku ndibuye izolo apha ekhaya ndivela ekhefina lokuvalwa kwezikolo ngenyanga yeSilimela. Umntakwethu uSkhixi yena ebengayanga. Akafunanga kuba kaloku uyakuthanda ukuchitha ixesha noBra Suz. Ndibuye izolo. Bekumnandi yho! Ndikonwabele ukuhlala nobhut' Ndoda endibalisela izinto ezizinzi: ukususela kwiinjongo zakhe zokubhaca aye kuzimanya noMkhonto Wesizwe eLusaka, imisebenzi yakhe emihle abangafuni kuyibona bamncome ngayo abantu abamnyama kwakunye namantombi akhe. Ebengxoliswa rhoqo ke kodwa ngumakhulu ngokungafuni kwenza nto. Bendilala emandlalweni wakhe naye epozini lakhe. Besihlala ke kude kube sezinzulwini zobusuku endibalisela amabali amnandi nakhwankqisayo. Nguye nangoku lo undigodusileyo izolo, khange sikhwele, undikhaphile sahamba ngeenyawo, wathi mandimnike la mali yokukhwela uzakufuna ukutshaya emva kwemini.

Enye yezinto ezimenza asoloko exabana nomakhulu ke ubhut' Ndoda ngala mantombi akhe maninzi. Uza nentsha phantse rhoqo ngobusuku. Khawufan' ucinge ke, mfundi, ndilala naye naloo ntombi sukuba eze nayo. Ndathi ndifika nje ngomhla wokuqala weeholide zam kwamakhulu, kwafika omnye usisi, wabe yena ebehleli nomnye. Yho, wambetha emkhaba lo uzizeleyo esithi makajike abuyele apho avela khona ngoba ebengambizanga. Wambethekisa nasedongeni, emthuka. Kodwa ke, eyona nto yandothusayo kukuba la sisi waphinda wabuya kwisithuba seentsukwana ezimbalwa ebebethiwe, waza kulala kubhut' Ndoda kwangathi khange kwenzeke nto, ndasala mna ndisamatshekile. Amthanda iindidi amantombi phandle phaya, ndibonile.

Bendisithi ke ndisazibukelele umabonakude endlwini nomakhulu, aphume kancinci ubhut' Ndoda, ndilive iqhaga lesango, noxa ebezama yena ukuba lingavakali, aye kulanda intombi yakhe abuye nayo. Ebephinda abuyele endlwini ke azenze ohleliyo isithuba semizuzu engephi ze akhale ngokudinwa nangokozela, aphume. Ebeye andikrwece ke ukuba ndiphume nam ndiye kulala kuba eze nentombi yaye engafuni kulityaziwa ekwenzeni izinto zakhe kuba kusafuneka evulele mna emnyango. Ungalibali ke, mfundi, silala emandlalweni omnye: ibe ndim naye naloo ntombi. Besilala iintloko zibe kwicala elinye ke xa kungekho ntombi, kuthi xa ikho kuthiwe mandilale ezantsi ezinyaweni.

Ebeye andinyanzele ke ukuba ndilale xa afuna ukwenza amanyala, nam ke ngamanye amaxesha ndandiye ndizenze oleleyo kuba ndingafuni kungxoliswa nguye. Kodwa ke

bendiye ndive intombi ihlebeza, ikhalaza isithi “Hayi, ndoda, akakalali lo mntwana wakokwenu, usahleli, andizokwazi.” Ndimve emnyanzela ngamanye amaxesha, ephosisa esithi ndilele. Kodwa intombi ibiye ingafuni, ineentloni zokwenza izinto zabantu abadala phambi komntwana. Ebeye andingxolise ke kwiimeko ezinje esithi mandiyeke ukubukelana nomabonakude kude kube sebusuku ngoba yena udikiwe kukuman’ elindana nam, okanye uzakundigxotha egumbini lakhe, nam ke ndingxengxeze.

Ebecatshukiswa zizinto ezininzi endicinga ukuba zincinci ke ubhut’ Ndoda emantombini akhe ezifana mhlawumbi nokungena ezingubeni ngempahla. Uyive ikhalaza intombi isithi izakukhulula xa sele ingaphakathi ezingubeni. Ngamanye amaxesha ebeye agrogrise ngokuyigxotha, mhlawumbi xa ingafuni kwenza into athi mayiyenze. Ndamva ngobunye ubusuku ethukisa esithi, “Hey, Nozipho, khulula le mpahla, ngumandlalo kabani lo ufuna ube neentakumba, he?” Waphendula ke noNozipho esithi makangamngxameli, watsho eguquka emfulathela, ndamva nje ubhut’ Ndoda ukuba uyafufutheka.

Bekuye kufuneke ndizenze oleleyo ke amaxesha amaninzi, kuba ndisazi ukuba ufuna ukwenza izinto zakhe ndilele mna. Kodwa ke ebesele enalo ngoku neqhinga lokuqinisekisa ukuba eneneni ndilele ngokuthi acofa-cofe ipolotyisi yam. Ukuqina kwayo bekuthetha ukuba ndisahleli ze ukuthamba kuthethe ukuba ndilele. Inkolelo yakhe ibisithi ayinakuqina ndisebuthongweni, andazi ke nokuba yinyaniso na leyo. Bendimva ke ezisa isandla sakhe ndoyike, ingakumbi xa iqinile, ndive ngaye sele ethukisa endibuza ukuba ndilala nini na. Ngamanye amaxesha bendingaphenduli ngoku ndihleli, ndizenze oleleyo ngokurhona, kodwa ke ndiphinde ndive ngaye esithi mandingacingi ukuba ndilele, uyandazi andilelanga. Ngamanye amaxesha ke bendivuswa nguye ezama ukuva yena ukuba ndilele na, ndibe ndikobentlombe, kodwa ke ndisele ndisothuka ndivuke akundiphatha-phatha.

Ngamanye amaxesha ke bendikhe ndive umzimba waloo sisi akunye naye uthe nca kowam, uthambe kamnandi futhi ushushu ngendlela endenza ndinqwenele ukuba bendingubhut’ Ndoda. Emva kokuba ndizenze oleleyo, bendiye ndibave besenza imikhwino, ubhut’ Ndoda esihla esonyuka phezu kwakhe, mna ngelo xesha ndibe nditsala amarhanana ndizenza oleleyo. Ibiba nguloo durubhentsu ke, kukhwinwe, kuncwinwe, kubhongwe; ze ngamanye amaxesha ndigqibele kusemnandi kunjalo, ndive sele kusitsho izithuko kukhala neempama: “Hey, Nomgcobo, kutheni undiqhela nje mntandini, undimincelani, he? Ngubani lo ufun’ ukumgulisa?”

Ibe zezo zikhalo ke, “Yhu-yhu-yhu hay, Ndoda, undibethelani, khange ndikumince mna, xolo ke!” ebetha nje usoyika nokuba eve umakhulu endlwini enkulu, umve esebeza esithi: “Ke ngoku, yintoni ethi ngxola ... ungxolela ntoni, he? Uyaphambana, Nomgcobo?”

Ngezinye iintsuku bendiye ndive sele ubhuti engxola esithi: “Hey, Nomgqibelo sana, kutheni undingcolela nje? Awunambulelo nhe? Ndikuthengele ipayi kodwa uyakwazi ukundingcolela, ulala njani nam unxibe amacici *nenekleysi*? Ukuthunywe ngubani oku kungcola ... ngumam’ akho? He? Uthe uzundigulise?” litsho ke inqindi ebusweni, axhimfwe umntwan’ omntu. Bendiye ndiphakame ke ndime ngeenyawo ndisoyika ukuchatshazelwa nokungonjwa mna kuqala ngubhut’ Ndoda, ngoba bendimoyika xa esemisindweni.

Kukhe kwakubi nyani ngenye inzulu yobusuku kule veki iphelileyo, esisifu ubhut’ Ndoda, efumanise ukuba la sisi wayeleli naye kanti unezinyo legolide, wafunza ngaye. Engasakhali usis’ Nonzukiso “Yhu-yhu ..yho-yho, xolo, ungandihlabi, Ndoda, sobe ndiphinde, ndizalikhupha ke. Yhu imel’ engaka!?” ndixhume ngoko nangoko akukhala.

Kuvakele ngoko nangoko kunkqonkqozwa emnyango, umakhulu engxola: “Ndoda, he wena Ndoda, yintoni kodwa le nto uyenza ebantwaneni babantu? Vula lo mnyango! Umhlabelani umntwan’ abantu? Vulani lo mnyango, Skhumba!” Ndithe noko ndingaboni kakuhle nje kuba sisesebumnyameni, ndazama ndaya ngasemnyango, ndizive ndikhatywa kabuhlungu ezimbanjeni ndasitsho nesam isijwili, wandibuza ukuba ndithunywe ngubani na ukuba ndivule, andimboni na ukuba uhamba ze, ndacela uxolo.

Uye waya ngokwakhe ke ngoku emnyango, wavula enganxibanga enjalo, waqenyula incanca yakhe wayibamba ngesandla eyijongise kumakhulu obesangomba umnyango, wangxola ebuza esithi:

“He mama, yimela le, yimela le mama? Wakhe wayibona imela enoboya wena?”

Babalekile abanye abamelwane, bothuswe ngulo mbono ombi kangaka esidlangalaleni, yaba ke nelo lithuba lokuqhvesha kukasis’ Nonzukiso, esophisa enjalo. Ngalo lonke eli xesha, umakhulu yena uphethe umnqayi wakhe uzama ukuzikhelela kubhut’ Ndoda ongefumanekiyo kuba emde yaye enamandla kunomakhulu, esuka awubambe umnqayi awulahlele kude.

Kuthe kwisithutyana semizuzu elishumi, esathukisa umakhulu, esithi makaphume aphele ubhut’ Ndoda emzini wakhe ngoba uzakumzisela iintshaba, sabona kusima imoto yamapolisa

esangweni, kwaphuma amapolisa amabini – umntu ongusisi nongubhuti, bebambebele ezinqeni apho kuhleli imipu yabo. Axelele ubhut' Ndoda ukuba makanxibe, ze amthatha ahamba naye. Kodwa ke uye wabuya kwangemva kwemini yosuku olulandelayo. Ndimke phaya ke kule veki iphelileyo umakhulu esamqumbele, kodwa ke thina besesixolelene, sincokola kumnandi. Ndizakuphinda ndiye xa kufike ezinye iiholide.

ISIPHELO

“Jonga, Skhumba, yiya kula kakakazi uNozipho uthi ndithi mayize apha ngoku uyeva?” Nam ke andilibazisi ndisukuma ngoko nangoko. Ndithi ndisanda kuphuma esangweni aphinde akhwaze uThabo endiyalela ukuba ndikhawuleze, ndibe kenam sele ndigqotsa ukubaleka oku. Ukhangeleka enomsindo uThabo.

UNozipho endithunywe ukuba ndiye kumbiza ke sisingandamathe sikaThabo. Ndiya kokwabo kwiSitalato iZondi esingekude kwaphela. Ndiqhelile ukuthunywa ukuba ndiye kumbiza. Kuthandwana kakhulu ke apha ngokwesiqhelo. Kodwa ke andazi ukuba kutheni ebizwa ngeli gama limthukayo nje namhlanje. Ndifika egqibezela ukuhlamba ndibulise kamnandi njengesiqhelo, ndibe sendisitsho ke ukuba uThabo ucela ukumbona ngokukhawuleza. Uye athi mandimlinde umzuzwana njengoba esagqibezela. Ndihlala phantsi ndimlinde isithuba semizuzu efikelela kwengamashumi amabini, athi masiye ke emva koko. Endleleni kumnandi sinqunqutha iilekese azithathe kwezi zithengiswayo kokwabo. Siyaqhulana, sihleke.

Sithi singena nje ekhaya abe uThabo emxhumela ngempama uNozipho. UNozipho uyagxadazela aye kuwa phantsi ze asitsho esikrakra. Ndibhekelela kude ukuze ndingachatshazelwa, kodwa ndibe kufutshane kancinci ukuze ndikwazi ukubona. “Undibethelani, Thabo, ndikwenzeni?” ukhala atsho uNozipho. Uthi ngoku sele ephantsi uNozipho, ambhabhele ngonyawo uThabo emkhaba, aphinde abuyele emlotheni ngentloko uNozipho. Uyathukisa uThabo abuze ukuba kutheni emqhela kakubi nje uNozipho. UNozipho uyala akafuni kungena ngoba uyabona ukuba uzakubethwa nguThabo, uyatshitshiliza. UThabo uyamrhuqa ngelixa aman’ ukulahlela ngeempama ebusweni aphinde amkhabe nasemzimbeni.

UThabo ungena noNozipho endlwini aqhubekeke emnkula, embuza ukuba kutheni emqhelisa kakubi ngeentwana zale lokishi ngokuhamba elala nje. UNozipho uthi akazani naloo nto yena. Uyafunga ngeli lixa elila ukuba akazange yena wakhe walala nomnye umfana okokoko wathi wathandana noThabo, kodwa ke uThabo yena akafuni nokuyiva leyo; kucaca ukuba ukholelwa le ayihletyelweyo. Umbethekisa kabuhlungu eludongeni ngelixa aman’ ukumfaka nenqindi ezimbanjeni nasebusweni. UNozipho sele esophisa ngoku yaye uyakhwaza ucela ukunqandelwa, kodwa ke abantu basezilokishini ngokuphangaleleyo abayingeni imicimbi yabantu abathandanayo, nokuba omnye

angaze abe sesichengeni sokwenzakaliswa kangakanani na; ngoba bakholelwa ekubeni mayiyekwe indoda izilungiselele iingxaki zendlu yayo. Eyona nto bayenza kakuhle ke kukuma babukele ngelixa beman' ukukhuza wakutsho umvumba, kungekho namnye ocinga nokubiza abakwantsasana. Okwesibini ke ndingatsho ndithi bayamoyika umguvela otshaya intsangu onguThabo noneetshomi eziziindlobongela.

UNozipho uphelelwa ngamandla awe phantsi, kodwa uThabo uyamtsala amenyuse ukwenzela eme ngeenyawo ze aphinde ambethe ukuze aphinde awe. Kuthi kusenjalo kungene ubhut' Sizakele sele engxola esithi ufuna imali yakhe. Ubhut' Sizakele usisihlobo sikabawokazi uBra Suz esithengisa impahla enxitywayo. Bendikhe ndamva ke ubhut' Sizakele ethetha noBra Suz kwiveki ephelileyo esithi uThabo umqhela kakubi umsokolisa ngemali yakhe akuba ebemnike impahla ngetyala wathembisa ukuyihlawula kwinyanga engaphambili. Nakaloku nje kaloku, mfundi, uThabo unxibe eza zihlangu, ihempe nebhlukhwe emfutshane ebeyinikwe ngubhut' Sizakele ngetyala.

"Thabo, Thabo, ndifuna imali yam ngoku, mfondini. Sapha." Ngubhut' Sizakele ke lowo. UThabo uphendula ngelingacengiyo naye esithi ubhut' Sizakele makohlukane naye ukuba akafuni kuzibhaqa esonzakala ngoba uyambona ukuba uxakekile uzama ukulungisa imicimbi yendlu yakhe. Ubhut' Sizakele uyaphikelela esithi akayigatyi eyokulungiswa komzi futhi ke engathi makangalibethi 'ihule' lakhe, nto nje makaqale ngokunika yena imali yakhe kuba noko sele kulithuba ngoku embaleka. Uye aqhube athi yena kuye kufuneke akhwele ukuza kweli cala, nto leyo imtyela imali kakhulu.

"Bendilapha kabini kule veki iphelileyo, kokwesithathu namhlanje. Kudala ndikuquqela nakwezinye iiveki, into oyenzayo kukundibaleka, undizulisele; ndiyabona awufuni kundinika imali yam. Andihambi ke apha namhlanje ungandihlawulanga."

"Hey jonga mnqund' wakho wena, Sizakele, izikhe iphuncuke le njakazi uyakungena endaweni yayo uyandiva?" utsho esabambe uNozipho ngobhongwane emcinezelele eludongeni. UNozipho uphelelwa ngamandla, akasakwazi nokukhala ngoku ngoba uThabo umvale umphefumlo, uyamkrwitsha. "Ndinike imali yam uqhubekeke ke nokubetha *its'heri* yakho, Thabo," utsho ubhut' Sizakele. Kuthi kusenjalo amyeke uThabo uNozipho aye kuwela phantsi ngenjongo yokuhoyana nobhut' Sizakele. Nangoku ke akamcengi, uye amxelele ukuba yena akazuzenza mali xa ingekho, ngoko ke uyakumhlawula mhla yakho, ngaloo ndlela ivele ngayo angayaziyo naye, futhi ke ukuba ikho enye into angayenza ngapha koko ngaloo mpendulo makayenze ngoku umlindile.

Ngokwesiqhelo ke uThabo ungumntu ombiza 'bhuti' umlom' ugcwale ubhut' Sizakele ngoba mdala kakhulu kuye, kodwa ingathi olu usuku lwahlukile. "Thabo kwedini, uyafuna ukundinika imali yam okanye awufuni? Ndixelele kaloku ndazi kaloku," utshutshisa atsho ubhut' Sizakele. Kuthi kusenjalo,

uThabo aqabuke uNozipho sele ephumile emnyango eqhwesha. Uye aleqise ngoko nangoko. Kodwa ke uye akhubeke kwimoto yam yamacingo ephoswe nguNozipho kuye akubona ukuba uyamsukela; awe. Uphakama aleqise kodwa abe uNozipho sele embonzeleke wazitshixela kuloNtobeko. UThabo ulukhaba kabini kathathu ucango ethukisa esithi makaphume uNozipho ukuba akafuni kwenzakala, anyanzele nomama kaNtobeko ukuba avule ukuba akafuni aphumele kuye. Uthi akubona ukuba umile umnyango yaye womelele, ahambe, kodwa esathukisa, esongela; kucaca ukuba akaxolanga. Uba ke ngoko akamfumani uNozipho.

Ubuyela ekhaya onde ngobhut' Sizakele omi ngasemnyango. Uya kuye sele efaka isandla empokothweni esemva kwibhulukhwe yakhe.

“Bendingatshongo ukuba ndizakungena kuwe ukuba ibalekile la kakakazi, he? Ubufuna loo nto *mos nhe*? Ubhut' Sizakele ubuya umva ngokuphephayo,. UThabo uyamphuthaphutha. Ubhut' Sizakele uthi akulibona ibhoso le-okapi lisesandleni sikaThabo azithethele ecacisa ukuba ebengazanga ngadushe nakumphazamisa elungisa izinto zakhe, koko ebefuna nje imali nje yena; ngelixa abuya umva. UThabo uya phambili uzama ukumleqa, akafuni kuyimamela le ngcaciso, futhi usathukisa. Ngalo lonke eli xesha ubhut' Sizakele ubuya umva.

Kuthi ke engaboni apha aya khona akhubeke ngesithende sesihlangu kumgubasi womnyango wegumbi lokulala likaBra Suz, elikwaligumbi lokuphekela; awe emgangathweni ngomqolo. Uphakama ngoko nangoko aphinde azame ukubuya umva esacacisa. Ngeli thuba ke uye angakwazi kudlulela, anqandwe yibhedi. Kulapho uThabo amtsibela okwehlosi khona ke, amlahlele phezu kwebhedi leyo ngomqolo. Isandla sikaThabo sasekhohlo simcinezele entanyeni ubhut' Sizakele, ngelixa amadolo akhe ecinezele iingalo ukuba zingenzi nto. Uyaphinda-phinda ukumhlaba esifubeni nasemqaleni, engayekanga ukuthukisa. Ubhut' Sizakele uyakhala ucela uxolo. Akamnanzi uThabo, uqhubekeka nokumhlaba njalo.

Uye athathe nembiza yomngqusho ebilayo ayigalele kuloo manxeba asagxigxiza ligazi kabhut' Sizakele ekhwaza esithi “Uzundibulisele kuThixo, umxelele ukuba nam ndiyeza!” uyilahla pha kude loo mbiza ishushu akugqiba, ze aphakame phezu kobhut' Sizakele aphume egumbini. Kungelo xesha kanye kufika uBra Suz ke, engxola ebuza ukuba kutheni uThabo esenza ukungcola okunje endlwini yakhe nje. Akaphenduli uThabo, uqhubekeka nohambo lwakhe, aphumele ngaphandle kwendlu. Ihlokondiba labamelwane ebelimi apho lithi akuvela lithi saa, kubaleke wonke umntu aye kutshona ngekhyaya lakhe; kuba kungekho ufuna ukuzibona ebhubhela ilize. UThabo usaphethe imela kwisandla sakhe yaye izandla nempahla zigcwele ligazi.

Uthi akuwela umgaqo esingisa ngakokwabo uThabo, ndimbone ubhut' Sizakele naye ephuma endlwini egxadazela ngokunga uqhuba amatakane, kucaca mhlophe ukuba uphelelwa ngamandla. Uphuma kumasango asekhaya aye kungena kwalapho ebumelwaneni, kwabhut' Mandla ongumzala wakhe. Ababukeleyo bayamlandela ngelixa besabambe engezantsi ngumothuko, bambi bengakwazi nokuzibamba, bekhuzela ngaphandle. Ubhut' Sizakele uthi kanye xa azakufika esangweni kwabhut' Mandla, awe phantsi. Inkosikazi kabhut' Mandla isondela esangweni ze itsho ngesikrakra yakubona loo ntlungu. Uye atsalele amapolisa nenqwelo yezigulana kwangoko

Iyafika inqwelo yezigulana emva kweyure, kukhutshwe izixhobo zokuhlangula. Omnye wala magosa uye abeke umnwe wakhe entanyeni kubhut' Sizakele ze abhekise kugxa wakhe esithi sele elandulele igada. Kuba ke oko kukufikelela esiphelweni kobomi bukabhut' Sizakele. Kabuhlungu nangokungenalusini njalo.

ISIBHILIVANA SAM

Nanko ke uphopho ondim ngomnye umhla kula nyaka enza ngawo iBanga Lesibini ezibhaqa ekweshushu yona isuphu ngenxa yokuba mkhulu kunezihlangu azinxibayo. Uthi akugqiba ukusifundisa ngokubhalwa kwencwadi utitshalakazi uSomniso, ndigqibe ekubeni makhe ndizame ukubona ukuba eneneni ndiyakwazi na ukuyibhala incwadi.

Kaloku apha eklasini kukho intwazana yakwaMzema entle nendiyithanda ngako konke endinakho. Le ntwazana ndivana kakhulu nayo, kodwa ke kuba noko ndingemntu unarhuluwa nasibindi kwimicimbi enento yokwenza nentliziyo, ndiyigcina kum loo nto de sibe sifundiswa ukubhala incwadi eklasini apha.

Ngoko ke ndigqiba ekubeni ndizityande igila ngokumbhalela uThandi, inzwakazi engafanelwe kukhathazeka nakungalifumani isoka elilunge njengam lo. Ithi iklasi xa kanye ithi “Amen” emva komthandazo wabantwana, ndiphose amehlo am edesikeni ahlala kuyo uThandi nenye intwazana. Usazama ukuqoqosha iincwadi zakhe naye elungiselela ukugoduka. Uthi akuvaelisa aphume utitshalakazi eklasini, ndibone ukuba elo lithuba lam lokunika le mbelukazi incwadi eyichazela ngokuvakalelwa kwam yiyo kwanendlela endiyibona ilunge ngayo. Ngalo lonke eli thuba abanye abafundi benza ingxolo njengesiqhelo, bayaleqana bekhwazana, bambi becula. Akukho undikhathaleleyo, ndiyayithanda le meko.

Ndiyambona uThandi ephuma, ehamba kancinci, elinde uNoncedo isihlobokazi sakhe. Ndiya kuye ngelo xesha kanye ndifike ndimnyengezele kwinxili yakhe yeencwadi, kodwa ndiqiniseke ukuba uyandibona. Uye othuke abuze ngoko nangoko ukuba ndenzani, ndibe mna ndineentloni, ndimhlebezele nje ukuba ndicela ayifunde yedwa xa enethuba ze andiphendule. Ndithi xa kanye ndimbona ukuba ubhidekile, ndiqobe ilihlo ndizama ukumbonisa ukuba asinto imbi nenzima leyo, makaphole. Uye ayikhuphe ngoko nangoko, abonakale eyivula eyifunda. Ndibhekela ngoko nangoko ke ndimshiye. Ndithi xa ndimbonela kude, ndifumanise ukuba bangungelene nezihlobokazi zakhe kugotywe ikho le nto kujongwe kuyo, ndibethwe luvalo kwa oko, ndicinga ukuba uyenza njani uThandi into yokundenza intlekisa ngokufunda incwadi endiyibhalele yena nezinye iintombi, ingakumbi xa zizakuhleka isiqhazolo njalo.

Ndigoduka ingqondo ibetha-bethana ke, ndingazi nokuba ndivuye na okanye ndikhathazeke, ngoba enye ingqondo ithi ezo zihlobokazi zakhe zingandenzela lula, zimcebise ukuba andivume kuba kaloku kakade noko ndiyinkwenkwana ezilungeleyo nenenkathalo. Eyesibini ithi la mantombazanyana azakudlala ngayo la ncwadana abonise nabanye, kuhlekiswe ngentlungu yam. Ndilala ndisayicingisa le nto ekhaya, kuthi nangengomso ndivuke neenkumbulo ezimnandi zephupha lam ebendingcamba kulo nembelukazi esisinganda-mathe sam uThandi edolophini siman' ukukhupha loo malwimi simuncisana ngocwambu lomkhenkce olusemagini zeplastiki, ngeli lixa sibambene izandla, sincokola kamnandi.

Ndivuka umoya uphezulu, ndikholelwa ekubeni iyakuba lusuku oluhle kum olo kuba ndizithembise ngokuvunywa yiloo ntombi ilizwe ngomkhitha, ndibe ke ndifunzwa naliphupha elo. Ndifika esikolweni kwangethuba, ndingaqaqi ndimbone, ze ndizicingele ukuba makube akakafiki. Kangangendlela endihombe ngayo ke namhlanje andifuni nokudlala ibhola namanye amakhwenkwe ngaphambi kokungena kwesikolo kuba ndisoyikisela ukuba ndingcole, andibone ndinyhuku-nyhuku ndinjalo uThandi, angathandi, ndibe ke ngoko ndizehlisele amanqaku ebendinokuwafumana simahla.

Iyabetha intsimbi yokungena kwesikolo, kuyiwe emigceni kuthandazwe, kuthi nalapho emthandazweni mna ndibe ndisithi kuQamata ndicela andigcine mna noThandi, ngoba kaloku sendizixelele ukuba intombi yeyam. Siyangena eklasini, ndidane ndakungamboni. Kuthi ke kuba engekafiki utitshalakazi, senze ngokwesiqhelo siyiklasi, sicengceleze iZibhalo kunye nezibalo. Uyangena utitshalakazi emva kwemizuzwana ze asinike ilungelo lokuhlala phantsi athi masikhuphe iincwadi zethu zesiNgesi.

Inggqondo iyabetha-bethana kum ngalo lonke eli xesha, ndizibuza ukuba kwenzekeni kumntwana wabantu, ingaba bethu imkhubekise wade wabe akakwazanga kuza kujamelana nam apha esikolweni incwadana endimbhalele yona? Ingaba ibhaqiwe ngabazali ze wohlwaywa kusithiwa undwebele izinto zabantu abadala? Makube kutheni bethu, ndizibuze ndingafumani mpendulo ndinjalo. Sithe kanye xa sigqiba ukwenza isicengcelezo sesiNgesi uBetty Botha, wangena uThandi enyoshoza waya kutitshalakazi ecela uxolo ngokufika sele iqalile iklasi. Wavunyelwa ukuba aye kuhlala phantsi engangxoliswanga nokungxoliswa. Ndizingqine kwangoko nam ndisithi eneneni into endiyibonileyo kule nzwakazi ingafanelwe naluswazi lukatitshalakazi inkulu yaye intle, ibonwa nangabaphantsi, abo bayikhuselayo.

Uthe uThandi xa kanye ahlala phantsi wavakala utitshalakazi esithi utsho wakhumbula nto. “Heke, Mzema, sapha siphi esa sibhilivana sikaSkhumba, sisapha.” Ongako umothuko! Kanti uThandi uyinike utitshalakazi incwadi ebendiyibhalele yena. Utitshalakazi usithathile ze wasifundela iklasi, wahambisa ngolu hlobo:

“Thandi endimthandayo

Ndithi mandibhale le ncwadi ndivakalise ukuthabatheka kwam bubuhle nokucikizeka kwakho ntombi yasemathileni. Kudala ndikuthanda sisi, kodwa ke ndibe ndikoyika, noxa ndithwaxwa kanobom zizimbo zobufana; futhi ke, okokugqibela, bendingazi ukuba kuphinyiswa njani; yiyo ke nale nto ndigqibe ekubeni ndibhale phantsi iimvakalelo zam ngawe.

Ndicela ke dadethu ukuba akuyi kuxhamleka kakhulu undiphendule kwangolu hlobo, oko ke, mbelukazi, kukuthi impendulo yam ndingathanda uyibhale phantsi nayo.

Ndovuyiswa kukundivuma kwakho.

Ozithobileyo

Ndim ngenene

uSkhumba wakho”

Uthe egqiba apho utitshalakazi ndabe ndifile ziintloni, iklasi yona iman’ ukukhuza kumgca wonke ofundwayo, bambi bendijamele ngamehlo athi ‘awungcole. Ndinga ukuba yiyo ke nale nto yabasela utitshalakazi ukuba andibethe imivumba emihlanu yonke esandleni, ekhala ngokundweba kwam izinto ezinkulu kwanokufaka umntwana omncinci nolunge njengoThandi kwimikhuba yam.

Emva kolu suku wonke umfundi eklasini ebendenza intlekisa, iintombi zindibona ukungcola ngelixa amakhwenkwe wona endigxeka ukuba ligwala, ndithi endaweni yokuthetha nentombi ndibe mna ndiyibhalela izibhilivana ezibethisayo. Akaphindanga afune ukuthetha nam ke uThandi, naye kwangeso sizathu sithi ndingcolile yaye ndithetha izinto zabantu abadala. Ndibe ke ngoko ndiyaphulukana nenqatha ebendisele ndizithembise lona, lokuba yikumkani etempileni eyinzwakazi yakwaMzema; ndahlala ndilelo kheswa lingenabani.

IBALI LIKABHUT' MATYUMZA

Ndazibamba izolo ndizama ukungahleki ubhut' Matyumza eze kubalisela uBra Suz ukuba yena uyekile ngoku ukuzilolonga ngokuya kubaleka aye kujika elwandle afike azilolonge nangakumbi apho. Kaloku bendisoyika ukuviwa ndihleka ze ndikhalinyelwe njengomntwana ongenambeko omamele iindaba zabantu abadala. Ubhuti Matyumza ke ngomnye woobhuti abakukhuthaleleyo ukugcina imizimba yabo isempilweni. Ubaleka aye elwandle rhoqo ekuseni ngaphambi kokuba aphanzele ze aphinde abuye atshintshe angene kwimpahla yokuzilolonga abuyele elwandle ezilolonga.

Uthi ke ubhut' Matyumza ebesothuke kunangoku, emva kokuleqwa ngumamlambo elwandle. Uthi uyile njengesiqhelo, kodwa ke, ngokungaqhelekanga, wafika kungekho omnye umntu ozilolongayo apho. Kodwa ke uthi ukhawuleze wathi loo nto inokuba ibibangelwa kukuba kusibekele yaye ibikhe yana imvula emini. Usoloko esithi kaloku abantu bayakoyika ukuzilolonga emvuleni ngokungathi bayanyibilika.

Uthi hayi ke ufikile akabona nto itheni ngaphandle kokunqongophala kwabanye abantu abazilolongayo, wazilolonga ngokwesiqhelo, ebaleka esantini esolula nemilenze kula matye makhulu. Uthi uthe kanye xa enza umjikelo wokugqibela esantini, weva ngala mboko udla ngokusetyenziswa ngabahlanguli baselwandle uvakala ngathi uzakuthetha. Uthi kuqale kwavakala ngokunga uyavavanywa, wothuka woma akuva ilizwi lisithi “*wan-thu-wan-thu ...testing.*” Uthi uthe esamamele leyo, othukile kuba engeva mntu, weva kwangelo lizwi likhwaza igama lakhe kwakula mboko, lisithi:

“Matyumza, Matyumza, kutheni le nto ungasiyeki nathi khe sizonwabele nje elwandleni lethu? Wakhe wambona wena umamlambo okanye intlanzi izula-zula okanye izilolonga eNew Brighton? Sakhe thina sathi nizihlelele, nisazikhoth'amanxeba *sanibhotolasha*, he? Kutheni le nto ningakhe nisiyeke sizilalele ngoxolo nange nzolo nje thina? Sasinenzeni, Matyumza, khawutsho?”

Yho, uthi ubhut' Matyumza lithe lingekagqibi elo lizwi abe amadolo sele egevezela engakwazi nokuma kakuhle ngenxa yoloyiko. Uthi uzamile kodwa ukuma ubhuti wabantu, sele uvalo lungathi luzakuphuma ngomlomo, ebile ethe xhopho. Uthi ebengazi nokuba makaphendule athini, ebhekisa kubani. Uthi ke uthe esami apho ematshekile, laphinda lona ilizwi:

“Matyumza, he wena Matyumza, ndithetha nawe, phendula mfondini? Kutheni wasisimumu nje ngoku? Okanye uyaqala ukuba umamlambo ethetha? Ubufuna sithini thina, sithule singathethi nisona kangaka?” uthi kukwesi sihlandlo ke apho agqibe ekubeni abaleke, wababeleka kwangoko abasicatyana, engabheki nangemva. Uthi ke uthe esabaleka wakhutyekiswa kukuphinda kuvakale ela lizwi, lisithi ufane wabaleka uyazilibazisa ngoba lizakumfumana limnqumle iinyawo ezi alilisela ngazo engeva kuthethiswa nje. Uthi uwe etheni wagruzuka iingalo nemilenze. Uthi ke uthe xa aphakamayo wabona isiqu esikhulu esibe ngathi ngumntu ongunyisi omhle kodwa ekubonakalayo ukuba unomsindo, sibetha ngomsila phantsi sileqisa emva kwakhe. Uthi ke izingqi zeso siqu bezivakala zisithi plece-plece etheni apho, eleqwa. Uthi noxa ebengasenawo nje amandla, uye waphakama waphinda wagqotsa esiya kungena kwingingqi yoogobityholo ekufutshane apho ebizwa iSilvertown, emva kokuba engazi ukuba usinde njani kuthotho lwezithuthi ebezigityiselwe apho, wafika waziphosa kumnyango wenye indlu wayokuwela emandlalweni, apho kwakuleli khona imveku awaxelelwa ukuba ineveki izelwe ngumama wayo emva kokuba ewele ecaleni kwayo.

Yho, ebefunga ubhut’ Matyumza esithi akaphindi alibeke elwandle, yaye akukhathaliseki nokuba ukuthanda kangakanani na ukuba nomzimba osempilweni. Nam liyandoyikisa eli bali ngoba noxa belihlekisa nje kum ngoku alibalisayo, ithemba ibilelokuba aliyonyani kuba ndisafuna ukuphinda ndiye kuzilolonga elwandle. Kaloku nathi sizilolonga phaya neqela lebhola yombhoxo lesikolo sam.

ISIPILI SIKAMAKHESWA

Kwalapha ezantsi kwesi sitalato sekhaya lam, kukho ikhaya esihlobene nalo, elikhokelwa ngubawo osoloko encumile nobathandayo abantwana, kwakunye nenkosikazi yakhe ekwayimvuzemvuze zizibele, umama uMakheswa. Umama uMakheswa lo ke ungumntu, isanuse ke ngamanye amagama. Usisanuse esivumisayo ze sinedwe nasisipili abababhaqa kuso abantu abo bababele impahla. Yile nkalo ke le ndizakukubalisela ngayo, mfundi.

Ikhaya eli lilizwe ngabantwana abane: umafungwashe, oodade wabo ababini kunye nontondo, igeza lentwana egama linguBandile. Usapho olu lulunge nenzala yalo, kube ngakumbi ke umafungwashe uNtomboxolo, unomnyamazana onomkhitha. Le nto ke ithi asinaso tu isithukuthezi ngokwabalingane bokudlala.

Sithi sibuya nje esikolweni nomntakwethu sileqe kwelo khaya lakwaHoho. Sinedakala kakhulu ke futhi nakwicala lento esiwa phantsi kwempumlo, ngoba sithi sifika nje sibe sinikwa iingqoko zethu sinabe sidle. Andimntu ke mna unokutyholwa ngokuzithenga ekuseni icephe emlonyeni, noko ndiwukhuthalele lowo umhlaba. Ndisithanda kunene isisu sam. Unokucinga ke mfundi indlela endikukhathalele ngayo ukundwendwela eli khaya, ingakumbi ngoku sisatsala nzinyana nje ekhayeni. Asisabuzwa ke nasekhaya kuBra Suz nodabs ngoba nabo bayancedakala ekulilelweni sithi ngezisu ezihobolozayo.

Kuzezi ntsuku nje ixesha esilichitha kweli khaya lininzi kakhulu kunelo silichitha kwelethu ikhaya, sibuya ngobusuku emva kweefilimu esizithandayo, siphelile kukudinwa. Beside ngezinye iintsuku, ingakumbi ngeempelaveki naxa kuzakuba ziholide zikawonke-wonke, silale. Enye into ke esenza sonwabele ukuba kweli khaya kunasekhaya kukuba umntu uphakelwa esityeni sakhe, esitya ngecephe lakhe, njengoba ekhaya sisabelana ngengqoko necephe nje.

Uyancedakala ke nomama uMakheswa ngoba mna nomntakwethu noko singamakhwenkwana anamandla, ibe ke eyakhe inkwenkwana iselusana. Ububa nzima ke noko umsebenzi wakhe ezintombini zakhe. Kaloku bekuye kufuneke kuyiwe kulahlwa amanzi amdaka abezigabhisa ngawo umntu oze kunyangwa, kothulwe iingubo zokwegquma umntu ekufuneka efuthiwe ze kucocwe nezitshele ezisele emgangathweni wegumbi emva kokuba bekucinywa okanye kuchathwa umntu. Siyenza ngemizimba engenamikhinqqi le misebenzi nomntakwethu, ngoba siyazi kakuhle imbuyekezo.

Uthenjiwe ke umama uMakheswa luluntu, kude kuze nabantu abasuka kwiindawo ngeendawo ezikude lee kuneBhayi. Bayavukela ke abantu apha ngoba kaloku kukwakho namarhe okuba isipili esi sinochuku, sisebenza ngamaxesha athile kuphela, yaye asihlangani neemo zezulu ezithile ezifana nezaqhwithi neemvula. Abanye torhwana wawubabona ukuba basagcwele iintongo, berhonorhono ngokunga zizinja ezifunyenwe zizithukuthuku; bambi bethu beseneedumbe ziibhabhalaza, kodwa bezixelele ukuba ababuyi ngamva, bayafuna ukwazi amasela empahla yabo, yaye bafuna ibuyiswe. Omnye wemibuzo ephambili ke kulowo ulahlekelweyo kukuba ukho na umntu amrhanelayo, ingathi futhi ke lelo gama alikhwaza kakhulu esipilini.

Ngapha kokuza kukhangela amasela empahla yabo ke abantu bakwaza kufuna unyango kumama uMakheswa: bazicoce ngamayeza esintu. Igumbi esihlala kulo isipili simelene, okanye ke lidibene ngeendonga nelo kuphekelwa kulo. Siyabeva ke abantu xa bengene ngaphakathi kwigumbi lesipili bengxola bethukisa besithi umntu obe impahla yakhe makavele. Uye eme ngaphandle ke uMakheswa akhuthaze ethundeza lowo okanye abo sukube bengaphakathi kwigumbi lesipili ukuba bangapheli mandla, bakhwaze nangakumbi, bathukise futhi.

Siyaziva ke izi-*aranyana* zabantu xa zingene kwelo gumbi livingcwe ngamaphepha-ndaba kunye nempahla endala ukuze kube mnyama kungaveli nolungakanani na ukhanyo, zikhwaza zisithi “Vela, vela *maan*, suzimela!” Kuyathukiswa nokuthukiswa ke, kusetyenziswe izithuko endingasoze ndikwazi ukuzisebenzisa kwesi sikhundla. Nomama ke ngaphandle uyabanunusa, ebathundeza ukuba bangxole bangayeki. Ubungamva esithi “Khwazani, khwazani, sanukumyeka, uzawude avele!”

Umntu ude abe ngathi uyakhala, umve esithi: “Vela-vela, ngotyo yakho! Ndiyayifuna iwotshi yam, uzakuza nayo, golo lakho!” Akapheli mandla ke nomama, otsho engomba umnyango ngaphandle, “Sumyeka, suphela mandla, qhuba ... thukisa!” Kuthi ke kusenjalo uve kuthukiswa kusithiwa umtyholwa okanye isela elo malingezi ngomva. “Kutheni ngoku wandinikela iimpundu nje, yiza ngobuso sikubone, rhaa!”

Umntu ke uphuma kwelo gumbi enesiyezi, ngamanye amaxesha engasaboni nakakuhle ngoba kaloku kukho eli yeza alisezwa ngaphambi kokuba angene kwigumbi lesipili, elenza isiyezi. Ndikhe ndimve ke umama ebuza kulowo uzakungena ngaphakathi ukuba akakeva nto na.

Caba ke akuvumelekanga ukuba ungene kwela gumbi ungekaziva unesiyezi. Uyalilinda lide 'likusebenze' kuqala.

Umve ke umama encoma lowo uqhube kakuhle egumbini lesipili esithi: "Yho, hayi nibethile, mntakwethu. Nimbhaqile nje ke ze niye kuye nimxelele ukuba makayikhuphe."

Kangangendlela enefuthe ngayo imisebenzi kamama uMakheswa, abantu bayabuya bephethe izipho zeemali ezinkulu, ifenitshala, impahla, nditsho mna nkqu norhacaza wesithuthi ebesikhe saziswa ngomnye utata waseNgqushwa obefumene intombi yakhe ebiduke nezwe. Kuthiwa uyilande eRhawutini sele ihlalisana no nosala wenkwenkwe yala lali yakhe.

Kuthi ke ngolunye urhatya, sisalinde ukuvuthwa kwesidlo sangokuhlwa, ndihleli nomntakwethu kweli gumbi lokuphekela, sigqibe ekubeni sidlale umdlalo ngesipili. Mna ke ndibe ngulo ulisela, lo ukhwazwayo kuthiwa makaziveze, ze umntakwethu yena wangulo ukhwazayo, engathukisi yeha, ephum' izithuba. Ndiyaqhuba njalo ke, ndiman' ukwenza loo mavel' etshona, ndisiza ngeempundu ngamanye amaxesha, ndizimela umnini-zihlangu endizibileyo, naye engapheli mandla ezifuna apha izihlangu zakhe.

Kuthi ke ethubeni aphanthe umcinga umntakwethu esenza ngathi uzakundihlaba ngawo phaya esipilini, yhu ndisitsho esikrakra, ndisithi makandixolele ndizakavela. Kaloku kukho nento ethi phaya esipilini uyakwazi ukumhlaba umntu ebunzi ngenaliti oyinikwa ngumnini-sipili ukuze umbulale lowo ukonileyo, aswelekele kuloo ndawo akuyo ngelixa wena umhlaba ngenaliti. Ndiye andavela ke, sivakala nje isililo sam, kuba ndingafuni kuhlatywa ndibhubhe. Ndithembise nasekubeni ndizakuzizisa izihlangu yaye ndingxengxeza ngako konke endinako ebomini. Kuthi ke kusenje, ndothuke ndome ndakubona umama uMakheswa emi kufutshane nathi. Kanti lonke ixesha eli sithukisa nje sidlala ngeshishini lakhe, yena usibukele.

Yho, bendiqala ukumbona enomsindo ngolwa hlobo umama kaBandile. Usikhombise nje ngomnwe isango, efufutheka. "Noba andiphindanga ndanibona kule ndlu, niqaqadeke gqitha!" Sibe ngazama ukungxengxeza sisithi asenzanga ngabom, akaphendula umama wabantu. Sithe sakungathi asiphakami kuba sisazama ukucenga ngokoyikisela ukuba sizakufika sithini na ekhaya, seva ebiza uBobbyinja yakhe, sixhume ngoko nangoko satsibela isango sibaleka umsind' ozayo.

Sinyoshoze sagoduka ke singazi nokuba sizakufika sithi wha-bani ekhaya sibuya singatyanga yaye singabukelanga namboniso nje. Sifike kukho udabs yedwa, sangena sahlala asathetha nto, ngokunga akwenzekanga nto.

IMINI ENDINGASOKUZE NDIYILIBALE

Kuthi ke ngenye intsasa yoLwesine ngala nyaka ndenza ngawo iBanga Leshumi, ikhosi yethu ikhutshelwe kwidyunivesithi yaseVista, eMissionvale, kwakweli Bhayi. Apha ke siziselwe ukuza kucaciselwa ngeentlobo zezidanga nokuba umfundi ngamnye kufuneka eliphumelele njani iBanga lakhe Leshumi, kwakunye nezifundo ezidingekayo zasesikolweni.

EVista apho ke sifika kukho nezinye izikolo, zize kufunxa olu lwazi nazo. Ezi zizikolo zabebala namaNdiya kunye nezethu midaka. Kuyabuliswana, kuncokoliswane ze kubukwane ke ngabafundi, kuhlekiswane kube mnandi kube yiloo nto. Siye sifunde lukhulu ke kolu tyelelo, yaye uninzi lwethu luthatha izigqibo ezithi luza kufunda kule dyunivesithi ngoba ikwayeyona ingabizi kakhulu kunezinye ngokwasezimalini.

Kuthi kuba ke noko sele ndiyile ntwana ingqokolayo, kuba sele ndibona-bona nalapha ezintombini; ndiphandlwe yenye intombi efunda eThubelihle. Ndiye ndizityande igila ke, ndizise entombini, ndiwutsho nomnqweno wam wokunga singakha ubuhlobo nentombi le. Ifile ziintloni nakukuthabatheka, intombi ayivakalisi kugatya kakhulu, kodwa igxininisa nje ekubeni ubutshomi bubutshomi ke abudluleli kwezinye iinkalo. Ndiye ndivume ke nam, ndihleli eqhingeni lokuba hleze, ekuhambeni kwethuba, indivume. Sinikana iidilesi ke, ndithembise ukuba ndiyakwenza unakho-nakho ndiye kumbona ngoMgqibelo. Okunene ke ndiyile kwiSitalato iVuku, ndalifumana ikhaya lakhe, ndafika nayo ikho imbelukazi engafanelwe kubhubha.

Undazisile ke kuninakhulu ukuba ndisisihlobo sakhe esitsha ahlangele naso kutyelelo lwaseVista. Nomakhulu ke ubonakalise izibele ezirhawuzelelisa amakhwapha kum, waleqisa umntwana ukuba ndithengelwe isiselo namaqebengwane, ngelixa azama ukundazi ngcono, endibuza imvelaphi kwakunye nokuba ndifuna ukufundela ukuba yini na ndakufika edyunivesithi. Iqhubile ke incoko, afika amaqebengwane samungunya nogogo nentombi nomfanyana obethunywe evenkileni, uSciko.

Kuthe kusenjalo, sisahleka nomakhulu, caba intombi isagqibezela imisetyenzana yayo ekhaya apha, kwangena enye intwana endingathi mhlawumbi ingayintanga apha kum, ikhangeleka iyoba, ayabulisa yangqala ngqo apho sihlala khona isonka. Ifike singekho yakhalimela umakhulu isithi kutheni kungekho sonka ilambile nje yona, ikhala ngokungacingelwa. Nomakhulu ke uphendule esithi iqaqadekile ngoba ayifuni kusebenza ivuka ihambe iye kweza tshomi zayo ziyimigulukudu kutshaywe iziyobisi, ze kuthi yakukhameka ilazi ikhaya.

Uthe umakhulu kuzakufuneka isisebenzele ngoku isonka ngoba imisebenzi yayo njengomfana ekhay' apha yenziwa ngabanye.

Kuphindwe kwathunywa la mfanyana wesiselo ke ukuba aye kuthenga isonka, yaye yona le indala iziqhotsela amaqanda. Kulelo lixa kanye apho ndiqwalasele ukuba kwingxowa engasemva yebhulukhwe yayo ekrazukileyo kukho ibhoso le-okapi. Akundonwabisanga oku. Ibuyile inkwenkwana nesonka yasibeka etafileni ze le indala yangena kuso ngoko nangoko, ingaphangi yeha. Ukuba ebengakhalimanga umakhulu ngeyisitye sonke eso sonka sipheleleyo. Emva koko iye yasondela apha kum ibonakala qumbileyo, yathatha ibhotile yeCoke leyo yayimhomha, iman' ukukhohlela. Ngalo lonke ke eli xesha indijamele, ayikhuphi nelimdaka. Oku kundenze andaziva mnandi ngokuba lapha, noxa ke incinci nje le ntwana ngomzimba apha kum, ngoba bendingazi ukuba icingani ngam.

“Yhu hayi kodwa, Mzolisi mntwanam, awunayo tu imbeko yona, yakwala kwaphela. Ungathi ke ngoku uyenzelani into yokugongqoza isiselo ngebhotile ungagaleli eglasini? Uyayazi phofu ukuba sisiselo solu ndwendwe ungalazi nokulazi eso?” ayiphendulanga le ntwana, yasuka nje, isaphethe loo bhotile ngesinye isandla, yakhupha isabhongokazi esichaza ukuba izintyintye ngokwaneleyo. Kuthe kanye xa igqibezela ukutya, yavakala ibuza:

“Makhulu, uze kubani lo mntu apha?”

“Hayi-hayi, Mzolisi, ayikufuni leyo ke, ithumbu ligcwele ngoku, uhluthi, qhwaba itha uyeke umntu wabantu. Khona uzakumthini ukuba uze kubani, iyakufuna?”

“Makhulu, uze kubani lo mntu aph' ekhaya?” uphindile umtshana, sele evakala gxininisayo ke kwesi sithuba.

“Mzolisi, Mzolisi, ndithini kuwe, awundiva?”

“Makhulu, amakhwenkwe kaNomawethu uyawavumela ngoku angene aph' ekhaya?”

“Hee... nithi linani na eli geza likaNozizwe, Mzolisi, ndithi phum' uphele apha uye kweza zikromkrom ziziitshomi zakho uyekane nezingakufuniyo. Uyandiva?” utshilo umakhulu, sele efutha ngumsindo, kodwa ke engenakwenza nto ngoba kaloku yena usebenzisa umsimelelo ukuphakama kuba noko sele imkile iminyaka.

“Makhulu, ndizamhlab' anye mna lo mntu ukugqiba kwam ukutya 'ba uselaph' ekhaya!” kwee xhuku kum ngoko nangoko, noxa ndingekazi nje ukuba ndithini, ndisalinde ethembeni

lokuba ukungenelela kukagogo kuyakunceda ndisinde kulo mgulukudu. Uzamile ukuthukisa ugogo esithi kumhla wathutha konke okwakhe uMzolisi apho aye kuzimela. UMzolisi akamnanzanga umakhulu, uzigqibezelele ukutya kwakhe, ejonge endexe. Uzamile kodwa ukundiqinisekisa umakhulu yena ukuba akukho nto izakwenzeka ndingaxhali. Kwesi sithuba kuvele intombi le ndize ngayo ekhay' apha, yabe sele ixhunyelwa ngombuzo ngumntakwayo:

“Hey wena, Nomawethu, udelisa le ndlu ngezi ntwana zakho nhe, uyayifuna impama?”
UNomawethu usuke wehla ezenyukela ngamehlo kumntakwabo, ngendlela embonisa indelelo nokungamnanzi, ze ekugqibeleni wakhupha u “mnxim” otsaliweyo. Ndithe ndisahleli apho, ndingekazi ukuba ndithini, ndambona umfana esosula umlomo, ndatsho ndazixelela ukuba ugqibile ngoku ukutya yaye ke uzakwenza la nto ebethembise ngayo. Andibhungisanga, ndaziphosa ngoko nangoko phandle, ndawa apho kuloo mlotha undigruzuleyo, andabi naxesha lakuphulula, ndaphakama ngoko nangoko ndazibeleka iinyawo zam ndingaboni nokuba ndiyasukelwa kusini na. Ndilitsibile isango, kungekho xesha lakuvulana neqhaga, nalapho ndawa phantsi ndaphinda ndathabathisa ndenyuka isitalato ndingatsho ukubheka. Ndithe kanye xa ndisenyuka, ndingena iSitalato iNorongo, ndazibona ndikhawulelwa lihlokondiba labantu endithe ndakuvela kubo, kwavakalwa amazwi esithi “Nanko, mbambeni!”

Andibanga nathuba lakubuza nto, ndaphinda kwangoko ndabuyela apho bendivela, ndisiya ngakula mgewu bendiqhwesha kuye, kusakhwaza ngabantu. Ndiphephe abantu abazama ukundibamba apho, ndisehla ngesitalato, ingayekanga intswahla ukufunza kum. Ndithe ndisabaleka njalo, ndagilwa ngomzimba ngubhuti obephuma kwisango lomnye umzi ndaya kuthi tywa phantsi, andibanga namandla akuvuka ngoko nangoko apho, kuba ndisadiniwe. Kube ke oko kukubanjwa kwam kwangula bhuti ebendigila, ngokundicinezela ngonyawo kakhulu emqolo njengoko lisiza ihlokondiba ebelindileqa. Ngalo lonke ke eli xesha ndiyakhala, ndiyatarhuzisa ndisithi andinakuze ndiphinde, ndicela ubhuti ukuba andikhulule. Bathe befika nje abantu abebendileqa zavakala izagweba entloko, ndakhatywa nditsalwa ngapha nangapha, kukho nabacebisa ukuba ndibulawe ngetayala kuba bona bedikiwe yimigewu ebaphethe kakubi ezindaweni zabo zokuhlala. Livakele ke elinye ilizwi lindibuza ukuba kutheni ndingcolile nje, ndimkhuthuzelani utatomkhulu wabantu imali yakhe yenkamnkam. Ndithe ndisazama ukuziphendulela, langena iquza ezimbanjeni, lilandelwa ziimpama namanqindi.

Kuthe kusenjalo, kwamisa imoto ekwehliswe kuyo ixhego eselitotoba kukukhokhoba, bakhuzwa abantu kwakhona besithi andinazintloni ukukhuthuza umntu omdala kangaka imali yakhe yokugqibela. Lindijongisisile ixhego lazama ukubamisa abantu lisithi hayi khona, ayindimanga lo, libabone kakuhle abafana abalikhuthuzileyo, kodwa ke kuphinde kwavakala elinye ilizwi lilandula lisithi lidala ixhego eli, ngoko ke selimlibele umntu olikhuthuzileyo, watsho eqinisekisa ukuba ndim, enyanzelisa ukuba ndiye kukhomba apho ahlala khona lo ben disenza lo mkhuba mbi kangaka naye.

Ngalo lonke ke eli xesha ndiyagxigxiza kukopha, sendiphelelwe nangamathemba okusinda nokuba liviwe icala lam. Kuye kwathunywa omnye umfana ke ukuba aye kuthatha itayala lemoto ukuze ndintunyekwe, ndizamile ukuphinda nditsho ukuba andenzanga nto, ndingumntwana wesikolo yaye ndiyabacaphukela nam ootsotsi, kodwa wathi omnye umama batsho rhoqo ootsotsi xa bekwimeko efana nale, ngoko ke abasayi kundixolela. Kukulwe iingoma zomzabalazo, sele ndiphelelwe nangamandla ndirhuqelwa kwithafa elingaphaya kweSitalato iNobatana. Kuthe kusenjalo, kwe thu isigadla samapolisa, babaleka bonke abantu, ndasala ndodwa ndiselelo tywantsi. Abantu babalekele kwimizi ekufutshane apho, ndambona nalo ebeseza netayala elilahla phaya eqhwesha naye. Amapolisa atsalele inqwelo yezigulana efike ndisathoxoza apho emva kweyure yonke, bandithatha abongi bandifaka kuloo nqwelo bandibalekisele esibhedlele ngelixa begxabha-gxabhisa ngoncedo lokuqala.

Kulokho ke ndazibona sele ndichitha iinyanga ezine zonke ndileli ngandletyana-nye kwisibhedlele iLivingstone. Andisayi kuze ndiyilibale ke loo mini yayimele ukuba yemnandi kum ngenxa yokufumana igqiyazana elihle njengokoThumeka.

INDIPHATHELE INDUMASI IWOTSHI YAM

Ndithe ke ngenye intlazane yoMgqibelo ezole nakobezinja, ndivela kukha amanzi empompeni, ndeva ubawokazi nomntakwethu bevuya bendikhwaza. Ndibeke phantsi loo emele kwangoko ndasondela ndisiza kuva ukuba zingantoni na iindaba. Bathethe ngexesha elinye bobani, bengasakwazi nokuzimbamba, “Igama lakho likhankanywe kunomathotholo, uphumelele!”

Ndixhumaxhume ngoko nangoko noxa ndingazi nje ukuba ndivuyela ukuphumelelani, bekwanele kaloku kum ukwazi ukuba igama lam likhankanywe kunomathotholo. Kodwa ke noxa kunjalo, bengevanga ukuba ndimophulele bhaso lini, isibini esi sasisithi hamb’ uhambe ndlala, sondela ntlutha, kudala kakade sikulindle. Iintliziyo nemiphefumlo ilangazelela impucuko kumgangatho wobomi. Amehlo abhalwe izityhwenywe nezambuku zemali.

Kaloku ndingumntu okuthandayo ukuzizamela kumathuba ngokuthi ndingenele kukhuphiswano kwiRadio Xhosa le kunye nakwiimagazini. Le nkqubo kuthiwa ndikhankanywe kuyo ke yiCoca-Cola Full Blast Music Show ethandwa kakhulu ngabaphulaphuli ngenxa yomculo wayo owondla umphefumlo kwanendumasi yayo yokusoloko inikezela ngeziphokubaphulaphuli. Inkqubo le iqhutywa yindumasi yomsasazi uVido.

Kuthi ke kwangalo mhla ndithunywe nguBra Suz kwesinye isitalato kwalapha kule lokishi yethu iyiNew Brighton. Indlela endikhwazwe ngayo ngabandaziyo kwezo zitalato, ndichazelwa ukuba bekuviwe igama lam likhankanywa kunomathotholo, nam ke kufuneke ndiman’ ukuncuma. Nabangandaziyo bandazile ngale veki. Ndithi mna kude kwaphela nenyanga ndinguloo mntu ukhahlelwa ngapha nangapha, nto leyo endenze ndaziva ndinguMadiba ngokwakhe, nguye yedwa kaloku onale ndumasi okwangoku.

Nako ke kwiveki elandela le sisiya kwezo ofisi zeRadio Xhosa; indim, ubawokazi kunye nomalume wakhe oyinqununu kwesinye isikolo esikwalapha ekuhlaleni. Ulume kabawokazi ke ungumntu oxhomayo nonamatshamba, akakhumshi yeha! Asipheli isivakalisi engakhumshanga athi: *“Don’t bit about the bush, why bit about the bush?”*, *“There’s more to it than meets the eye”*, okanye umve engqinelana nomtshana wakhe kwincoko esithi, *“Yes, yes, I commend you there, mtshana, great!”* olu ke lusuku lokuya esikolweni kodwa kuye kuthiwe mandingayi ngoba ubawokazi wenze idinga noninalume ukuze siye kulanda ibhaso

lam kwisikhululo sikanomathotholo. Nam ke ndiyavuya ngokuba ndizakubona abasasazi ngamehlo.

Sifike ke pho samkelwa ngomnye usisi othe masilinde kancinci ngelixa umsasazi esihambele kuye esesembokweni. Sithe sisemi apho njalo sabona abanye abasasazi endiqhele ukubabona kwikhalenda yesikhululo, ndaman' ukuncuma ndodwa. Ufikile ke uVido, wasixhawula sonke, waxolisa ngokusilindisa ze, ngoko nangoko ubawokazi wangena emxholweni. Uqale wazazisa yena noninalume, ze wagqibelisa ngam. "Eh, Vido, nguSkhumba lo, unyana kadadethu omncinci, besive ubiza igama lakhe kunomathotholo kule veki iphelileyo kula *show* yakho yangoMgqibelo, qha ke asazi ukuba uphumelele ntoni. Khawusincede mntakwethu *maan, please, Vido.*"

UVido uphinde wacela igama nefani, wazinikwa ze wacela ukusishiya kancinci. Kuthe emva kwemizuzu engephi wabuya ephethe iphetshana aqwalasele kulo wafumanisa ukuba ndiphumelele iwotshi. Udano olungako kubantu abadala! "Iwotshi qha, Vido? Akho mali? Hay niyasiqhatha kodwa ngoku!" Uncumile umsasazi, waxolisa kodwa ecacisa ukuba yiyo yodwa ngenyaniso. Sinyoshoze senjenjalo ukubuyela esithuthini, ze nolume kabawokazi akasidanisa, waqala apho, "*No, no, no! There's more to this than meets the eye. No ways, it can't be this only. We must get to the bottom of it and leave no stone unturned.*"

Kodwa ke mna ndibe ndichulumancile kuba intle iwotshi endiyinikwe apho: ibomvu, amasiba enziwe aziibhotile zeCoke. Ndifike elokishini ndakhulula loo dyasi bendiyinxibile izakwenza abantu bangayiboni iwotshi yam entle. Ndinconywe ngumntu wonke oyibonileyo. Bebedanile ke nabanye sakufika ekhayeni, besithi bebecingele ukuba ndizakufumana itsheki endinika isambuku semali. Bathe ndide ndingayi nasesikolweni kanti andiyeli iwotshi.

Indinike ukuqwalaseleka ke nasekuhlaleni iwotshi yam ngoba indlela eyenziwe ngayo yengaqhelekanga. Iphinde yaqala phantsi ke indumasi kum ndakubuyela esikolweni, kubukwa le wotshi; ndinconywa ndinconyiwe. Kodwa ke indumasi le ibe ntlantlo-mbini: abanye bayincoma kuba beyithanda kum kanti ke abanye bayithandele bona.

Ndiyigcine ixesha elide ke le wotshi, indibizela amehlo ngalo lonke ixesha. Kuthe ke ngenye intsasa ndileqa esikolweni. Andisakhumbuli ukuba bendilityaziswe yini okanye ngubani na kangako kodwa ke ndibe ndisemva ngeyure yonke. Ndithe xa kanye ndidlula kwithafa elingakwisikolo iDavid Vuku kwiSitalato iNaude, kanye ngasemangcwabeni, ndazibona sele

ndihamba nabafana ababini abadadlana apha kum, nabo bencoma iwotshi yam. Bahambe kumacala am omabini ke abafana, bendiphahlile.

Kuthe kusenjalo omnye wacela ndimthengisele, ze xa ndisala ndisithi andiyithengisi, wathi “Hayi ke kulungile, masiyeni kuyithengisani sonke kuBra Sting endingamaziyo mna eNgqolombe ukuze sohlulelaneni ngemali”. Nalapho ndalile ndisithi andiyithengisi, ze lo wesibini wathi mandingabi neengqondo zekati ngoba bazakunditshayisa xa ithengiwe, wathi kutheni ndibenza amaxelegu nje ndicinga ukuba bazakutshaya bodwa. Nalapho ndibachazele abafana ukuba anditshayi, ngoko ke akuyi kulunga ukuba le wotshi ithengiselwe icuba. Kuthe kanti ndimnyathele *ekonsini* omnye ngoba ndibone ngaye sele efufutheka ebhekisa kwisihlobo sakhe esithi “*Ekse*, Nyero, sekutheni ngoku le kaka isixelela ukuba ayitshayi yona, ibuzwe ngubani? Ubuzwe ngubani kwedini, he? Uyasazi usiqhela kakubi nje?”

Enye indikhabe kabuhlungu ezimpundwini ngelixa ifaka nenqindi ezimbanjeni, sele kucaca ukuba inomsindo ngoku, yathi, “Jonga mtshanam, ndiyacinga ngoku, asizoba sakutshayisa, sapha le wotshi siyokuzithengisela. Rha ucinga ukuba sicengile kakade ukutshaya neempatha ezifana nawe? Xa usijongile wena ingathi sitshayisana neempatha? Sapha le kaka yewotshi *ufokofe* ukuba awufuni kwenzakala, uqhweb’ itha wakugqiba,” itsho le sele ifaka isandla ngokungxama kwimpokotho esemva yebhulukhwe yayo, ayaphuma nanto.

Ngalo lonke ke eli xesha, mna ndizama ukuqhwebesha, ndiyabhekela ndibuya umva. Kodwa ke zindivalele. Ndizama nokuzixelela ukuba isikolo singene kudala ndisemva ngoko ke ndicela zindikhulule. Azindihoyanga. Ndiva nje ngale ibindikhaba iphinda ibhekisa kwisihlobo sayo, isithi: “*Ek se, atyhus*, iphi la nkenkce, ikuwe? Isiqhel’ amasimba *mos* ngoku le kaka, icinga ukuba socengana nayo kakade?”

Yho, ndithe ndakuva kukhankanywa inkcenkce endisele ndisazi ukuba ibhekisa kwibhoso, ndatsho ngesabhongokazi sesikhalo esikrakra, ethembeni lokuba ezi ziyakuba novelwano zindiyeke, okanye ke zoyike ukuba ndiviwe ngabahlali abanokuthi bakukubona ukungcola ezikwenzayo bazonzakalise ngokuzibetha. Bangazitshisa nokuzitshisa kaloku. Azibanga nazintlani zingako ke, ngoba zibhekabheke nje, enye yaxhumela isandla sam esinewotshi, izama ukuyehlutha. Ndiqinisile apha ekulileni, sele isisijwili ngoku. Ukuba uyalikhumbula ibali lesimbonono sikaRakeli ekhalela iintsana zakhe phantsi kwesitshetshe esasingenalusini sesingcoli sekumkani yamaJuda uHerode. Yiba nombono wenkwenkwe endim ke wena.

Kaloku ndibe ndingenawo umbono okanye ingcinga yokuphulukana ngokungenasidima kangako newotshi yam yeminyaka. Le wotshi ibisele ilibala endidla ngalo kum, iyiyo nendlela yokungena ezintombini, ngoba abe eyithanda kakhulu. Yothuke yoma ke imiguludu sisikhalo sam, ngoba kuye kwangoko kwabonakala kukroba omnye umama efestileni kwenye indlu, kwabe kuphuma nomnye utata kwenye, ngqee ukubaleka abafana, ndabe ke ngolo hlobo ndiyayigcina kwakhona iwotshi yam yegugu.

Kodwa ke akukhange kube lithuba elide ngoba iphele isohluthwa liqela lemigulukudu ekhohlakeleyo ngenye imini siphume nesikolo siyokubaleka kumabala eWestbourn Oval kunyaka olandela lowo. Ndithe ndisancokola neetshomi zam, gqi-qhaphu abafana abafikileyo kwishumi elinesihlanu, becula ingoma engaqhelekanga ethi “Sicel’ iimpokotho, iimpokotho, iimpokotho!” oku kucelwa kweempokotho ke kukuthi sifuna yonke into yexabiso onayo, ingakumbi imali.

Ndithe kanye xa ndisalungiselela ukuya kungena ebaleni kuba ndizakumela isikolo sam, zandibamba eza nto zandiphosa phantsi, ndakhatywa, ndaqhwatywa, ndankulwa ngandlela zonke. Ndivuke apho sele zingekho, ndisiva nje ingxolo yabo bandivelayo, iwotshi nemadlana ebendinayo zimkile. Ndibe ke ngoko ndiyaphulukana newotshi yam, emva kweminyaka emithathu siphethene ngembeko.

UMTHATHI UYAWUZALA UMLOTHA

“Thandiwe, Thandiwe, vula!”

NguSkhixi umntakwethu lo, ewumbokra umnyango ukunkqonkqoza oku. Akanxilanga uphelile. Uphakama aye kuvula uThandiwe, aphindele ezingubeni ngoko nangoko, engakhuphanga nelimdaka.

USkhixi ushwantshwatha into engavakaliyo ebumnyameni, kuvakala ukuba ikho le nto ayikhalazelayo, abe sele ekhanyisa.

“Yhu hayi Skhixi *maan* ayikho le nto uyenzayo. Ukhanyisanjani ndilele... siyandiphandla mna esi sibane? Ayikho futhi nale nto uyenzayo yokundibizela kokwenu ube uzazi wena ukuba uzakugcwala esitalatweni. Ndidikiwe mna yiloo nto!”

“*I wonder* ububizwe ngubani sewukhalaza nje, ingathi ibikwanguwe nje nothe usendleleni ezayo ndingakubizanga. Uman’ uman’ uzolal’ aph’ ekhaya ujike u...u...u...” utsho enqika isitya sakhe, amamfuze iqatha lenyama amehlo ewavalile.

“Hayi-hayi yima, bhuti, uthini? Uthi kutheni, Skhixi? Ubothetha ndikuve kaloku, bhuti, ungawashwantshwathi.”

“Mncim!” itsho la nto, izilahlela emandlalweni ngempahla nezihlangu, ze ilandelise ngesabhongokazi esibophayo. UThandiwe ulahlela kude isandla sikaSkhixi esibekwe phezu kobhazabhaza wethanga lakhe. Emva kwemizuwana uThandiwe uyaphakama aye kuvala umnyango awushiye uvulekile uSkhixi, atshixe, ze aye ngqo kwibhulukhwe kaSkhixi aphuthaphuthe ekhangela, ethembeni lokugagana neesentana. Ubuya nelize, ashwabulele ngaphakathi. Ucima isibane abuyele ezingubeni, esafutha ngumsindo. Ngeli xesha ke indoda yona sele ikobentlombe, ingarhoni igragama.

Kuthi ngentseni avuke ahlambe uThandiwe, azenzele into esiwa phantsi kwempumlo ngelixa aziminca ngomculo ogqumzayo wemaskandi kwinkqubo yeZawa kuMhlobo Wenene ...
Lavuth’ ibhayi!

“*Heymaan* Thandiwe ayikho le nt’ uyenzayo, njani uwuvulele kangaka umculo ndisalele? Sucingela wena wedwa *maan* sana, ngekh’ uyithande ke xa inokwenziwa kuwe!” ungxola atsho uSkhixi ze abuyisele emqamelweni intloko emsinda kanobom. Akamnanzi uThandiwe.

Kwisithuba semizuzu embalwa emva koku, uThandiwe uye adlikidle uSkhixi emvusa, esithi uyagoduka yena yaye ke kufuneka emkhaphile.

Ukubonakalisa ukuba akayithandi le meko uSkhixi, uyamjamela uThandiwe, azame ukuphakamisa umzimba ongavumiyo. Uphakama aye ngqo kwisikhenkcisi avule agongqoze ibhotile yeCoke elapho. Uyangcangcazela. Iyamthwaxa ibhabhalaza. Ubuyela emandlalweni ahlale, axhase intloko ngezandla, iingqiniba zisemadolweni. Uye aphinde amshukumise uThandiwe, ze athathe unyaka onesiqhuma uSkhixi ezama ukunxiba. Uyamngxamisisa uThandiwe, emkhumbuzwa ukuba ebemxelele ukuba kufuneka egcine abantwana namhlanje. USkhixi uyaphakama, baphume, abuyise umnyango, bahambe. Ummelwane wakuloSkhixi ubawo uTshawe nenkosikazi yakhe bazipholele ngaphantsi komthunzi womthi wepesika emzini wabo. Uthi ubawo akubona uSkhixi anikine intloko, amngxolise:

“Yini kwedini, kunini ndikubukele ukhupha enye ngenye kula mankazana akho aliwaka kule ndlu? Kutheni udelisa indlu kayihlo ngamankazana nje, he?”

“Oh, utye wena, mna ndingatyi?” uziphendulela ngentswela-mbeko engumbuzo unkabi, esesigezweni. Uthi xa kanye aphakama nomnqayi wakhe ubawo uTshawe, inqande inkosikazi yakhe, imthomalalisa. Ngeli xesha ke uThandiwe yena ufile ziintloni, uhamba phambili. Bayahamba ke kungekho uthetha nomnye, uSkhixi esakokose ingulo yakhe. Kuthi xa beqalisa iSitalato iTshangana, ajike uSkhixi, aziqhubekekele uThandiwe.

Uthi efika nje kokwabo uThandiwe abe sele eyalezwa ngumakazi osele elungele ukuphuma ukuba abantwana sele besityile isidudu kodwa ke kuzakufuneka abaphinde ngesonka namaqanda emva kwethutyana, yena uzakwenza isidlo sasemva kwemini akubuya esifihlweni. Uye othuke ke umakazi akubuzwa nguThandiwe ukuba uyishiye ndawoni na imali.

“Imali yantoni na, sisi?”

“Imali yesonka namaqanda kaloki, makazi, tyhini?”

Hayi nkazana ungandixeleli ukuba awunamali mna?”

“Izakuvela phi na, makido?”

“Tyhini! Utaka mihla le, ntombazana? Uzakuthini ukundibuza loo nto ulala endodeni ubusuku nezolo?”

“Hayi bo akandiniki mali mna uSkhixi, makazi.”

Umakazi uye amjamele uThandiwe, ambambe ngesandla amhlalise phantsi, azame ukumbonisa.

“Kaloku Thandi sisi, siyazazi ezi zinto thina, sibadala singaka nje: indoda ayaneli nje kukuwehlisa umthawuzo, iyayazi ukuba kufuneka uhlanjiwe, yaye ke nesepha yokuwuhlamba ithengwa ngemali. Ngapha koko ke mtwanam, imali yomqamelo yinto ekhoyo. Iyakunika khona la ndoda imali yentloko? Kaloku sisi akukho ndoda ifuna intombi yayo ihleleleke phakathi kwezinye iintombi. Unokusuka ungabi nandoda ke *mos* xa caba uzakuthi gqi ngentloko engathi ulala ehlathini njengale wakugqiba ukuba yintombi,” utsho esalatha amaqiqisholo eenwele zikaThandiwe. Uyaphakama umakazi emva koku, akhuphe imali eliphepha ayidlulisele kuThandiwe, anikine intloko aphume ngomnyango.

Ayimphathi kakuhle le nto uThandiwe, nto leyo imenza athi akugqiba ukwenzela iintsana ukutya abhabhe ukubuyela kuloSkhixi. Ufika uSkhixi ehleli nesihlobo sakhe sokuqina uMxolisi beziminca ngeengudu ezimbini zeBlack Label; acelele umntu wakhe ngaphandle, engabulisanga nokubulusa.

Uphuma alandele uSkhixi. “Skhixi, ayizukulunga *maan* bhuti into yethu, ndiyabona ngoku. Mayiphele ngoku ke, hayi kabi. Ungandifuni ntsusa nasizathu futhi, andinazo.”

“Awu, Thandi, yintoni ngoku, *mabhebeza*, xa bekutheni?”

“Skhixi, mntakwethu, ndicela singasokolisani, ndithe kuwe andinantsusa nasizathu. Ndicela nje oku kwemifanekiso yam, uyicime le isemnxebeni, ndizakwenza njalo nam.”

“Awu, njalo nje?” nguSkhixi lo, esamatshekile.

Uyagxanya aye kuphuma ngesango uThandiwe. Uyalandela uSkhixi, ethembeni lokucenga.

“Ungakhathazeki ngokundikhapha, bhuti, ndizakuzihambela,” uphoxisa atsho unontombi, aqhube nohambo lwakhe. Usalandela uSkhixi.

“Skhixi, Skhixi, hlukana nam! Into oyaziyo kukugomfela ubile phezu kwam, kodwa awazi ukuba iimpundu ezi ziyabila yaye zihlanjwa ngesepha ethengwe ngemali. Okwakho kukundikhwela qha! Inqetsu lam lide lakhuthuka kukungqengqa ngomqolo kwesa sikhitshane sebhedhi yakho, awukhe ube naso nesazela sokundipha imali yentloko, kodwa wena

uzithengela impahla nezihlangu zodidi rhoqo ngenyanga, ungazungayi qho ke futhi etywaleni nasepakeni, uthenge usele unxile. Awundibali mna!?”

USkhixi uyarhwaqela ziintloni, abuye ajongise umbombo ngakokwabo akufumanisa ukuba abantu esitalatweni sele bethe nta iindlebe bemamele oku kuhlambalazeka kwakhe, kuba ethethela phezulu uThandiwe. Ufika epozini yakhe abalisele uMxolisi othi naye wothuswe bobu bukrwada bungafani noThandiwe.

“Yhu, hay *khazi*, soze ndimyeke la mntwana. Undipha kamnandi *and* yho, uyambona mfondini indlela *apake* ngayo? Ukhukhumele, sbali. Ukhona futhi lo umfake umoy’ omdaka, kungenzeka futhi lela gqwirhakazi lingumakazi wakhe. Uyaxoka kodwa, ndizakumcenga ade athambe.”

Kuthi xa kulapho kanye, uSkhixi afumanise ukuba uMxolisi ubugqibile utywala, aphambane. “Hayi jonga, *khazi*, yintoni ngoku? Kutheni ucingela wena wedwa nje? Uyigqiba njani ibhiya usazi ukuba nam ndiyanya yibhabhalaza? Izakuvela phi ngoku imali yenye? Hayi jonga khululeka mfethu, ndidrend mna ngawe. Phuma, mfo wethu, ndingekabi namsindo.” Uthi uMxolisi sele ecinga ukucacisa, aphinde azinqande, aphume ngoko nangoko.

UThandiwe yena ufika kokwabo azilahlele ebhedini, alile. Ubiwe bubuthongo ecinga indlela amchithele ixesha ngalo uSkhixi, engamthathi njengomntu amthandayo, kodwa njengomntu omhlambela impahla nekufuneka asoloko elala naye. Wothuka emva kwemini sele evuswa ngumakazi ombuza ukuba uleleleni na emini apha. Uye achaze ke ukuba umhlalile uSkhixi ngoba uyibonile la nto ebeyithetha, yaye ke kakade uSkhixi uxabise ubumnandi neetshomi kunaye.

Umakazi uyasithanda isigqibo somtshana wakhe, ze amncokolele ngenene elalinguyise kaSkhixi, sele evathe olukaBlankethe.

“Uyazi, Thandi mntwanam, wayelinene uyise wala mfana ke. Wayeyazi ukuba iyintoni na le nto iyimali yomqamelo, yaye ke sisi, wayebheja hayi njee indaba yemfeketho. Mna ndithetha ngemali enjengemali. Uyabona, Thandi, ndandithi ukuba ndivuke kuMoses xa inkosikazi yakhe ileli kwamlungu, ndibuye nemali ebonakalayo, ndithenge ooni nooni kutyiwe aph’ ekhaya. Uyayazi umama loo nto. Naye wayemthanda uMoses, esithi linene. Andazi ufuze bani yena la Skhixi wakho. Akamfuzanga nakancinci inene elalinguyise. Phofu ke amaXhosa angaxokiyo athi umthathi uyawuzala umlotha.”

Bayancumelana, ze aphakame uThandi aye kwenzela uninakazi into ephungwayo, esavathe olukakrebe.



MABAHAMBE

Zithe zakuqengqeleka iinyanga efikile kwesi sixeko seengcwele engazi mntu ngaphandle kwabo aphantela nabo uSkhumba, wazibona elilolo. Kaloku bezisele zifikelela kwisiqingatha sonyaka ngoku iinyanga ekweli Rhini, engekabi nazihlobo. Kukwesi sisithuba ke apho aqale ukuhlangana nelinye igeza lomfo wasemaZizini awayekhe wafunda naye eKapa, uZimele. Uzimele noSkhumba ke bachithe ixesha baqhelana kakhulu besengabafundi eKapa.

Kodwa ke uZimele yena ebesele eneminyaka efikelela kwisine elapha, ngoko ke sele ebazi abantu, neendawo abazihambayo. USkhumba ufumanise ukuba waziwa kakhulu uZimele eRhini apha, ingakumbi ziintombi, yaye nabanye abahlobo bakhe bangabantu abanika umdla yaye bekwazilungele. Uqale apho ke unkabi ukwazi imizi yembadu, sele esiya phantse yonke impelaveki ngoku, aqale ngoLwesihlanu aye kuphumla kuphela ezinzulwini zobusuku beCawe, adinwe lelo nqugwala. Besele esaziwa ngoku nakwaMandisa, kwaMfanandini nakwaMakhaya, de anikwe nangetyala ngamanye amaxesha. Nezasedolophini iindawo zentselo besele zisezintupheni kuye, ezazi ukusuka nokuhlala, ezazi neentsuku zamaxabiso aphantsi. Besele eqalisa nokuphangela kakubi ngoku, eman' ukungenisa amaphepha kagqirha ngeMivulo, nezinga lakhe lentsebenzo sele lisehla, kuba ezinikele esitalatweni.

Kodwa ke eyona nto abe nomdla kuyo kakhulu nazithembise ukuba uyakuthi ukuyifumana kwakhe athothise apha ebhekileni, ze aqalise nokuziphatha njengendoda azazi eyiyo kwakhona; libhinqa. Kodwa ke, kuba emazi umfo wasemaZizini indlela aba neddyudyu ngayo kwakufuneka ezibike entombini umhlobo wakhe, uye wamehlisa amaxhala esithi maze angazikhathazi, yena mntu weentombi uyakumfaka kweyohlobo yona, yaye akuyi kufuneka enze nanto ingako ngaphandle nje ngokuyiphatha kakuhle akuyifumana.

Kuthe ke ngolunye urhatya loLwesihlanu kule veki iphelileyo kwayiwa kuselwa komnye umzi wentselo obizwa iChamps kumbindi wesixeko, kuba ke ibisele noko isisiqhelo. Kaloku amaxabiso ayehla rhoqo phakathi kwentsimbi yesine neyesithandathu ngoLwezihlanu. Umntu uthenga isiselo sibe sinye, abhaselwe esinye. Babe lapho ke nesihlobo sakhe kunye namanye amanene amahlanu asele ezizihlobo zakhe ezisenyongweni nawo, kuncokolwa nje. Uthe esadlala umdlalo webhodi *ipool* noMark, ongumlungu ongumnini-ndawo le, waqaphela ukuba kukho igqiyazana elihleli lodwa kwisitulo esichophileyo *sebhari*. Lungongoze kwangoko uvalo kumf^o omkhulu. Kodwa ke olu ayibanga luvalo oluqhelekileyo oluthi makabuye umva. Lunge luyamthuma rhoqo elijonga inenekazi elo. Uqalise nokungabi

namdla ngoku apha emdlalweni, wazibona ecinga ngeli nenekazi okokoko, eman' ukulithi krwaqu. Uye ke unkabi wacinga nokuthi kungathi kanti lize kulinda umntu, onokuba ngumlingane walo, ngoko ke wabona kunyanzelekile ukuba aye kuzazisa kulo, ukuze ke kuthi ukuba abakwazanga kuthetha nto inesidima ngenxa yokufika komntu olindiweyo, abe noko sele enazo iinkcukacha ezifana nenombolo zomnxeba okanye idilesi yekhaya lakhe, ukuze azilahlele.

Athe engxola amadoda evuyisana noMark ngokuphumelela kwakhe umdlalo, egxwagxwa uSkhumba ngokuba lirhawu elityiwa ngumlungu, wabe umfo engasakhathalele kuthenjwa, ingqondo isekuzijuleni enenekazini ebeselibe ingqondo nentliziyo yakhe. Uyakukhumbula ke, mfundi, ukuba uSkhumba lo akangomfo ubukhali kakhulu ezintombini. Ungumntu wedyudyu. Kodwa ke ngolu rhatya, unkabi uzibhaqa enesibindi. Mhlawumbi kusenokuba oko kubangwa ziibhotilana zebhiya ezifikelela kwisihlanu asele eziqabelisile ngaphaya komginyo uphopho. Enye into unkabi ayicinga njengesizathu sokuzithemba kwakhe ngobu busuku sisiqholo somzimba asifakileyo nabesandula ukusithenga esinevumba elimnandi kakhulu. Ebesifake ekuseni ngokuya ebesiya empangelweni yaye okokoko enconywa imini le yonke.

USkhumba uqwalasele ukuba inenekazi eli lisela iwayini ebomvu, waqonda ukuba makube liyintombi esemanqwanqweni, ngoko ke kuyakulunga angabhatyazi. Uzixelele ukuba uyakuhlala ecaleni kwalo apho kwisitulo esichophileyo *sebhari*, azame ukuzincokolisa. ; aphoxwe ke ukuba uyaphoxwa. Uye etafileni apho abahlobo bakhe bahleli khona, bethethela phezulu beshukuxa imicimbi yopolitiko nolonyulo-jikelele oluzakuba kulo nyaka uzayo; wafika wathatha ibhotilana yebhiya wajika kwangoko waya kuhlala ecaleni kwegqiyazana elo.

Ufike apho wahlala, wajonga ngakusisi, wabeka unyawo lwakhe lwasekhohlo phantsi emgangathweni, ze olunye waluzinzisa kwintsinjana esezantsi esitulweni. Uqale wabulisa, lungayekanga ukungongoza kodwa lona uvalo. Ubehle waqwalasela unkabi ukuba unokuba akangethandi ukuphazanyiswa usisi, ngoba uziphethele umnxeba wakhe ujonge phantsi. Kuthe akungavumi, yamfikela unkabi eyokuba angaphoxwa apho, kodwa ke kuba ebezimisele ukwazana negqiyazana elicikizwe ngolwa hlobo ngomkhitha, uye akaphela mandla, waphinda:

“Andizange ndakubona apha ngaphambili,” ndimtsho ngento ephole njalo.

Enyanisweni ke, mfundi, esona sizathu siyibeka apha imbelukazi le kukuba yona ingumntu oshishina ngokuthengisa ngomzimba yaye ke omnye wabantu aqhele ukuyixuma kwishishini elo ebecele ukuba bahlanganele khona apha, ze walirhoxisa idinga elo, ngemizuzu yokugqibela; ngoko ke usisi wagqiba ekubeni asele efumana ibe nye okanye zibe mbini.

“Unyanisile. Andizange ndeza apha ngaphambili, ndiyaqala namhlanje,” uphendule watsho, esajonge phantsi.

Uthe akuphendulwa unkabi, enyuka amathemba, wazilungisa ezama ukuhlala kakuhle esitulweni, wasondela kancinci kusisi, amacala amathanga abo angathi ayakhuhlana kancinci.

“Mna ke ndiza rhoqo ngooLwezihlanu ukuphuma kwam emsebenzini. Ingekokuthanda ke phofu. *Amajita* asoloko enditsalela apha,” utsho ekhomba ngobhontsi *kumajita* akhe emva kwabo.

“Ok,” uphendule engabonakalisi mdla unontombi.

“Ndisebenzela umaspala mna kwalapha eHigh Street. Andazi ke nokuba uyazazi na eza ofisi, zikwiholo yesixeko,” uqale njalo ukuzazisa unkabi.

“Andikayazi le ndawo,” uthathe umzuzu wonke ngaphambi kokuba akhuphe le impendulo usisi. Eneneni ebengafuni kuphazanyiswa ezihlelele umntwan’ abantu, umbhaqile uSkhumba.

Kwesi sihlandlo, uSkhumba uphinde walungisa ukuhlala esitulweni, eliva ifuthe lomlenze wenzwakazi kowakhe, engenakulikhalazela ke futhi.

“Ndikwicandelo elijongene nogutyulo lwamanzi nelindle kweli Rhini.”

“Ndiyakuva,” liyavuma igqiyazana.

“Wenzani ke wena, mntasekhaya? Uphangela phi?”

Intombi le ibe sele ibona ukuba bekutheni na ukuze akhethe le ndawo ubhuti lo ebizakuhlangana naye apha. Ifumanise ukuba indawo le igcwele abantu abafana naye, abantu abanxibe iihempe eziwakuzelayo nezimibala-bala kunye namagqengegqenge eenkuntsela zemisesane namatsheyna egolide ajinga eminweni nasemiqaleni. Amanye made kangangokuba ehla adlule kumbhono. Ibimfanele, icinge yatsho intombi. Kodwa ke iqaphele ukuba umfo lo uhleli ecaleni kwayo ngoku akafanelwa nakancinci yile ndawo.

Ubekhangeleka cocekileyo kaloku umfo lo, futhi ke unomfaneleko yaye nomzimba wakhe

mhle. Imbona erhaleleka. Intombi iye ingakwazi nokungalihoyi ilinambithe ivumba elimnandi lesiqholo sikaSkhumba, kodwa ayathetha nto.

Uthi xa kanye alinde ukuba izakuzazisa intombi uSkhumba, itsho nokuba yenza msebenzi mni, imkhuphe kwezo ngqondo. Iyijika nangakumbi intloko yayo ukuze ijonge apho kwafela khona ithole, imunce umnwe wayo wokukhomba ze iwuhamba-hambise ikrwela umphezulu weglasi yayo yewayini yexabiso. Le nto ke yenza isandi esitswina kamnandi kuyo. Lo ke ngumkhwa awuthandyo yena neetshomi zakhe unontombi, ingakumbi xa besemdleni wokugeza. Ithi emva kwemizuzu emibini yonke, iphendule.

“Ndingumabhalana,” iyaxoka ngelixa ishuku-shukumisa intloko yayo ze iqwalasele ibhotile yetequilla ehleli kwishelfu yebhari le, izikhothela amazinyo ayo ngolwimi.

“Kwakhle oko, nkosazana. Usebenza phi ke?”

“Ndisebenzela inkampani yabucala,” iyamxokisela.

“Oh, ndiyabona, kuhle ke dadethu. NdinguSkhumba ke mna igama sisi, emaKhomazini akwaMkhonyovu.”

Imthi krwaqu ngekona yeliso intombi, imbone esalula isandla. Ayikhawulezi imjonge, kodwa ke ekugqibeleni, iye ijike imjonge okokuqala. Ihlikihla amehlo ukuze ndiyiqwalasele.

Ongako umothuko, rhaa, mhle lo bhuti, yaye nomzimba wakhe ukhawuleza uyinike iingcinga ezimdaka. Kodwa ke iye iziqinise yenze ngathi akukho kwa nto.

“Ufunani ecaleni kwam?” Intombi ibuza uSkhumba.

“Oh, uxolo dadethu, bendithi nje”

“Siya phi ke isandla esi sona?”

“Bendithi mandibulise, sisi wam. Hayi kabi.”

“Undithath’ *amachance*? Undithathe wandibeka nhe? Undijonge wazigqibela?”

“Hayi bo, sisi, ingaba kuyingxaki na ukukuncokolisa? Ingaba kukho mntu umlindileyo ke mhlawumbi ndikushiye?”

“Uyihoye ngantoni ke leyo? Naku ulapha *mos* ngoku andithi? Ngokuqinisekileyo ke, bhuti, andinamdla wakho, ngoko ke, ndicela uhambe. Ndishiye ngoku.”

Ngomothukokazi, umlomo kaSkhumba uvuleka ube yiloo nkebenkebe ingathi ingacholwa phantsi kodwa ke angenzi zintshukumo zakuphakama.

“Ingaba yindlela obenza ngayo le abantu?”

“Andiva? Ingaba wena uthetha nawo onke amabhinqa ahamba apha? Kutheni ucinga ukuba ndinomdla wakho nje? Uxolo ke, bhuti.”

“Andikukholelwa uyazi, sisi?”

“Ufunani apha, sisi?”

“Ndicinga ukuba mhlawumbi ndidikwe kukuva nokumamela izihlobo zam zincokola ngokuba zizakulala nawaphi na amagqiyazana ngobu busuku, yiyo ke le nto ndigqibe ekubeni ndize kuncokola nomntu endingamaziyo ... umntu onguwe, ethembeni lencoko eyakhayo.”

Akazanga ke ngoku usisi ukuba ayithini le kuziwa nayo ngoku. Inginga emfikelayo ithi makathi makakhombe ambonise aba athi bafuna isilalo ukuze abe nokuzenzela imadlana, kodwa abone ukuba akunakusebenza oko. Mhlawumbi angasebenza kwangaye lo, kodwa ke akaqondi. Kodwa ke ubhuti lo ukhangeleka engengomntu uludidi olunokuthenga isilalo nentombi. Iyamkhuthaza nendaba yokuba esahleli apho umfo, noxa ke yena ehlelele ukumphoxa nje iyandikhuthaza.

Ngoko ke, usisi uye agqibe ekubeni atshintshe indlela ancokola ngayo naye.

“*Well*, ndiyaxolisa ke, bhuti. Uyakundivumela ukuba ndithi ndicela siqalele kwakhona?”

Uye azilungise usisi, ahlale kakuhle esitulweni ze ehlise kancinci *isketi* sakhe esenyuke sawaveza onke amathanga akhe. Usebenzisa iminwe yakhe ukwesula amacala emilebe yomlomo wakhe.

“Bhota,” utsho esalula isandla. USkhumba ufinga iintshiyi kodwa ke olule isandla esamkela esikasisi emva kwemizuzwana nje engephi. Uyasitsala eso isandla ze ityibilike kancinci

kwisitulo sayo intombi. Ixhathisa ngolunye unyawo phantsi ze oko kucuthe umgama ophakathi kwabo. Intombi iphakathi kokuma ngeenyawo nokuhlala.

Amadolo ayo angene phakathi kwamathanga kaSkhumba axananazileyo. USkhumba uyayiqinisa ukuyibamba yaye isandla sayo siqalisa ukubila ngoku.

“Wenzani?” iyambuza intombi.

“Ndimel’ ukuba ndiwubuza kuwe loo mbuzo.”

“Uthetha ukuthini? Ndicela ukhulule isandla sam torhwana, bhuti,” itsho intombi isalatha ngentloko ezandleni zabo ezisaqhineneyo. Uyancuma, ze asikhulule ngokukhawuleza.

“Ingaba *ubipolar*,” uphoxisa atsho uSkhumba, sele efumana ukuzithemba nangakumbi ngoku.

“Ingaba eneneni usesi sirhama uzenza sona ... esi nam ndicinga ukuba usiso?” iphoxise yatsho nentombi.

“Yhu ... bendithi uyingelosi uyazi? Kanti ukrwada olu hlobo, sisi? Akufani nawe oko. Kulungile ke kodwa, ndiyahamba,” utsho ephakama

Usisi uziva echazeka ngulo mfana, uyayithanda le ndaba yokungabonakalisi kumhoya nakumoyika kwakhe, wenza kanye le nto ayifunayo qha, uthetha le nto ayicingayo.

Uye agongqoze ngemithamo emithathu ekhawulezileyo oko kuseleyo kwibhotilana yakhe yebhiya ze kuwe ibhokisana yecuba.

“Lilonke ke, sisi, bekumnandi,” utsho esima ngeenyawo, eyinike uncumo olunga luyabhanxa intombi.

“Yima,” kutsho intombi

“Ewe ... ikho enye?”

“Khawuhlale phantsi.”

“Ngoba?”

“Ndiyakucela.”

“Kulungile ke.”

Akukho uthethayo.

“Ngoku ke ...?” utsho eyingqale ngqo emehlweni intombi uSkhumba, elindile.

“Khawume kancinci. Oh, Yesu! Khawume ndicinge.”

USkhumba usonga iingalo zakhe, ancume, esemi ngeenyawo.

“Awuzange wakhe waphoxwa yindoda ngaphambili nhe?” ubuza, esanqekekile uSkhumba.

Usisi uya esiba shushu. Ulwimi luyatyhudisa, lutyhalela phambili amazinyo akhe angaphambili. usisi ulungisa ukuhlala, asonge imilenze, eyiminca.

“Hay *maan* yintoni wena, khawume ndicinge,” iyanyanzelisa intombi.

USkhumba uye acele enye ibhiya ebharini.

“Ndithengele iwayini emhlophe, ndiyakucela,” yintombi leyo. USkhumba ucela iwayini emhlophe, athi xa kanye akhupha imali esipajini, aqwalasele ukuba kukho umfo aye agqibe ukuba ungowelinye lamazwe asemantla kweli lizwekazi lethu. Umfo lo ufika abhantse ngendlela edlalayo kwintombi le, ithi yakubheka incume, bawolane ngoko nangoko, bancamisane. Ngalo lonke eli thuba ubukele uSkhumba. Intombi iye ijonge kuSkhumba yakugqiba, ibulele ithi nanku umntu wayo ufikile, bayakuphinda babonane baqhube incoko yabo ngoLwesihlanu olulandelayo.

Ukhubekile uSkhumba, akazi ukuba makathini na, kodwa azicenge abuyele ezitshomini zakhe engasekho mnandi. Uthi efika apho izihlobo zakhe zimamkele ngezishushu zifuna ukwazi ukuba uhambe njani na kwela gqiyazana lihle kangakaya. Uye ale ukuthetha ngalo, atsho esithi uyagoduka yena. Uhambe efufutheka enjalo ngumsindo uSkhumba, wafika kwakhe waziphosa emandlalweni ngoko nangoko, ecinga ukuphulakana nenqatha sele esithi ulibambile ngolwa hlobo. Uleli apho ecinga kakubi kakhulu ngamadoda asemantla angawathandiyo ngoba kudala wayitsho into yokuba aze kubathathela iintombi nemisebenzi yabo eMzantsi Afrika.

“Mabahambe,” uvakele esitsho, ethetha yedwa.